

ISebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho

IsiCwangciso sokuSebenza soNyaka

sowama2024/25

INgxelo yeSigqeba esiLawulayo

Sisebenzela ukukhulisa uqoqosho olukhula ngesantya esiphakathi kwesi 4% nesi 6% ngowama 2035. Sisebenzela ukudala amakhulu amawaka emisebenzi emitsha nokukhupha abantu kubuhlwempu. Sisebenzela uqoqosho apho amashishini, amakhulu, amancinci nangekho sikweni, abe namandla, amanzi, iziseko zophuhliso, izakhono nobugcisa obufunekayo ukuze akhule kwaye aphumelele.

Inkolelo esisiseko eqhuba le njongo inamandla kukukholelwa ukuba icandelo labucala livelisa ingqesho, ngelixa urhulumente ekhuthaza ukukhula kwemarike ngokukhuthaza imekobume eyenza amathuba ekamva eliqaqambileyo.

Ukukhula kweMisebenzi (G4J) kufuna ukuba kusetyenziswe indlela karhulumente ebanzi, exananazileyo, neSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho (DEDAT) njengesebe eliququzelelayo kwaye likhokele ezintathu kwezisixhenxe iiNdawo eziPhambili ekuGxilwe kuzo (PFA).

Okokuqala, ukuvuselela uhlumo ngokuthumela impahla kumazwe angaphandle nokwandisa iimarike zasekhaya kubalulekile kuqoqosho loMzantsi Afrika. Indlela yethu icacile kwaye yamkela isicwangciso sokukhula esikhokelwe kuthunyelo kumazwe angaphandle, sigxile kuphando lokujongana neningeni yolungiselelo, ukusebenzisana nabachaphazelekayo abaphambili, kunye nokukhuthaza ukhenketho ukubeka iNtshona Koloni njengendawo efunwayo.

Okwesibini, ukuqhuba amathuba okukhula ngotyalomali kubalulekile. Ukwandiswa kokukhuthazwa kotyalomali nemisebenzi yophuhliso, nokuqonda okunzulu kobume botyalomali, kuya komeleza iNtshona Koloni ukomelela ekuchasaneni nobuthathaka kwaye ivuleleke iindlela zamathuba amatsha.

Okokugqibela, ukuphuculwa kofikelelo kumathuba ezoqoqosho kunye nokuqesheka kubandakanya uphuhliso lwabasebenzi noshishino, kujoliswe kubantu abatsha kuqoqosho lwethu. Ngokufunda ngamava, iinkqubo zezakhono ezizinikeleyo, neeprojekthi ezintsha, sikulungele ukunika amandla ukudalwa kwamawaka emisebenzi, ukwandisa ulwazi lokufunda nokubhala ngobuxhakaxhaka balemihla beintanethi, nokuphucula amakhonkco phakathi koludwe lwezifundo neemfuno zeshishini.

Isiseko senkqubo yeDEDAT sikwiindlela ezintathu zoqoqosho - ukwenza lula ukuqhuba ishishini nokunciphisa imithetho engeyiyo, ubuntlola kwezoqoqosho, nokwakha uphawu loqoqosho lweNtshona Koloni - zonke ezibaluleke kakhulu ekuphumezeni iinjongo zeG4J.

ISebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho linenkxaso yam ephelileyo njengoko liphumeza isiCwangciso seG4J, njengoko sibekiwe kwisiCwangciso sokuSebenza soNyaka sowama2024/25, kwaye kule nkqubo, sibumba ikamva eliqakayo nelinempumelelo nelixhamlayo kubo bonke.

Nksz Mireille Wenger

UMphathiswa wezeMali naMathuba oQoqosho

Umhla wama29 kweyoMdumba wama2024

INgxelo yeGosa eliPhendulayo

Umbono weSebe usengoweNtshona Koloni enoqoqosho oludlamkileyo, olusungula izinto ezintsha noluzinzileyo, oluphawulwa kukukhula koqoqosho nengqesho. Ipendulo yethu koku kukuzibophelela kubunkokeli obusemgangathweni kuqoqosho lweNtshona Koloni ngokuqonda kweSebe ngoqoqosho, isakhono salo sokuchonga amathuba ezoqoqosho nesakhono, negalelo lawo kwizinto eziphambili kurhulumente kuqoqosho.

IPhondo lamkele iQhinga lokuKhula kwezeMisebenzi (G4J) njengesicwangciso soqoqosho lwephondo, ngomnqweno wokudala indawo ecedayo yesiR1 setriliyoni, yoqoqosho olubandakanyayo olukhula phakathi kwesi4-6% ngonyaka.

Embindini wale njongo inamandla yinkolelo yokuba icandelo labucala lidala imisebenzi kwaye urhulumente ukhuthaza ukukhula kwemarike ngokudala indawo apho abantu namashishini bavunyelwe ukusebenzisa amathuba okwakha ikamva elingcono, bakhule kwaye babe kuko konke abanokuba kuko.

I-G4J isekelwe kwiinkalo ezisixhenxe eziphambili ekugxilwe kuzo (PFAs), ezizezi:

- Ukukhuthaza ukukhula ngokusebenzisa utyalomali
- Ukukhuthaza ukukhula kweemarike ngokuthumela impahla ngaphandle nokukhulisa iimarike zasekhaya
- Ukuphucula ukomelela kwamandla ombane nokwenza inguqu ukuya kwintsalela enekhambani ephantsi.
- Ukuqhuba ukhuseleko nokomelela kwamanzi
- Ubuchwepheshe nosungulo lwezinto ezintsha
- Isiseko sophuhliso noqoqosho olunxibelelanayo
- Ukuphucula ufikelelo kumathuba oqoqosho nokuqesheka

Ekomelezeni impendulo yeSebe kwiG4J, iDEDAT iza kudlala indima ebalulekileyo kwiiPFA ezintathu ezichazwe ngasentla, ezizezi, ukuvuselela ukukhula ngokuthumela ngaphandle nokukhulisa iimarike zasekhaya, ukuqhuba amathuba okukhula ngotyalomali nokuphucula ukufikelela kumathuba oqoqosho nokuqesheka. Ngaphaya koku, izinto ezintathu ezanceda uqoqosho (imimandla enomxholo ochaphazela ukuphunyezwa ngempumelelo kwePFAs) nazo ziza kuqwalaselwa, ezizezi, ukwenza lula ukuqhuba ushishino ngoNciphiso lweMithetho engeyoMfuneko, ubuntlola kwezoQoqosho nokuphucula unxibelelwano nokwakha uphawu loqoqosho lweNtshona Koloni.

Esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka sowama2024/25 sithathela ingqalelo ngokunzulu isicwangciso seG4J kwaye sibonelela ngezicwangciso namanyathelo eliza kuthi iSebe liwathabathe kulo nyakamali ngokubhekiselele ekuphunyezweni kwalo okuqhubekayo. Ngoku kunakuqala oku kufuna ukomelezwa nokwandiswa kwemimandla yentsebenziswano kuRhulumente wePhondo liphela nokusebenza ngokubambisana namashishini abucala ekukhuthazeni ukukhula koqoqosho nokudalwa kwamathuba emisebenzi kubahlali baseNtshona Koloni. Isebe likwavuma ukuba le mfuneko ijongwe ngabaseTyhini, uLutsha naBantu abaPhila noKhubazeko (WYPD) kwaye ithathele ingqalelo oku ekuphumezeni injongo yethu yesicwangciso soqoqosho lwephondo oluphumeza ukukhula koqoqosho, okukhokelela kuqesho olwaneleyo nethuba nokukhula koqoqosho, uqoqosho oluzinzileyo, olomeleleyo, olwahlukileyo noluhlumayo- oluvelisa ukuzithemba, ithemba nempumelelo kumntu wonke.

ISebe lihleli lizibophelele kwisigunyaziso salo sonikezelo lweenkonzo kwaye ndithanda ukubulela iiarhente zethu zenkxaso, abachaphazelekayo, nabaxhasi bethu - amashishini ahlala ezibophelele nanethemba lokuba negalelo kumbono woqoqosho okwabelwana ngawo kwiNtshona Koloni. Siyakhuthazwa ngamathemba okukhula kothethathethwano, ubambiswano nentsebenziswano nabachaphazelekayo ukuze sifezekise umbono ngokuhlangeneyo woqoqosho lweNtshona Koloni.

Mnu Velile Dube

IGosa loBalomali leSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketh

Umhla wama27 kweyoMdumba wama2024

Utyikityo oluseMthethweni

Ngokwenjenje ndiqinisekisa ukuba esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka:

Saphuhliswa ngabalawuli beSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho phantsi kwesikhokelo sikaMphathiswa uMireille Wenger.

Sithathela ingqalelo yonke imigaqonkqubo efanelekileyo, imithetho neminye imiyalelo ejongene nalo iSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho.

Sibonakalisa ngokuchanekileyo iZiphumo neZiqhamo iSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho eliza kuzama ukuziphumeza kwisithuba sowama2024/25.

Iphunyezwe ngu:

John Peters

UMLawuli weNkqubo: IiNkonzo eziHlangeneyo zoPhuhliso loQoqosho

Ilse van Schalkwyk

UMLawuli weNkqubo: UPhuhliso noRhwebo lweCandelo

UMLawuli weNkqubo: UKhenketho, uBugcisa noKonwabisa

Ashley Searle

UMLawuli weNkqubo: UMthetho woShishino

Nezaam Joseph

UMLawuli weNkqubo: UPhuhliso lweZakhono noSungulo lwezinto ezintsha

Mymoena Abrahams

UMLawuli weNkqubo: ULawulo

IGosa eliyiNtloko leMali

Rashid Toefy

USEkela Mlawuli Jikelele: ImiSebenzi yezoQoqosho

Jo-Ann Johnston

UMLawuli weNkqubo: IsiCwangciso sezoQoqosho

USEkela Mlawuli Jikelele: ABakhawulezisi besiCwangciso soQoqosho noPhuhliso

Uxanduva lweGosa eliyiNtloko loCwangciso

Velile Dube

IGosa eliPhendulayo

Mireille Wenger

IGunya eliLawulayo

Iziqulatho

INGXELO YEGOSA ELIPHENDULAYO	3
UTYIKITYO OLUSEMTHETHWENO	4
Uluhlu lweziFinyezo	6

ICANDELO A: IGUNYA LETHU 9

Igunya lomgaqosiseko	10
1. Uhlaziyo lwemithetho efanelekileyo nezigunyaziso zomgaqonkqubo	10
2. Uhlaziyo kwimigaqonkqubo nezicwangciso zesebe	12
3. Izigwebo zenkundla ezifanelekileyo	14

ICANDELO B: UGXILO LWETHU LWESICWANGCISO 17

4. Uhlalutyo lwemeko ehlaziyiweyo	18
4.1 Uhlalutyo lwemeko yangaphandle	18
4.2 Uhlalutyo lwemeko yangaphakathi	26

ICANDELO C: UMLINGANISELO WETHU WOKUSEBENZA 37

5. Inkqubo yoku1: Ulawulo	38
6. Inkqubo yesi2: IiNkonzo zoPhuhliso lwezoQoqosho oluHlanganisiweyo	48
7. Inkqubo yesi3: URhwebo noPhuhliso lweCandelo	65
8. Inkqubo yesi4: ImiMiselo noLawulo loShishino	77
9. Inkqubo yesi5: UCwangciso loQoqosho	86
10. Inkqubo yesi6: UKhenketho, ubuGcisa noKonwabisa	106
11. Inkqubo yesi7: UPhuhliso lweZakhono noSungulo lwezinto ezintsha	120
12. Uhlaziyo lwemingcipheko engundoqo noncithshiso kwiQhinga lesiCwangciso	129
13. Amaqumrhu karhulumente	129
14. Iiprojekthi zeziseko zophuhliso	129
15. UBudlelwaneh Phakathi kukaRhulumente namaShishini aBucala	129

ICANDELO D: IINKCAZELO ZESALATHISI SOBUCHWEPHESHE 131

Inkqubo yoku1: Ulawulo	132
Inkqubo yesi2: IiNkonzo zoPhuhliso lwezoQoqosho oluHlanganisiweyo	143
Inkqubo yesi3: UPhuhliso noRhwebo lweCandelo	164
Inkqubo yesi4: ImiMiselo noLawulo loShishino	175
Inkqubo yesi5: UCwangciso loQoqosho	181
Inkqubo yesi6: UKhenketho, ubuGcisa noKonwabisa	194
Inkqubo yesi7: UPhuhliso lweZakhono noSungulo lwezinto ezintsha	213

IZIHLOMELO KWISICWANGCISO SOKUSEBENZA 221

IsiHlomelo A: Izilungiso kwiQhinga lesiCwangciso	222
IsiHlomelo B: Izibonelelo zoXhomekeko	222
IsiHlomelo C: Izalathisi eziHlanganisiweyo	222
IsiHlomelo D: IModeli yoPhuhliso lweSithili	222

Uluhlu lweziFinyezo

ACSA	Inkampani yeziKhululo zeeNqwelomoya eMzantsi Afrika
ADR	Enye indlela yokuSombulula iiMbambano
AI	UbuNzululwazi bokwenza ooMatshini bacinge/basebenze njengabantu
ASEZ	INdawo yezoQoqosho oluKhethekileyo yaseAtlantis
BCI	ISalathiso sokuZithemba kwiShishini
DAFF	ISEbe lezoLimo, amaHlathi nezokuLoba
DDI	UTyalomali lwaseKhaya oluthe Ngqo
DEADP	ISEbe leMicimbi yeNdalo noCwangciso loPhuhliso
DEDAT	ISEbe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho
DMO	INdawo yeMibutho yeNtengiso
DOA	ISEbe lezoLimo
DOTP	ISEbe leNkulumbuso
DT	ISEbe lezoKhenketho
DPME	UBekoliso noVavanyo lokuSebenza kweSebe
ECEP	Inkqubo yokuPhucula uKhuphiswano kuMazwe angaphandle
ED	UPhuhliso lweShishini
EoDB	Ukwenza Lula ukuQhuba iShishini
FDI	UTyalomali lwaNgaphandle oluthe Ngqo
G4J	UkuKhula kweMisebenzi
GDP	IMveliso yeLizwe yoNyaka
GEM	UBeko liso kuShishino lweHlabathi
GVA	IXabiso eliPheleleyo eloNgeziweyo

ICT	UbuXhakaxhaka beeNkcukacha noNxibelelwano
IDP	IsiCwangciso soPhuhliso esiManyanisiweyo
IGR	Ubudlelwane bamasebe phakathi koorhulumente
IMF	INgxowamali yaMazwe ngaMazwe
IPAP	IsiCwangciso sokuSebenza koMgaqonkqubo wezoShishino
IPRO	IiProjekthi zoTyalomali eziLungele ukuBonelela
JDMA	INdlela yoMasipala weSithili eDityanisiweyo
LED	UPhuhliso lwezoQoqosho lwaseKhaya
M&E	UBekoliso noVavanyo
MER	UKomelela kweMandla kaMasipala
MERO	UPhononongo neNkangeleko yezoQoqosho lukaMasipala
MTSF	ISakhelo sesiCwangciso sesiGaba esiPhakathi soNyaka
NCR	Umlawuli kaZwelonke wamaTyala
NDP	Isicwangciso soPhuhliso sikaZwelonke
NEET	Ongekho kwiNgqesho, iMfundo okanye uQeqesho
NIP	IsiCwangciso seSiseko soPhuhliso sikaZwelonke
NISED	UPhuhliso lukaZwelonke oluDibeneyo lwamaShishini amaNcinci
NTSS	IsiCwangciso seCandelo loKhenketho lukaZwelonke
OCP	I-Ofisi yoMkhuseli wabaThengi
PERO	UPhononongo neNkangeleko yezoQoqosho lwePhondo
PFA	INdawo ePhambili ekuGxilwe kuyo

PoCT	IZibuko laseKapa
PPP	UbuHlakani phakathi koRhulumente namaShishini aBucala
PSIP	IQhinga loPhunyezo lwesiCwangciso lwePhondo
PSP	IQhinga lesiCwangciso sePhondo
QLFS	UPhondo lweKota lwaBasebenzi
REIPPPP	Inkqubo yoMvelisi waMandla oZimeleyo oHlaziwayo
RLED	Uphuhliso loQoqosho lwaseMaphandleni nolweNgingqi
RTRU	IYunithi yoNcithshiso lweMithetho engeyoMfuneko
SARB	IBhanki enguVimba yaseMzantsi Afrika
SBIDZ	UmMandla woPhuhliso loShishino waseSaldanha Bay
SDG	INjongo yoPhuhliso oluZinzileyo
SEDA	IArhente yoPhuhliso lwamaShishini amaNcinci
SEFA	IArhente yeMali yamaShishini amaNcinci
SIME	IiNgqungquthela zikaMasipala eziDityanisiweyo
SMME	Small, AmaShishini amaNcinci, aPhakathi namaNcinci kakhulu
SOE	AmaShishini aPhantsi koRhulumente
TEA	Lilonke izinga loMsebenzi woShishino wenqanaba lokuqala
TGCSA	IBhunga loHlelo loKhenketho laseMzantsi Afrika
the dtic	ISebe loRhwebo, uShishino noKhuphisano
TPA	IsiVumelwano soDluliselo lweNtlawulo
VIP	OkuPhambili okuPhenjelelwa nguMbono
WCED	ISebe leMfundo laseNtshona Koloni
WCG	URhulumente waseNtshona Koloni

WCRP

IsiCwangciso soBuyiselo loQoqosho eNtshona Koloni

ICandelo A: IGunya Lethu

Igunya lomgaqosiseko

Umgaqosiseko weRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika, we1996

IShedyuli yesi4 yoMgaqosiseko weRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika idwelisa imimandla yokusebenza enobuchule obufanayo bowisomthetho lukazwelonke nolwephondo. Ezo ndawo zifanelekileyo kuPhuhliso loQoqosho noKhenketho (DEDAT) zezi:

- Ukhuselo lwaBathengi;
- INkuthazo yezoShishino;
- UKhenketho; no
- Rhwebo.

IShedyuli 4B yoMgaqosiseko ichaza ukhenketho lwengingqi njengomcimbi worhulumente wengingqi onegunya lokuwisa umthetho kazwelonke nowephondo ngaxeshanye, njengoko kucacisiwe kwiCandelo 155(6)(a) nelesi(7) loMgaqosiseko.

1. Uhlaziyo lwemithetho efanelekileyo nezigunyaziso zomgaqonkqubo

Ziliqela izenzo ezidlala indima kumsebenzi weDEDAT. Eyona mithetho nemigaqonkqubo ibaluleke ngakumbi yile:

UMthetho wokuXhotyiswa kwabaNtsundu kwezoQoqosho ngokuBanzi, wama2003 (uMthetho wama 53 wonyaka wama2003)

Lo Mthetho ngumthetho onqamlezileyo onezibophelelo zothotyelo eziqhelekileyo ezisebenza kuwo onke amasebe. Iseka isiseko sowisomthetho sokukhuthaza ukuxhotyiswa kwabantsundu kwezoqoqosho, ixhobisa umphathiswa kazwelonke ukuba akhuphe imigaqo yokusebenza kakuhle nokupapasha imiqulu yenguqu, iseka iBhunga leeNgcabiso lokuXhotyiswa kwabaNtsundu kwezoQoqosho lize libonelele ngemiba enxulumene noko.

UMthetho wamaShishini, we1991 (uMthetho wama71 we1991)

Lo Mthetho ubonelela ngokunikwa kwephephamvume nokuqhutywa kwamashishini nemiba enxulumene noko.

UMthetho weNkampani yeZiko leNkomfa yeHlabathi laseKapa, wama2000 (uMthetho wesi8 wama2000)

Injongo yalo Mthetho kukubonelela ngezabelo zePhondo leNtshona Koloni kwiNkampani yeZiko leNkomfa yeHlabathi yaseKapa, ukulungiselela inkxasomali ebonelelwa kwiNkampani liPhondo nokubonelela ngemiba ehambelana noko.

UMthetho woKhuseleko lwabathengi, wama2008 (uMthetho wama68 wonyaka wama2008)

Lo Mthetho ukhuthaza indawo yentengiso enobulungisa, efikelekayo nezinzileyo yeemveliso neenkono zabathengi kwaye ngaloo njongo useka izithethe nemigangatho yesizwe enxulumene nokukhuselwa kwabathengi, ubonelela ngemigangatho ephuculweyo yeenkcukacha zabathengi, uthintela urhwebo olungalunganga nezenzo zoshishino, ukhuthaza ukuziphatha kwabathengi abathembekileyo, ikhuthaza umthetho ongaguqukiyo nesikhokelo sonyanzeliso ngokunxulumene neentengiselwano kunye nezivumelwano zabathengi, kwaye iseka iKhomishini kaZwelonke yabaThengi.

[UMthetho weNtsebenziswano, wama2005 \(uMthetho we14 wama2005\)](#)

Lo Mthetho uyayivuma, phakathi kwezinye izinto, imfuneko yokubhaliswa kwamafelandawonye, ngokungqinelana noMgaqosiseko, iingqungquthela nezivumelwano zamazwe ngamazwe, umgaqonkqubo oxananazileyo worhulumente kazwelonke, wephondo nowengingqi nezikhokelo zolawulo olusemthethweni, kwakunye nemfuneko yophuhliso lombutho, umbutho wentsebenziswano osebenzayo, ozimeleyo, ozithembayo nozigcinayo ukukhuthaza uphuhliso loluntu noshishino, ukudala amathuba engqesho namashishini ayimpumelelo, ukuphelisa intlupheko nokuphucula impilontle yentlaloqoqosho yamalungu oomasibambisane ngokuhambelana nentsebenziswano. -imigaqo yokusebenza.

[UMthetho wamaShishini amaNcinci kaZwelonke, we1996 \(uMthetho we102 wonyaka we1996\)](#)

UMthetho ubonelela ngokusekwa kweZiko leeNgcebiso neArhente yoPhuhliso lwamaShishini amaNcinci kwaye unikezela ngezikhokelo kumaziko karhulumente ukuze kukhuthazwe amashishini amancinci kwiRiphabhliki nakwimiba ehambelana noko.

[UMthetho weNkampani yamaPhephamvume yeIDZ yaseSaldanha Bay, wama2016 \(uMthetho woku1 wama2016\)](#)

Injongo yalo Mthetho kukulawula ukusebenza kweNkampani iSOC Ltd yamaPhephamvume yeIDZ yaseSaldanha Bay, ukubonelela ngezabelo kuRhulumente weNtshona Koloni kwiNkampani iSOC Ltd yamaPhephamvume yeIDZ yaseSaldanha Bay, ukubonelela ngeenjongo, imisebenzi nolawulo lweNkampani iSOC Ltd yamaPhephamvume yeIDZ yaseSaldanha Bay nakwimiba ehambelana noko.

[UMthetho weMimandla yoQoqosho eKhethekileyo, wama2014 \(uMthetho we16 wama2014\)](#)

Injongo yalo Mthetho kukubonelela ngokumiselwa, ukukhuthazwa, uphuhliso, ukusebenza nolawulo lweMimandla yezoQoqosho eKhethekileyo, ukusekwa, ukuqeshwa kwamalungu nokusebenza kweBhodi yeeNgcebiso yeMimandla yoQoqosho eKhethekileyo, ukusekwa kweNgxowamali yeMimandla eYodwa yoQoqosho, imisebenzi. kuMsebenzi weMimandla yezoQoqosho eKhethekileyo, ukulawula isicelo, ukukhutshwa, ukunqunyanyiswa, ukurhoxiswa kunye nokudluliselwa kweemvume zokusebenzisa iiNdawo zoQoqosho eziKhethekileyo, ukubonelela ngamalungiselelo otshintsho nemiba enxulumene noko.

[UMthetho wezoKhenketho, wama2014 \(uMthetho wesi3 wama2014\)](#)

Lo Mthetho ubonelela ngophuhliso nokukhuthazwa kokhenketho oluzinzileyo ukuze kuxhamle iRiphabliki, abahlali bayo neendwendwe zayo, ukuze kuqhubekwe ubukho beBhodi yezoKhenketho yaseMzantsi Afrika nokusekwa kweBhunga loHlelo lwezoKhenketho, ulawula umsebenzi wabakhokeli babakhenkethi kwaye ubonelela. kwimiba enxulumene noko. Ibonelela ngokukodwa ngobhaliso, ubuchule nomgaqo wokuziphatha nemigaqo yokuziphatha yabakhokeli babakhenkethi, iinkqubo zokuxela utyeshelo nokufakwa kwezikhokelo namanyathelo oluleko ngakubakhokeli babakhenkethi.

[UMthetho weMicimbi yabaThengi weNtshona Koloni \(iZenzo zoShishino ezingenabulungisa\), wama2002 \(uMthetho we10 wama2002\)](#)

UMthetho ubonelela ngophando, uthintelo nolawulo lwezenzo zoshishino ezingalunganga kwaye useka iOfisi yoMkhuseli wabathengi neZigqeba zeMicimbi yabaThengi.

[UMthetho wobuLungu eNtshona Koloni kuMthetho weNtsebenziswano yoPhuhliso loQoqosho eNtshona Koloni, wama2013 \(uMthetho we12 wama2013\)](#)

Injongo yalo Mthetho kukubonelela ngobulungu bukaRhulumente wePhondo leNPC yeNtsebenziswano yoPhuhliso loQoqosho eNtshona Koloni, ukulawula udluliselo lwemali kwiNPC yeNtsebenziswano yoPhuhliso loQoqosho lweNtshona Koloni nokubonelela ngemiba ehambelana noko.

UMthetho weNkampani yeZiseko ezinguNdoqo zoPhuhliso loQoqosho eNtshona Koloni, wama2019 (uMthetho wesi3 wama2019)

UMthetho useka umntu osemthethweni owaziwa ngokuba yiNkampani iSOC Ltd yeZiseko ezinguNdoqo zoPhuhliso loQoqosho eNtshona Koloni, ugunyazisa ukuba nezabelo kuRhulumente weNtshona Koloni kwiNkampani, ubonelela ngamagunya, imisebenzi, ulawulo, ulawulo, inkxasomali nolawulo lwemali yeNkampani kwimiba ehambelana noko.


UMthetho weArhente yokuKhuthaza uKhenketho, uRhwebo noTyalomali eNtshona Koloni, we1996 (uMthetho wesi3 we1996)

UMthetho ubonelela ngokusekwa, ukuqeshwa, amagunya nemisebenzi yeArhente yeNtshona Koloni yokuKhuthaza uKhenketho, uRhwebo noTyalomali (“Wesgro”) ukuze kukhuthazwe kwaye kuxhaswe ukukhula koqoqosho nophuhliso lwePhondo, nokubonelela ngemiba ehambelana noko.

2. Uhlaziyo kwimigaqonkqubo nezicwangciso zesebe

ISebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho liza kuxhasa amalinge eWCG ukuze asebenzele ukufikelela kwiziphumo njengoko zibekiwe kumgaqonkqubo wehlabathi, kaZwelonke, nowephondo (jonga iSazobe soku 1 ngezantsi).

Isazobe soku1: Umxholo womgaqonkqubo wehlabathi, kaZwelonke nowephondo¹¹



Eminye imigaqonkqubo nezicwangciso zikaZwelonke ezisebenzayo

- IsiCwangciso sokuSebenza koMgaqonkqubo wezoShishino (IPAP);
- Isakhelo soMgaqonkqubo woVavanyo lukaZwelonke, sowama2011;
- IsiCwangciso sikaZwelonke soBuyiselo lweCandelo lezoKhenketho, sowama2021;

¹ *INgxelo yoMgaqonkqubo woHlahlo lwabiwomali lwesiQingatha soNyaka wama2023, iphepha lama72*

- IsiCwangciso seCandelo lwezoKhenkeyo lukaZwelonke (NTSS);
- IsiCwangciso soPhuhliso lweCandelo leICT (sowama2012);
- IPhepha leNgcaciso yoMgaqonkqubo oDityanisiweyo kaZwelonke weICT (lowama2016);
- IsiCwangciso se-elekroniki sikaZwelonke (sowama2017);
- IsiCwangciso seZakhono zobuXhakaxhaka balemihla bekhompyutha (sowama2018);
- IKomishoni kaMongameli kwiKhomishini yeSine yezoShishino – iNgxelo yeziPhakamiso (yowama2020);
- IsiCwangciso seZakhono zeZesha elizayo nobuXhakaxhaka balemihla bekhompyutha sikaZwelonke (sowama2020);
- IsiCwangciso esinguNdoqo sikaZwelonke soPhuhliso lwamaShishini amaNcinci aDityanisiweyo (NISED). (sowama2022);
- I-ICT nesiCwangciso esinguNdoqo sezoQoqosho lobuXhakaxhaka balemihla bekhompyutha nesiCwangciso seICT soQoqosho sobuXhakaxhaka balemihla bekhompyutha (sowama2021/2023);
- IsiCwangciso sikaZwelonke seZiseko ezinguNdoqo sowama2050 (NIP2050) (sowama2022); kunye
- NesiCwangciso sokuVuselela uQoqosho lwaseMzantsi Afrika nesiCwangciso soBuyiselo, sowama2020.

Imigaqonkqubo nezicwangciso zePhondo nezeSebe

ISebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho lwesiCwangciso seMinyaka emiHlanu sowama2020 – 2025

Isicwangciso seDEDAT sowama2020 – 2025 seminyaka emihlanu silungelelaniswe kakuhle neQhinga lesiCwangciso sePhondo nesiCwangciso soBuyiselo seNtshona Koloni. Ibandakanya iinkalo ezintlanu ekugxilwe kuzo, ezizezi:

- Utyalomali ngokukhuthazwa neziseko ezingundoqo;
- Ukukhulisa uthunyelelo lwangaphandle;
- Ukuqubisana nemisantsa kwizakhono;
- Ukukhawulezisa ukwenza lula ukuqhuba ushishino; kunye
- Nokomelela kwezixhobo.

Ezi nkalo kugxilwe kuzo lisebe neziphumo zazo zenza isiseko sesicwangciso seminyaka emihlanu seDEDAT.

IsiCwangciso sokuKhula kweMisebenzi (G4J)

Ukukhula koqoqosho kubalulekile ekudaleni imisebenzi ekhawulezileyo nezinzileyo, ukukhula okukhawulezayo kwimigangatho yokuphila nokwandisa izixhobo ezifumanekayo eluntwini. URhulumente weNtshona Koloni uye waqaphela imfuneko yesicwangciso sokunyusa izinga lokukhula koqoqosho kwiphondo ngokumangalisayo kwaye, kangangokuba ukukhula okuthe gqolo ukudodobala eMzantsi Afrika, ukuthomalalisa umyinge wohlumo lwePhondo kulowo welizwe lonke. Isicwangciso seG4J simisele injongo ebanzi, engumngeni nenebhongo lokuba iNtshona Koloni ikhulise uqoqosho lwayo ngesi4% nesi6% ngowama2035.

Esi sicwangciso sicacisa ukuba indlela esilukhulisa ngayo uqoqosho lwethu ibalulekile njengohlumo ngokwalo. Ngale ndlela, iqhinga leG4J lizahlula kumacebo angaphambili, ngokubonelela ngombono wexesha elide nekujoliswe kuko okucacileyo, okuqulunqwe ngaphakathi kwemigaqo echaziweyo. Isekelwe kwizisombululo ezicwangcisiweyo ezijongana nemiqobo ebophelelayo engundoqo nendawo evumela icandelo labucala elikhawulezisa ukukhula koqoqosho lwethu.

Ukuqulunqwa kwesicwangciso seG4J kuqhutywa ziinkcukacha, kukhokelwa bubungqina kwaye kubandakanye uthethwano olubanzi. Ithathela kuHlobo lokuKhula kwephondo olugqitywe ngowama2022 kwaye ibandakanya iqela lamagosa neengcaphephe ezizimeleyo eziye zathethathethana nabachaphazelekayo kumacandelo abucala nakarhulumente, nabameli abavela kuluntu ngokubanzi nezifundiswa.

Ngokuqonda ukuba uRhulumente weNtshona Koloni (WCG) ayisosiqithi, isicwangciso seG4J saqulunqwa namahlakani kuwo onke amacandelo karhulumente, icandelo labucala, uluntu nezifundiswa. Isicwangciso seG4J sisicwangciso sikarhulumente wonke, soluntu lonke impumelelo yalo ifuna amandla, ukuzibophelela nokwabiwa kwezibonelelo ezivela kurhulumente wonke, icandelo labucala kunye noluntu.

Jonga kwiCandelo B lale APP ngempendulo yeSebe kwisicwangciso seG4J.

I-OneCape2040

I-OneCape2040 izinzame zangabom zokuvuselela inguqu ekhokelela kwikamva loqoqosho olubandakanyayo noluzinzileyo kwingingqi yeNtshona Koloni. Ngumbono nesicwangciso soluntu, endaweni yokuba sisicwangciso sikarhulumente, nangona omathathu amacandelo karhulumente eyimfuneko ekuphunyezweni. Ayithathi indawo yazo naziphi na izicwangciso ezisemthethweni ezikhoyo ezifunwa nokuba liphondo okanye koomasipala. Endaweni yoko, ijongwe njengendawo yesalathiso nesikhokelo kubo bonke abachaphazelekayo ukuze:

- Khuthaza ukucinga okutsha nokuzibandakanya okubalulekileyo kwikamva;
- Ukubonelela ngeajenda efanayo yentsebenziswano yabucala, yoluntu nasekuhlaleni;
- Ukunceda ukulungelelanisa izenzo zikarhulumente nezigqibo zotyalomali;
- Ukuququzelela utshintsho oluyimfuneko ekufuneka silwenze ukuziqhelanisa nokutshintsha kwethu (ngokukhawuleza) kwimeko yasekhaya neyehlabathi; kunye
- Nokuqubisana nophuhliso, uzinzo, ubandakanyo nemfuneko yokhuphiswano.

IQhinga lesiCwangciso sePhondo (PSP) lama2019 ukuya kuma2024

I-PSP yama2019 ukuya kuma2024 sisicwangciso seminyaka emihlanu esibonisa izicwangciso nezicwangciso zikaRhulumente weNtshona Koloni kule minyaka mihlanu izayo. Ibandakanya izinto ezintlanu eziPhambili eziPhenjlelwa nguMbono, ezizezi

- OkuPhambili okuPhenjlelwa nguMbono woku1: Uluntu olukhuselekileyo nolubumbeneyo;
- OkuPhambili okuPhenjlelwa nguMbono wesi2: Ukukhula nemisebenzi;
- OkuPhambili okuPhenjlelwa nguMbono wesi3: Ukuxhobisa abantu;
- OkuPhambili okuPhenjlelwa nguMbono wesi4: Ukuguququka nokutshintsha komhlaba; kunye
- OkuPhambili okuPhenjlelwa nguMbono wesi5: Utshintsho nenkcubeko.

IQhinga loPhunyezo lwesiCwangciso sePhondo (PSIP)

IQhinga loPhunyezo lwesiCwangciso sePhondo (PSIP) sisebenza njengesicwangciso sophunyezo lweQhinga lesiCwangciso sePhondo sowama2019-24, isiCwangciso soBuyiselo, nezinto eziphambili ngokubaluleka kwiphondo. Isicwangciso seG4J, njengesona sicwangciso soqoqosho sePhondo, siza kuthabathel' indawo okuPhambili kweMisebenzi yePSIP nesiCwangciso soBuyiselo.

IQhinga loPhunyezo lwesiCwangciso sePhondo sijolise kungenelelo olungundoqo nezalathisi kuWCG wonke ezixhasa izinto ezintathu eziphambili ngokubaluleka 1) imisebenzi; 2) ukhuseleko; 3) intlalontle; nesixhobo sokusungula izinto ezintsha, inkcubeko nolawulo. Njengoko kuvela amaphulo amatsha acwangcisiweyo kwaye kwenziwa izibophelelo ezintsha, ziza kongezwa kwiPSIP, lo gama amaphulo agqityiweyo okanye angasebenziyo aza kuyekwa. I-PSIP ithathwa njengoxwebhu olukhoyo.

Itheyibhile yoku1: Izinto eziphambili kwiQhinga loPhunyezo lwesiCwangciso sePhondo nemimandla ekugxilwe kuyo

Izinto eziphambili kwiQhinga loPhunyezo lwesiCwangciso sePhondo nemimandla ekugxilwe kuyo					
Ukudalwa kwemisebenzi: izakhono nokuqesheka	Ukuvumela imekobume	Uphuhliso lwecandelo nokhuphiswano	Utyalomali	Ukomelela kwezixhobo	Iziseko zophuhliso

Izinto eziphambili kwiQhinga loPhunyezo lwesiCwangciso sePhondo nemimandla ekugxilwe kuyo					
nokudalwa kwemisebenzi kwiCandelo loLuntu					

[ISakhelo sesiCwangciso soQoqosho loHlaza eNtshona Koloni](#)

Injongo yesi sikhokelo kukubeka iNtshona Koloni njengelona phondo lisezantsi kwikhabhoni eMzantsi Afrika nelona phondo likhokelayo kuqoqosho lohlaza kwilizwekazi laseAfrika elikhokelela kuhlumo lohlaza oluzinzileyo nophuhliso.

3. Izigwebo zenkundla ezifanelekileyo

Apho izigwebo zifanelekile kwimisebenzi yeSebe, iingcebiso zezomthetho zifunyanwa, zihlolisiswa kwaye ziphunyezwe apho kukho imfuneko.

ICandelo B: UGxilo Lwethu lwesiCwangciso

4. Uhlalutyo lwemeko ehlaziyiweyo

4.1 Uhlalutyo lwemeko yangaphandle

Inkangeleko yezoqoqosho lwehlabathi

INgxowamali yaMazwe ngamazwe ilindele ukukhula kwehlabathi nge3.1% ngowama2023 nangowama2024.² I-IMF ilumkisa ngeengozi kuqoqosho lwehlabathi oluvela ekuqiniseni kwemfazwe eUkraine neziganeko ezinxulumene nemozulu.

Ukukhula okuphezulu kunokufikeleleka ngakumbi ngowama2024 neebhanki ezingoovimba kwihlabathi jikelele kulindeleke ukuba zinciphise umgaqonkqubo wemali, zicuthe inzala. Imvumelwano ibambe ukuba ibhanki yaseUS iFederal Reserve (Fed) igqityiwe ngokunyuka kwexabiso lenzala (okwakujoliswe ekunciphiseni ukunyuka kwamaxabiso) nokunciphisa kulindeleke ukuba ngelinye ixesha ngowama2024 ukuvumela ukwanda³ koqoqosho. Iintshukumo zeFed kulindeleke ukuba zibonise utshintsho lwehlabathi ekunciphiseni iindleko zetyala, ukukhuthaza ukukhula kotyalomali nezivumelwano zembolekomali kwihlabathi liphela.

Ukongeza, iimeko ezinxulumene nemfazwe yaseRussia-Ukraine nokhuphiswano lweUS-China luyanda umngcipheko welizwe kwaye lukhokelela ekubeni iifemu zehlabathi ziphinde zicinge ngamakhonkco obonelelo nemigaqonkqubo² yotyalomali. Ingqungquthela yeBRICS eyayisindlekwe nguMzantsi Afrika ngowama2023 yafumana ingqwalasela enkulu yamajelo eendaba, iqaqambisa ifuthe lolu qoqosho lusakhulayo elinayo kumlinganiselo wehlabathi jikelele nendlela obu budlelwane obunokuthi butshintshe ngayo ulungelelwaniso lwamandla ehlabathi, ibiza ulungelelwaniso lwehlabathi oluninzi endaweni yobunkokheli⁴ beUS. Ukudityaniswa kwamakhonkco obonelelo nezinye iinzame zentsebenziswano zinokubona uphuhliso kuqoqosho.⁵ IweBRICS+. Ukuthunyelwa kwenqanawa kwihlabathi jikelele kusemngciphekweni wokuphazanyiswa ngakumbi yimfazwe eqhubekayo yakwaisrael-Palestine, ngenkxalabo yeendleko zokuthumela ngenqanawa xa iinqanawa zithatha indlela ende ejikeleze iAfrika endaweni yokusebenzisa iSuez Canal.

Okokugqibela, iziganeko zemozulu ze-El Niño zibeka uxinzelelo olunyukayo kumaxabiso² okutya ehlabathi. Umbutho weHlabathi weMoyezulu ubhengeze eyeKhala wama2023 njengeyona nyanga ishushu kwirekhodi.⁶ Imbalela yakutsha nje eUS ibalelwe kukuhla ngama50% nyaka nonyaka kwimveliso yengqolowa yedurum nama33% yokunciphisa nyaka nonyaka kwizivuno zerhasi. Iimbotyi zesoya, umbona, kunye namazimba nazo zibone ukuncitshiswa kwezivuno⁷ ngama50%. Le miqondiso kufuneka isebenze njengezibane ezilumkiso kubonelelo lokutya lwehlabathi. Ukongeza, iRussia yarhola kwisivumelwano esibalulekileyo esenziwa zizizwe eziManyeneyo, ukuqinisekisa ukuhamba ngokukhuselekileyo kweenkosi nembewu yeoli evela eUkraine. Esi sivumelwano – iBlack Sea Grain Initiative – sincede ekwehliseni amaxabiso okutya kwihlabathi liphela ukuya kuthi ga kuma20% ngexesha lokuphunyezwa kwaso.⁸

² INgxowamali yaMazwe ngamazwe. KweyoMqungu wama2024. Uhlaziyo lweNkangeleko yoQoqosho lweHlabathi.

³ IiReuters. Kowama2023. Ngokunyuka kwesantya kunokwenzeka, iFed ibhenele kwixesha lokunciphisa.

⁴ IBhunga lezoBudlelwane baNgaphandle. Kowama2023. Ingqungquthela yeBRICS yowama2023: Ukukhangela uMyalelo ongomnye weHlabathi?

⁵ Amalungu eBRICS+ ukususela kowoku1 kweyoMqungu wama2024: Brazil, Russia, India, China, South Africa, Argentina, Egypt, Ethiopia, Iran, Saudi Arabia, neUnited Arab Emirates.

⁶ Umbutho weMoyezulu weHlabathi. Kowama2023. KweKhala wama2023 iqinisekisiwe njengenyanza eshushu kwirekhodi.

⁷ I-Observatory of Economic Complexity. Kowama2023. Intlekele yeMozulu. U-El Niño Udibana neMbalela eNkulu yaseU.S: Ingxaki yoKutya kweHlabathi Jikelele Iyanda.

⁸ I-News24. Kowama2023. IRashiya ibulala isivumelwano sokutya okuziinkozo ukuba ingathetha ntoni kubathengi baseMzantsi Afrika.

Ecaleni, ukunyuka kwamaxabiso kunokuhla ngokukhawuleza kunokuba bekulindelwe, ukunciphisa imfuno yomgaqo-mali ongqongqo, nemfuno yangaphakathi inokuphinda ibonakalise ukomelela ngakumbi. Ngaphaya koko, i-Indiya ithathwa njengesibane sokukhanya kuqoqosho lwehlabathi, neChina inegalelo kuma50% ohlumo lwehlabathi lowama2023. Imingcipheko echazwe kwiimarike zehlabathi ichaphazela uMzantsi Afrika neNtshona Koloni ngokuthe ngqo ngokunyuka kwamaxabiso ezinto zalapha ekhaya, ukuhla kweRandi, nenzala epehezulu. Ukutshatyalaliswa kobu mngcipheko kuza kuphucula amathuba okukhula.

Inkangeleko yezoqoqosho lwaseMzantsi Afrika

Ubume bezoqoqosho boMzantsi Afrika buyaqhubeka nokuphawulwa kwendibaniselwano yezinto ezintle nezimbi. Intsingiselo yalo nyaka uphelileyo ibonakalisa ulungelelwano phakathi kweempawu ezithembisayo zokuphucuka neningeni entsonkothileyo. Ngomceli mngeni, unikezelo lwamandla luqhubeka lungathembekanga, kwaye ukungasebenzi kakuhle kolungiselelo kunciphisa umsebenzi wezoqoqosho kwaye kuqhuba iindleko. Izidingo zenkxasomali zangaphandle ziyanda ngenxa yokwanda kwentsilelo yeakhawunti eqhutywa kukuhla kwamaxabiso eemveliso ezithunyelwa ngaphandle. IRandi yoMzantsi Afrika ibonise ukudodobala ngokubanzi ngowama2023, yehla ngesi5% kwaye ibonisa ukuguququka okuphezulu. Ukunyuka kwamaxabiso, okuqhutywa ngamaxabiso amafutha, umbane nokutya, kuyaxhalabisa, kwaye ibhanki ephakathi igcine izinga lokuthenga kwakhona kwisi8.25% ukuyilawula, nangona amanye amalungu ekomiti ethanda ukunyuka kwezinga.⁹

NgokweIMF, ukukhula koqoqosho lwaseMzantsi Afrika ngowama2023 kuqikelelwa ku0.6% kwaza ngowama2024 ukukhula kweGDP yelizwe kulindeleke ukuba kube sisi1%. Izinga lentswelangqesho eMzantsi Afrika lehlile laya kutsho kuma31.9%, kwaye inani labantu abasebenzayo linyuke ngama399,000 kwikota yesithathu kowama2023, xa kuthelekiswa nekota yesibini, lafikelela kwisi6.7 sezigidi. Oku kubonisa ukuphucuka okungephi kweemeko zengqesho.

Kukwakho nesakhono sokwandisa indima yoqoqosho edlalwa ziiSMME eMzantsi Afrika.¹⁰ I-OECD iqikelela ukuba uMzantsi Afrika ubambe malunga nesi2.6 sezigidi zeeSMME.¹¹ Kuqikelelwa ukuba ngama54% amashishini amancinci. Ama37% eeSMME akwicandelo elisemthethweni kwaye ama63% akwicandelo elingekho sikweni. Kuqikelelwa ukuba ama85% akwiindawo ezisezidolophini kwaye i15% likwiindawo ezisemaphandleni. Kuqikelelwa ukuba ama66% eeSMME zaseMzantsi Afrika aziqeshi mntu (ngaphandle komnini), ama32% zoqesho abasebenzi ukusuka kwisi1 ukuya kwi10. Malunga ne9.3 lezigidi - okanye ama59% abemi baseMzantsi Afrika abasebenza ngokukhuthuleyo - baqeshwe ziiSMME.¹² IiSMME zinegalelo elimalunga nama45-50% kwiGDP eMzantsi Afrika. Nangona kunjalo, kwamanye amazwe anengeniso ephakathi iiSMME zenza igalelo lama95% kwinqesho nama70% kwiGDP, ngokulandelelanayo.

Inkangeleko yezoqoqosho lwaseNtshona Koloni

Uqoqosho lweNtshona Koloni kuqikelelwa ukuba lukhule ngo0.9% ngowama2023 kwaye kuqikelelwa ukuba luza kukhula ngesi1.3% ngowama2024. Uqoqosho lweNtshona Koloni luzinzile ngowama2023 nangona kukho imingeni ebangelwe kukunyuka kwamaxabiso aphezulu, ukutsalwa kwemali neemeko ezinzima zezimali.

Iziphumo zoBalo lowama2022 zafumanisa ukuba abantu baseNtshona Koloni bangama7 433 020 – abamele i12% yelizwe – belandela iGauteng ngama24.3% neKZN ngama20%.¹³ Ukusukela kowama2011 ukuya ngowama2022, elona phondo likhula ngokukhawuleza ibe yiNtshona Koloni ngama27.7%, ilandelwa ngokusondelelo yiMpumalanga neGauteng ngama27.3% nama23% ngokulandelelanayo.

⁹ I-SARB. Kowama2023. *Ingxelo yekomiti yomgaqonkqubo wezemali*

¹⁰ UMatekenya, W., noMoyo, C. 2022. *Ukusungulwa kwezinto ezintsha njengombhexeshi wokusebenza kweSMME eMzantsi Afrika: indlela yokubuy'umva kwequantile.*

¹¹ I-OECD. Kowama2023. *UMzantsi Afrika: Iinyaniso eziphambili kwinkxasomali yeSME.*

¹² I-Arhente yoPhuhliso lwamaShishini amaNcinci. Kowama2023. *Uhlaziyo lweKota lweSMME, Q32022*

¹³ IiNkcukachamanani zoMzantsi Afrika. Kowama2023. *Ubalobantu lowama2022 lokuKhutshwa kweNkcukacha.*

Isazobe 4.1: Ukukhula koluntu ngokwephondo (ngowama2011 nowama2022)

Umthombo: iINkcukachamanani zoMzantsi Afrika, iDEDAT

Kwinqanaba likamasipala wengingqi, iOverstrand ikhule ngama64.9% kwisithuba esisuka ngowama2011 ukuya kutsho ngowama2022 – oyena masipala ukhula ngokukhawuleza ukusukela kuBalo lokugqibela. I-Mossel Bay (ama56.6%), iSaldanha Bay (ama55.9%), neGeorge (ama52.3%) zilandele ekhondweni. I-Witzenberg neLangeberg zizo kuphela eziye zacutheka nge10.5% nesi3.8% ngokulandelelanayo. Lilonke, elona nqanaba liphezulu lokukhula kwabemi kwisithili kunokubonwa ecaleni kweGarden Route, ekwachongwe njengesithili esibalulekileyo sokukhula kwisicwangciso seG4J.

Isazobe 4.2: Ukukhula koomasipala basekhaya eNtshona Koloni (Ngowama2011-2022)

Iindlela ezincumisayo zobalobantu zibonisa ukuba iNtshona Koloni ineyona pesenti isezantsi eMzantsi Afrika yabantu abangafundanga (isi2.3% yabemi bebonke) enepesenti ephezulu yabantu ababudala buyiminyaka engama20 nangaphezulu abanemfundo engaphaya kweyesiseko semfundo ili17.6%. INtshona Koloni ibinofikelelo oluphezulu lwamanzi ahamba ngemibhobho kwiindawo zokuhlala (ama85.5%) kwaye ifumene ezona ziphazamiso zimbilwa ezinxulumene namanzi. INtshona Koloni ibonise ezona nkonzo zibalaseleyo zokuthuthwa kwenkunkuma, ama88.7% ichaza ukuba inkunkuma yabo ubuncinane iqokelelwa kanye ngeveki, xa kuthelekiswa nomyinge kazwelonke wama66%.

Imingeni yabemi bemingeni ibalula ukuba i11% lamakhaya eNtshona Koloni ahleli kumatyotyombe – nangona umyinge kazwelonke uhle waya kutsho kwisi8.1%. Ukuqaqambisa iimpawu ezinokubakho zokufuduka kwiPhondo. IPhondo linenxalenye yesibini enkulu yabantu abangenamakhaya elizweni, lihleli kwi17.5% lenani lilonke. Nangona kunjalo, iNtshona Koloni inesi6% sabemi belizwe abangenamakhaya kwiindawo zokuhlala, elona nani likhulu elizweni. IKapa linesithathu ngobukhulu sabemi abangenamakhaya kuzo zonke izixeko ezimbaxa zaseMzantsi Afrika (i11.9% lelizwe lonke).

ISalathiso sokuZithemba kwiShishini laseNtshona Koloni (BCI) sinyuke ngamanqaku ama2 ukusuka kuma35 ngowama2023Q3 ukuya kuma37 ngowama2023Q4.¹⁴ Oku kwanda kweBCI yephondo kubalelwa kumanqanaba asezantsi okucinywa kukagesi, okuthe kwanika inkxaso kwiifemu. Ngaphandle kokuphucuka okuncinci kwiBCI yephondo, ihlala ingaphantsi kwinqanaba elingathathi cala lama50. Oku kubonisa ukuba amashishini aswele ukuzithemba ngenxa yeemeko zoshishino eziqhubekayo.

Isazobe 4.3: Isalathisi sokuZithemba kwiShishini leBER (BCI) – I-SA ngokuchasene neWC 2018Q4-2023Q4

Umthombo: BER, 2023

Ngokwesalathiso sokusebenza kwezikhongozeli zeBhanki yeHlabathi sowama2022, iKapa libekwe kwindawo yama344 kumazibuko angama348 avavanyiwewo kwaye lalikumazibuko angama20 anyuse umyinge wamaxasha okufika.¹⁵

Isazobe 4.4: Uthunyelo kwamanye amazwe lulonke lwaseNtshona Koloni, ngowama2019 – 2023

¹⁴ I-Ofisi yoPhando lwezoQoqosho. Kowama2023. RMB/BER Isalathiso sokuZithemba kwiShishini.

¹⁵ I-BusinessLIVE. Kowama2023. Iphupha elibi laseZibukweni: UMphathiswa ulumkisa 'ngengxaki yokuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle' kwizibuko laseKapa.

Umthombo: Quantec, 2024

Impahla ethunyelwa ngaphandle eNtshona Koloni ibingamaR203 eebhiliyoni ngowama2023, ikhule ngama58.35% phakathi ngowama2019 nowama2023. IPhondo libone ukukhula okuphezulu kwe12.76% nesi8.9% ngowama2022 nowama2023, ngokulandelelanayo. UMbutho wezoRhwebo weHlabathi (WTO) uqikelela ukukhula ku0.8% kumthamo worhwebo lwehlabathi jikelele ngowama2023. Nangona kunjalo, imbonakalo yowama2024 isahleli intle, nokukhula okuqikelelweyo kwesi3.3%, okuphantse kungatshintshanga kuqikelelo lwangaphambili. Olu hlengahlengiso lunokuchaphazela imfuno yokuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle eNtshona Koloni.

Itheyibhile 4.1: Amahlakani ama6 aphezulu eNtshona Koloni (ngowama2023)

Ihlakani loRhwebo	Ixabiso lerandi lokuthumela kumazwe angaphandle	I-% yothunyelwa lwangaphandle lunonke lwaseWC	
European Union	37 574 424 964	18,55%	53,81%
China	16 122 661 585	7,96%	
United States	15 802 103 661	7,80%	
Botswana	13 505 387 954	6,67%	
United Kingdom	13 264 563 544	6,55%	
Namibia	12 730 541 050	6,28%	
World	202 580 463 160	100,00%	

Umthombo: Quantec, 2023

Icandelo lokhenketho libonisa inkqubela encomekayo emva kobhubhane weKHOVIDI-19. INTshona Koloni ibe nentsingiselo encomekayo njengoko iinkcukacha zeACSA zeyoMnga wama2023 ibonisa ukukhula okumangalisayo kwe17.56% ngonyaka kumanani okufika kumazwe ngamazwe. Ukongeza, abafikayo bamazwe aphelela kowama2023 badlula amanqanaba abo angaphambi kobhubhane kowama2019 nge9%. Oku kukhula kunokunxulunyaniswa nokuqaliswa kweenqwelomoya eziliqela ezithe ngqo ezidibanisa iKapa neemarike eziphambili zamazwe ngamazwe. Ngaphezu koko, irandi ebuthathaka ikhulise ukhuphiswano lweNtshona Koloni, nto leyo eyenza ukuba ibe nomtsalane ngakumbi kubakhenkethi. Ukunyuka kweendwendwe zamazwe ngamazwe kuxhamlisa uqoqosho lwengingqi, njengoko icandelo lokwamkela iindwendwe nokhenketho lifumana ukukhula.

Isazobe 4.5: Ukukhula kwezokhenketho njengoko kubonisiwe ngabafikeli bamazwe ngamazwe kwisikhululo seenqwelomoya saseKapa saMazwe ngaMazwe

UPhondo lweKota lwezaBasebenzi luveze ukuba kwikota yesithathu ngowama2023 iziphumo zentengiso yezabasebenzi eNtshona Koloni bezincumisa. IPhondo libonise iimpawu zokomelela olomeleleyo, libhalisa elona zinga liphantsi labantu abangaphangeliyo abangama20,2% kwilizwe lonke ngowama2023Q3. IPhondo lifumene ukwehla kwezinga lentswelangqesho ngesi4.3%, unyaka nonyaka. Ngowama2023Q3, iNtshona Koloni yandise inani labantu abaqeshwayo ngokunyuka okuqaphelekayo kwama305 000 unyaka nonyaka.

Ngowama2023Q3 umyinge wabantu abangaphangeliyo bebonke ngaphandle kwematriki ubengama57.2%. Abo banematriki benza ama34.7% yabantu abangaphangeliyo kwaye abantu abakwinqanaba lemfundo ephakamileyo benza isi6.8% yabantu abangaphangeliyo.

Isazobe 4.6: Ukusasazwa (%) kwabantu abangaphangeliyo ngokwenqanaba lemfundo (2023Q3)

Kuqikelelwa ukuba ama57.2% yabantu abangaphangeliyo baphakathi kweminyaka eli15-34 ubudala. Abantu abaneminyaka engama35-44 ubudala benza ama29.7% yabantu abangaphangeliyo. Ngelixa i13% labantu abangaphangeliyo beneminyaka engama45-64 ubudala.

Isazobe 4.7: Ukusasazwa (%) kwabantu abangaphangeliyo ngokweqela lobudala (Ngowama2023Q3)

Umthombo: Quantec, Stats SA, DEDAT

Isazobe 4.8: Ingqesho ngokwecandelo eNtshona Koloni: ngowama2018 ngokuchasene nowama2023

Umthombo: Stats SA

Kwikota yesithathu ngowama2018 bekukho abantu abali1 883 000 abaqeshwe kwicandelo elisemthethweni nama281 000 kwicandelo elingekho sikweni. Kwisithuba seminyaka emihlanu, amacandelo asemthethweni nangekho sikweni akhule ngesi4.7% nama28.5%, ngokulandelelanayo. Ngowama2023Q3 bekukho abantu abali1 972 000 abaqeshwe kwicandelo elisemthethweni nama361 000 kwicandelo elingekho sikweni.

INtshona Koloni ikwindawo yesithathu ngokuba nenxaxheba enkulu kwinani leeSMME elizweni, ezibalelwa kwi11.6% yeeSMME kuzwelonke, ilandela iGauteng (37.5%) neKwazulu-Natal (14%). Oku kuqikelelwa kuma301 600 eeSMME ezihlala kwiPhondo. Ukuba iiSMMEs zaseNtshona Koloni zidala umyinge wemisebenzi emi3.7 inye (isi1 somnini nesi2.7 seshishini ngalinye), kuqikelelwa ukuba imisebenzi eli1 115 920 iza kuba negalelo kuqoqosho lwephondo. Kuqikelelwa ukuba ama56.2% eeSMME zePhondo zikwicandelo elisemthethweni, ama40.9% ingekho sikweni, kwaye isi2.9% ikwicandelo lezolimo nelabucala.

Isazobe 4.9: ULwakhiwo lweMali eyiNkunzi iYonke eZinzileyo eNtshona Koloni (ngowama2018 – 2022), ekhoyo ngoku

Umthombo: Quantec, 2023

Ulwakhiwo lwemali eyinkunzi iyonke ezinzileyo (GFCF) luyabuyela emva kobhubhane weKHOVIDI-19 yaza yakhula nge14.2% ngowama2022. Nangona iGFCF iphezulu kunamanqanaba angaphambi kobhubhane ngowama2018 nangowama2019, ayikhuli ngendlela enqwenelekayo. Amanqanaba ngenxa yemicimbi kazwelonke kwiiSOE, iingxaki zemali, nokwehla kwamandla ombuso, ukuthintela amanqanaba okukhula anokuba aphezulu.

4.2 Uhlalutyo lweMeko yangaPhakathi

Umbono

Umbono weSebe yiNtshona Koloni enoqoqosho oludlamkileyo, oluvelisa izinto ezintsha noluzinzileyo, oluphawulwa kukukhula koqoqosho nengqesho..

Umnqophiso

Ukufikelela kwingxelo yombono njengoko ichaziwe apha ngasentla, iSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho liza kubonelela ngobunkokeli obusemgangathweni kuqoqosho lweNtshona Koloni ngokuqonda kweSebe ngoqoqosho, amandla alo okuchonga amathuba oqoqosho nesakhono, negalelo lalo kwizinto eziphambili kurhulumente kwezoqoqosho.

ISebe liza kuxhasa ukuphunyezwa komxholo weMisebenzi wesiCwangciso soBuyiselo eNtshona Koloni neQhinga lesiCwangciso sePhondo (ngowama2019 - 2024), njengoko kudityaniswe kwiQhinga lokuPhunyezwa kwesiCwangciso sePhondo (PSIP). Ngowama2024/25, iSebe liza kuba negalelo kwixesha lokugqibela lonikezelo kwiPSP yeminyaka emi5 ngokusebenzisa iPSIP nokulungelelaniswa kwesicwangciso seG4J.

IPhondo, ekwamkeleni isicwangciso seG4J njengesicwangciso soqoqosho lwephondo, licela umngeni kubo bonke abachaphazelekayo ukuba bakhe isiR 1 setriliyoni, uqoqosho olubandakanyayo olukhula phakathi kwesi4-6% ngonyaka.

Embindini wale njongo yinkolelo yokuba icandelo labucala lidala imisebenzi kwaye urhulumente ukhuthaza ukukhula kwemarike ngokudala imeko apho abantu namashishini bavunyelwe ukusebenzisa amathuba okwakha ikamva elingcono, bakhule kwaye babe kuko konke abanokuba kuko.

I-G4J isekelwe kwiinkalo ezisixhenxe eziphambili zojoliso (PFA) ezizezi:

- Ukuqhuba ukukhula ngotyalomali;
- Ukukhuthaza ukukhula kwemarike ngokuthumela ngaphandle nokukhulisa iimarike zasekhaya;
- Ukuphucula ukomelela kwamandla nokuqhuba inguqu kwintsalela engenakhoboni;
- Ukuqhuba ukhuseleko lwamanzi nokomelela;
- Ubuchwepheshe noSungulo lwezinto ezintsha;
- Iziseko ezingundoqo noqoqosho olunxibelelanayo; kunye
- Ukuphucula ukufikelela kumathuba ezoqoqosho nokuqesheka.

Iminqweno ekhaliphileyo yeG4J ifuna impendulo ekhaliphileyo. Ngokunjalo, iG4J ifuna urhulumente wonke, indlela yokulawula enqamlezileyo. Ukuphunyezwa kwayo ke ngoko kungokwamasebe awohlukeneyo akhokelayo kurhulumente wephondo umz. I-DEDAT iza kukhokela ekuqhubeni utyalomali, ngelixa iSebe lezoLimo, liza kukhokela ukukhula kokuthengisa ngaphandle neePFA zentengiso yasekhaya. ISebe leZiseko ezinguNdoqo liza kukhokelela kwiZiseko zoPhuhliso nobuChwepheshe neePFA zoSungulo lwezinto ezintsha. Ngokufanayo, iSebe lezeMfundo liza kukhokela iPFA ekuphuculeni ukufikeleleka kokuqesheka ngelixa ixhaswa ngokufanelekileyo yiDEDAT kwiinkalo zophuhliso lwabasebenzi, ushishino, iilokishi nongenelelo loqoqosho olungekho sikweni. Amasebe akhokelayo eePFAs zaManzi naMandla liSebe leMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso (DEA&DP) neSebe leNkulumbuso (DotP), ngokulandelelanayo.

Nangona kunjalo, ekuqulunqeni impendulo yeSebe (DEDAT) kwiG4J, iSebe liya kufuneka lidlale indima ebalulekileyo kwiiPFA ezintathu ezikhankanywe ngasentla. Ngaphaya koku, ezinye ezintathu ezongezelelekileyo ezivumela uqoqosho (imimandla enomxholo ochaphazela ukuphunyezwa ngempumelelo kwePFAs) nazo ziza kuqwalaselwa.



Ii-PFA ezintathu ezithe iSebe lizibeke phambili kwisicwangciso salo sokusabela zezi:

a. Ukukhuthaza ukukhula ngokuthumela ngaphandle nokukhulisa iimarike zasekhaya

I-PFA ethunyelwa ngaphandle ingundoqo kwisicwangciso sokubuyisela uqoqosho lwaseMzantsi Afrika njengoko ilizwe lingenabo ubungakanani bemalike efunekayo ukuvelisa ukukhula koqoqosho ngokusekelwe kwinkcitho yabathengi kuphela.

Ngokubhekiselele koku, iNtshona Koloni iza kuqalisa indlela yokukhula ekhokelwa yimpahla ethunyelwa kumazwe angaphandle ejolise ekwandiseni inkxaso ebonelelwayo kubathengisi bangoku nabanokubakho kwiPhondo. Lo mzamo uza kuquka iinzame zophando ezijolise ekuchongeni imingeni yolungiselelo ejongene namashishini amafutshane, aphakathi, nexesha elide, nophononongo lwamandla akhoyo kwiziseko ezingundoqo ezikhoyo. ISebe liza kukhuthaza intsebenziswano nabachaphazelekayo abaphambili kulo lonke ikhonkco lexabiso lolungiselelo, ngoko ke landisa indima nobunganga bemisetyenzana yezibuko nolungiselelo kwiPhondo.

Ukhenketho lubalulekile ekuthengiseni kumazwe angaphandle iNtshona Koloni enokuthi isebenzise amandla akhe ukwakha oovimba bangaphandle. Eyona njongo iphambili ke ngoko kukubeka iNtshona Koloni njengendawo efunwayo yokhenketho, edume ngomgangatho wayo, ukuthembeka, neempahla neenkonzo ezineendleko eziphantsi ngokuphindaphinda kathathu abakhenkethi abafikayo eNtshona Koloni ngowama2035.

b. Ukuqhuba amathuba okukhula ngotyalomali

Eyona nto ibalulekileyo kulo mmandla ungundoqo wobuchule kukwandisa ukukhuthazwa kotyalomali eNtshona Koloni nemisebenzi yophuhliso ngokuqonda ngokucacileyo ubume botyalomali nokubeka ummandla ngaphakathi kwawo ukuvumela ukomelela okukhulu ekunciphiseni ubuthathaka obunokwenzeka nokusabela kumathuba amatsha njengoko evela.

Utyalomali luthathwa njengenye yeendawo eziphambili ngokubaluleka kuqoqosho lweWC. Ngaphandle kokungena kwenkunzi, utyalomali lwangaphakathi lunegalelo elinamandla ekukhuleni kweGDP nengqesho, ukwandisa imveliso, nokhuphiswano, nokwandiswa kwenkxaso kuphando nophuhliso, ngelixa likwabonelela ngokufikelela okuvulelekileyo kwiimarike zehlabathi, italente, nobuchwepheshe.

c. Ukuphucula ukufikelela kumathuba ezoqoqosho nokuqesheka

Le PFA iza kuba namacandelwana amabini abalulekileyo abalulekileyo kuhlumo loqoqosho, angala, uPhuhliso lwaBasebenzi noShishino olubandakanya uphuhliso loqoqosho lwasezilokishini.

Ngokumalunga noPhuhliso lwaBasebenzi, isicwangciso seG4J sigxininisa indima ebalulekileyo edlalwa ngamava okufunda nophuhliso lwabasebenzi ekuqhubeni ukukhula koqoqosho nokunciphisa isibetho esibangelwa

yintswelangqesho. Ukufunda ngamava okudityaniswa neenkqubo zezakhono kubonwa njengeyona ndlela isebenzayo yokujongana neningeni phakathi kwabangeneli abatsha kwimarike.

Lo mmandla uphambili weSebe unomngeni wokuphucula amandla okusebenza kolutsha ngokudala imisebenzi engama10 000. Into ebalulekileyo kwinyathelo loPhuhliso lwaBasebenzi kukwakha izakhono ezibalulekileyo kwixesha elizayo ngokuphucula izakhono zedijithali nokufunda nokubhala kwabaxhamli kwiinkqubo zokubekwa kwezakhono.

Ekuphumezeni iiprojekthi eziphambili zeG4J ezijolise ekusombululeni imingeni kwiimeko zendalo yezakhono, iSebe liza kudlala indima ebalulekileyo ekuncedeni iinkampani ezifaka izecelo zenkxasomali zangaphandle abasemaGunyeni kwiMfundo yeZakhono noQeqesho (SETA) neminye imithombo yenkxasomali. Ngaphaya koko, iza kujongana neningeni enxulumene nokufaneleka kwezixhobo zemfundo ngokwemixholo neendlela zokuhanjiswa kweenkonzo ngokuphuhlisa izixhobo ezitsha okanye ukulungisa ezo zikhoyo. Ukongeza, iSebe liza kuququzelela iindlela zokwenza ukuba imeko yezendalo, ebandakanya ishishini, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED), iiKholeji zeMfundo nobuChwepheshe noQeqesho (TVET) neeyunivesiti, zikwazi ukuzilungisa ngokwazo ngendlela efanelekileyo.

Ehlabathini lonke, ushishino lubonwa njengowona mandla aqhuba uxanduva lokukhawulezisa ukukhula koqoqosho, ukudala imisebenzi, kunye nokunciphisa intlupheko. Awona mazwe akhuphisanayo ngawona anelona nqanaba liphezulu lomsebenzi worhwebo. Iingxelo zonyaka zoBekoliso kuShishino eHlabathini (GEM) zibonisa ngokungaguququkiyo ukuba inqanaba likazwelonke lomsebenzi worhwebo linonxulumano olubalulekileyo ngokweenkcukachamanani namanqanaba alandelayo okukhula koqoqosho.

Ngokwayo, ushishino luyinto ebalulekileyo kwimveliso. Ukubaluleka kwayo kuba yinto ebalulekileyo njengoko izalisekisa indima yokudibanisa ezinye izinto zemveliso (umzekelo, abasebenzi nenkunzi) ukuhambisa ukukhula koqoqosho nokuchuma. Ukwakha nokukhulisa amandla oshishino nobuninzi ke ngoko ngokungathandabuzekiyo kubalulekile ekukhuliseni uqoqosho nokudala imisebenzi. Ayimangalisi ke ngoko into yokuba isicwangciso seG4J ichonge ushishino njengenye yeendlela ezimbini eziphambili zokuzisa impumelelo kubemi baseNtshona Koloni.

Ukugxila ekuxhaseni uqoqosho lwasezilokishini noqoqosho olungekho sikweniluzi kwandisa intathoxaxheba kwezoqoqosho, lunciphise intswelangqesho, lube negalelo kwaye luxhamle kuhlumo loqoqosho. Ukutsala nokuxhasa utyalomali lwangaphakathi nolwangaphandle kunceda ekwahlukaneni koqoqosho, kwandiswe ukubandakanywa nokwenza ngokutsha imodeli yendawo. Uqoqosho lwasezilokishini ngamashishini anokubakho okanye ababoneleli kumacandelo athile angavula amathuba koosomashishini abasezilokishini ukuba bathathe inxaxheba ngokuncomekayo kumakhonkco exabiso kushishino. Ukukhula nokuphuhlisa uqoqosho lwasezilokishini kunye noqoqosho olungekho sikweni namashishini kubalulekile kuzinzo nokuphila ixesha elide okuya kubenza bakwazi ukuthatha amathuba oqoqosho azakuququzelela ukukhula (koshishino noqoqosho) nokwandisa ukunyuswa kwabasebenzi.

Okubaluleke kakhulu, iSebe liza kukhuthaza ukwamkelwa kobugcisa obutsha obuya kunceda ekukhuleni nasekukhuleni kwawo onke amashishini. Kulindeleke ukuba ukuqhuba kwalo mmandla ubalulekileyo kuvule iimarike ezintsha namanye amathuba oshishino koosomashishini bethu abasakhasayo.

Abancedisi abathathu bezoqoqosho ngaba:

a. Ukwenza lula ukuqhuba ushishino ngokuNciphisa iMithetho engeyoMfuneko

I-ajenda yokunciphisa imithetho engeyomfuneko nokwenza kube lula ukwenza ushishino ibalulekile kuso nasiphi na isicwangciso sokukhula koqoqosho esifana nesicwangciso sokuKhula kweMisebenzi. Ukunceda ekuqhubeni ukukhula koqoqosho eNtshona Koloni, uhlehlengiso lolawulo, ukucutha imithetho engeyomfuneko nokunciphisa iofisi yolawulo zizinto eziyimfuneko ekudaleni ukuqiniseka kwaye ke kube lula ukwenza ushishino. Ezi zinto ziquka imiba engundoqo enqamlezileyo ekufezekiseni iinjongo neenjongo zesisicwangciso seG4J seendawo ekugxilwe kuzo eziphambili (PFAs) ezibandakanya utyalomali, ukuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle nokuqesheka.

Icaciswe njengomnye wemigaqo ekhokela isicwangciso seG4J, indlela *karhulumente wonke* icaciswe yaza yachazwa ngokucacileyo. Ukunciphisa imithetho engeyomfuneko, ngumba wesicwangciso esibalulekileyo esixhasa ubambiswano nokusebenza kakuhle koRhulumente weNtshona Koloni (WCG) ukuguqulela isicwangciso esixandileyo, siphunyezwe kuwo onke amacandelo nemijelo karhulumente ngokufanelekileyo, kwaye okona kubaluleke kakhulu, okulula - ukuvuselela ngokwaneleyo nokukhula koqoqosho nokudalwa kwemisebenzi. Kwisithuba seMTEF ukuNciphisa kwethu iMithetho engeyoMfuneko kuza kuba nezindululo zohlaziyo ezingaphezulu kwama20 ezamkelwa ngabalawuli, kuphuculwe ngaphezulu kweenkonzo ezingama20 ezijongene noshishino oluza kukhokelela kubuncinane besiR3 sebhiliyoni zolondolozo kunye/okanye iinzuzo kuqoqosho lweNtshona Koloni.

b. Ubukrelekrele kwezoQoqosho

Ukusekwa kwenkqubo yolawulo lweenkcukacha exhotyiswe ngokufanelekileyo kuza kubonelela ngobuntlola kwezoqoqosho obuyimfuneko ukulungiselela inkonzo kuRhulumente weNtshona Koloni. Indima ephambili yeyunithi yobuntlola kwezoQoqosho ke ngoko iza kuba kukwabelana nokuvelisa iinkcukacha zokwenziwa kwezigqibo ezisekelwe kubungqina kuwo onke amasebe eG4J.

c. Ukuphucula unxibelelwano kunye nokwakha uphawu loqoqosho lweWC

Eyona nto ibalulekileyo ekukhuleni koqoqosho kukwakha ukuzithemba okufunekayo kushishino nophawu olulungele ushishino lweNtshona Koloni. Inkitha yemibutho namaziko eandelo labucala nekarhulumente anxibelelana namashishini nabemi rhoqo, kwaye iPhondo linendima eliyidlalayo ekuxhaseni ukuzithemba kushishino ngokuphawula nangokuhambelana nemiyalezo. Ngako oko, ukuthengisa nonxibelelwano lwabathathinxaxheba bezoqoqosho kwingingqi kuya kufuneka kulungelelaniswe. Ukuza kuthi ga ngoku, ukuqiniseka komgaqonkqubo nemeko evumelayo, exhaswa luphawu olukhethekileyo lweNtshona Koloni, kufuneka kuphuhlise kwaye kugcinwe, njengoko imvakalelo nokuzithemba ngundoqo ekutsaleni utyalomaliEyona nto ibalulekileyo ekukhuleni koqoqosho kukwakha ukuzithemba okufunekayo kushishino nophawu olulungele ushishino lweNtshona Koloni. Inkitha yemibutho namaziko eandelo labucala nekarhulumente anxibelelana namashishini nabemi rhoqo, kwaye iPhondo linendima eliyidlalayo ekuxhaseni ukuzithemba kushishino ngokuphawula nangokuhambelana nemiyalezo. Ngako oko, ukuthengisa nonxibelelwano lwabathathinxaxheba bezoqoqosho kwingingqi kuza kufuneka kulungelelaniswe. Ukuza kuthi ga ngoku, ukuqiniseka komgaqonkqubo nemeko evumelayo, exhaswa luphawu olukhethekileyo lweNtshona Koloni, kufuneka kuphuhlise kwaye kugcinwe, njengoko imvakalelo kunye nokuzithemba ngundoqo ekutsaleni utyalomali.

Imekobume yombutho

Umbono we-G4J kuqoqosho lwePhondo uthi, *“uqoqosho oluphuhlisa ukukhula koqoqosho ukuze kuqhutywe imisebenzi eyaneleyo namathuba kubemi balo. Olu qoqosho luzinzile, luyakwazi ukuzimela, luyahlukahlukana kwaye luyakhula – luvelisa ukuzithemba, ithemba nempumelelo kumntu wonke”*. Yinkqubo *karhulumente yonke, isicwangciso soluntu lonke* esixhaswa yimigaqo engundoqo yokubambisana nentsebenziswano, ukuveliswa kwezinto ezintsha, ubuqili nokuguquguquka, ukugcinwa, ukwenza izigqibo ezikhokelwa ziinkcukacha nokuphendula kumathuba anempembelelo, nempumelelo yakhe. ifuna amandla, ukuzinikela nokwabiwa kwemithombo yobutyebi evela kurhulumente wonke, icandelo labucala noluntu.

Ukutshintshela kwisebe elifanelekileyo

Ukucacisa umbono oqinileyo wePhondo, iQhinga leG4J libonelela ngomkhombandlela ocacileyo ngokubhekiselele ekuphunyezweni kwenjongo iyonke ngokuchongwa kweeNdawo ekuGxilwe kuzo ngoPhando, nganye ibe neseti yayo yongenelelo. Ulwakhiwo lweSebe kufuneka luncede kwaye lukhawulezise ukunikezelwa kwezi Mimandla ekuGxilwe kuzo ngokuPhambili, kwaye ngenxa yoko, iSebe, ngokubambisana noMlawuli oyiNtloko weZiko leeNkonzo zeZiko: uPhuhliso loMbutho, liqalise ukuphonononga ubume boMbutho. Olu hlaziyo luza kubumba uphuhliso *“olufanelekileyo”* iModeli yoNikezelo yeeNkonzo eza kuthi phakathi komlinganiselo ongqongqo, iququzelele ukuphunyezwa kwesicwangciso seG4J nokudala imeko yangaphakathi eza kuthi ikhuthaze iindlela zokusebenza ezisebenza ngokufanelekileyo, ezisebenzayo nangentsebenziswano, ukunceda abasebenzi. ukuguquguquka ngakumbi kwaye ube nemveliso.

IsiCwangciso soMsebenzi seSebe sowama2021–2026 siza kuqhubeka sisebenza njengeqonga lokuphucula abasebenzi beli qumru ukuze kuqinisekise ukusebenza ngokufanelekileyo nonikezelo lwenkonzo oluhlangeneyo. Esi siCwangciso samkela iindlela nezenzo zokuqinisa amandla ombutho, ukuphumeza iinqobo ezisemgangathweni nezenzo ezisekelwe kubuchule bokugaya abasebenzi, nokubonelela ngenkxaso eyimfuneko kubasebenzi ukuba batshintshela kwiindlela ezintsha zokusebenza ezifunwa sisicwangciso seG4J.

Ukulungelelaniswa nabasebenzi abafanelekileyo kwixesha elizayo, iSebe, kunyakamali wama2023/24, liqalise uphicotho lwezithuba zezakhono, kwaye kunyakamali wama2024/25, liza kugxila ekuphuculweni kwezakhono nokuqeqeshwa ngokutsha kwabasebenzi abavanyiweyo ukuqinisekisa ngenkonzo efanelekileyo. unikezelo kwiindawo eziphambili ezihambelana nesicwangciso seG4J. Le nkqubo iza kulawulwa ngaphakathi kwaye ngokubonisana neCandelo lokuXhobisa abantu kwiZiko leeNkonzo eziManyanisiweyo.

Ukuziphila ezona mpawu zentsulungeko zeWCG

ISebe liza kuqhubeka nokubeka abantu balo kwindawo yokuqala kwaye lichonge inkcubeko neengqondo njengeendawo eziphambili ekugxilwe kuzo. Ekuthatheni uhambo lwenkcubeko esebenzisanayo nendlela eqhutywa yiinqobo ezisemgangathweni, iSebe lijonge ukwakha nokuphucula iziseko eziluhlalima zonikezelo lwenkonzo nokuzinikela komntu ngamnye okunomdla osele kukho ngaphakathi kwisebe. Ngale njongo engqondweni, iSebe lihleli lizibophelele ngokupheleleyo kwiindlela ezisisiseko ezintandathu zeWCG eziquka ukuqonda okufanayo ngokuziphatha okulindelekileyo kubo bonke abasebenzi beWCG, ezizezi:

Ukukhathala: Ukukhathalela abo sibasebenzelayo kwanabo sisebenza nabo;

- Ubuchule: Ukubanakho nokubanezakhono zokuwenza umsebenzi oqeshelwe ukuba uwenze;
- Uxanduva: Sithatha uxanduva;
- Inggibelelo: Ukunyaniseka nokwenza okulungileyo;
- Usungulo lwezinto ezintsha: Ukuvuleleka kwiimbono ezintsha nokuphuhlisa izisombululo zoyilo kwiingxaki ngendlela ezinobuchule; kunye
- Nokuphendula: Kwanelisa iimfuno zabemi nabasebenzi bethu.

Ukukhuthaza ukwenziwa kwezigqibo eziqhutywa ziinkcukacha

IDEDAT, ephambili kwezobuchwephesha nokusungula izinto ezintsha, isebenzisana ngokukhuthaleyo nabachaphazelekayo, abafana neZiko loSungulo lwezinto ezintsha nge-elektroniki (Ce-I), ukumisela iimfuno zamva nje zeICT nokuqhubela phambili isakhelo sayo sobuchwepheshe. Uhlalutyo olubanzi lweGAP lwenziwe kunyakamali wama2023/24, kuvavanywa iinkqubo ezikhoyo nezisombululo ezinokubakho. Emva kolu hlalutyo, kuza kuchongwa iinkqubo zangaphakathi apho ubugcisa bokuphucula ukusebenza kakuhle bunokuthi busetyenziswe ukuphucula ukunikezelwa kwenkonzo nokomeleza imveliso. Ukulawulwa ngeKomiti eLawulayo yeICT yeSebe, uHlalutyo loMsantsa luza kukhokela isiCwangciso sokuSebenza seICT sowama2024/25.

Injongo ephambili yeKomiti yokuLawula i-ICT kukwandisa ukusebenza kakuhle nemveliso kwindawo yokusebenza ngokusetyenziswa ngokufanelekileyo kweICT ukwenzela ukuba kube nempembelelo enkulu. Eyona njongo iphambili kukuxhasa utshintsho lweSebe oluya ekubeni luqhutywe ngakumbi ziinkcukacha nobungqina obukhokelwe ekuthathweni kwezigqibo. Ezi njongo zixhasa ukuzinikela kweSebe kukuphucula imveliso yabasebenzi, ukukhuthaza ukwenziwa kwezigqibo okuqhutywa ziinkcukacha, nokukhokela kubuchule bobuchwepheshe. Eli nyathelo lobuchule libeka iDEDAT njengesebe lokucinga phambili, liqinisekisa ukuba iinkqubo zangaphakathi zilungele ikamva kwaye zinobuvulindlela kubume bedijithali, ukomeleza isakhono sabasebenzi sokufezekisa izinto eziphambili zeDEDAT zeG4J.

Ulungelwaniso lwamalungelo oluntu

Ngaphakathi, ungenelelo luqhutywa ngokuqhubekayo ukwazisa abasebenzi ngamalungelo oluntu, kubandakanywa izihloko ezifana nokuxhatshazwa, ukukhubazeka nezithuba zokungalingani ngokwesini. ISebe liyaqhubeka ukuzama ukwakha inkcubeko yendawo yokusebenza ebandakanya amalungelo abasetyhini, ulutsha naBantu abaKhubazekileyo, engenakuxhatshazwa kwaye engenacalulo.

ISebe liza kuqhubeka nokuthatha inxaxheba kumanyathelo eQonga lokuPhathwa kwamaLungelo oLuntu kuRhulumente weNtshona Koloni, elibandakanya ukunika ingxelo kuCwangciso oluPhendula ngokweSini, uHlahlo lwabiwomali, uHlolo, uVavanyo neSakhelo soPhicothozincwadi (GRPBMEAF) nokuxhotyiswa kwabasebenzi ekuthatheni ingqalelo ngokwesini.

Ngaphandle, iSebe lijongana nezibophelelo zalo zamalungelo oluntu kubemi namaqela achongiweyo aphambili (ulutsha, abasetyhini, abantu abakhubazekileyo nabantu abadala) ngeenkqubo ezahlukeneyo, kubandakanywa nezi zilandelayo:

- Iyunithi yoPhuhliso lwamaShishini iza kuqhubeka ukubeka phambili inkxaso kumaqela atyunjiweyo afana nabasetyhini, ulutsha nabantu abakhubazekileyo ngamaphulo agxile ekuncedeni iiSMME eziquka amashishini asesikweni, angekho sikweni, asemaphandleni nawasezilokishini. ICandelo liza kuthi (apho kunokwenzeka) lilandele intsebenziswano enika inkxaso kumaqela atyunjiweyo.
- I-Ofisi yoMkhuseli wabathengi (iNkqubo yesi4) iza kujolisa kumaqela ngabathengi abahlukeneyo, kubandakanywa ulutsha, abantu abadala, abafazi, nabantu abakhubazekileyo ngamangenelelo okufundisa abathengi. Olu ngenelelo luza kuqhutywa kwiPhondo liphela kwaye luza kugxila kulwazi lwamalungelo abathengi kunye nolwazi olusisiseko lwemali kubemi.
- INguqu yeCandelo lezoKhenketho (iNkqubo yesi6) iya kujolisa kwabasetyhini nolutsha ngophuhliso lwabakhokeli babakhenkethi njengenxalenye yenkonzo yobhaliso nophuhliso kuluntu olukhokelayo.
- INkqubo yoPhuhliso lweZakhono kunye noTshintsho (iNkqubo yesi7) iza kulandela ngokukhuthaleyo intsebenziswano ukuphemelela abenzi bezigqibo nabaqulunqi bomgaqonkqubo abanegunya kwimfundo nasemva kokuphuma kwesikolo ukuqhuba utshintsho lwenkqubo oluvumela ukufikelela kulutsha nabasebenzi bangoku kwizakhono ezifanelekileyo zendawo yokusebenza ukuze ukuqesheka. Ukuxhasa uphuhliso loPhuhliso lweZakhono zoLuntu nabasebenzi bephondo, inkqubo iza kulwela amalungelo oluntu phakathi kolutsha.

Ngokumalunga nokulungisa inguqu, iSebe lineNtlanganiso zoBulungisa kwezeNgqesho esebenzayo ejolise ekulungiseni, phakathi kwezinye izinto, imiqobo ekuphonyezweni kokumelwa ngokulinganayo kwiSebe. Ukongeza, ukuphonyezwa kwemilinganiselo yobulungisa kwezengqesho kubekwa esweni ngeliso elibukhali ngexesha lazo zonke iinkqubo zokugaya abasebenzi, ngokuhambelana nesiCwangciso soBulungisa kwezeNgqesho seSebe ngowama2020 – 2025.

UBume bombutho

IsiShwankathelo sohlahlo lwabiwomali sowama2024/25 noqikelelo lweMTEF

INkqubo R'000	IsiShwankathelo			Ulwabiwo oluphambili	Ulwabiwo olulungelel wanisiweyo	Uqikelelo oluhlaziyiwe yo	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			
	Okuphicothi weyo	Okuphicothi weyo	Okuphicothi weyo				I-% yoTshintsho kuqikelelo oluhlaziyiwe yo	2025/26	2026/27	
	2020/21	2021/22	2022/23							2023/24
1. ULawulo	62 678	54 841	57 911	51 801	55 378	55 378	60 626	9.48	60 298	64 886
2. UPhuhliso lwezoQoqosho oluHlanganisiweyo	89 355	53 204	47 159	58 914	52 311	52 311	44 618	(14.71)	45 966	49 256
3. URhwebo noPhuhliso lweCandelo	69 342	73 976	74 413	85 699	82 535	82 535	92 884	12.54	88 033	95 260
4. UmMiselu woShishino noLawulo	7 248	9 392	10 431	11 667	12 375	12 375	11 837	(4.35)	12 570	13 696
5. UCwangciso loQoqosho	129 612	140 150	129 780	117 319	93 988	93 988	98 706	5.02	79 330	83 136
6. UKhenketho, uBugcisa noLonwabo	76 578	7 4161	71 874	74 393	73 475	73 475	73 634	0.22	73 986	76 419
7. UPhuhliso lweZakhono noSungulo lwezinto ezintsha	81 950	70 567	96 106	99 190	99 066	99 066	97 940	(1.14)	105 219	102 056
Iintlawulo zizonke neengqikelelo	516 763	476 291	487 674	498 983	469 128	469 128	480 245	2.37	465 402	484 709

ICandelo C: Umlinganiselo wethu wokuSebenza

IiNkcukacha zokuSebenza kweNkqubo yeSebe

5. INkqubo yoku1: ULawulo

5.1 Injongo

- Kukubonelela ngobunkokeli obuqinileyo, obuvelisa izinto ezintsha, nokubonelela ngeenkonzo ezihlangeneyo ezicocekileyo, ezisebenzayo, ezonga imali, ezingafihliyo neziphendulayo kwiSebe.

INkqubo iyakuqonda ukubaluleka kolawulo nokubaluleka kwalo kwicandelo likarhulumente kwaye izibekele injongo yokufikelela elona nqanaba liphezulu lolawulo.

Ulawulo luchazwa njengenkqubo apho amaziko karhulumente namaqumrhu amasebe anxibelelanisa inkqubo nokuphumeza imigaqonkqubo ngokuthobela izithethe nemigangatho emiselweyo kurhulumente ukuxhasa imfezeko, ukungafihli nokuphendula. Ezo nkqubo zolawulo kufuneka zikhuthaze kwaye zijolise ekubetheleleni umoya wokuphucula ukwenziwa kwenkonzo nokuxhasa ulawulo olululo.

Ukulungelelaniswa noku, sisicwangciso seG4J esikwaqaqambisa ukubaluleka korhulumente okwaziyo ukwenza umsebenzi njengomncedi kuhlumo loqoqosho. Urhulumente onobuchule ubonakaliswa lulawulo olululo nokuqiniseka komgaqonkqubo. Urhulumente wephondo okwaziyo ukusebenza usebenza ngendlela elungelelanisiweyo ukuze afikelele kwiinjongo zakhe ezichazwe ngokucacileyo, azalisekise izibophelelo zakhe, kwaye anikezele ngeenkonzo ngokufanelekileyo nangempumelelo. Iyaphendula, icacile kwaye inoxanduva, kwaye inenkubeko neenkqubo ezifunekayo ukuthintela urhwaphilizo.

Ngokulula, ulawulo lumalunga nazo zombini:

- *indlela yokusebenza* - indlela amasebe asebenzisa ngayo amalungiselelo olawulo ukwenza igalelo ekusebenzeni kwawo ngokubanzi kunye nonikezelo lweenkonzo okanye iinkqubo; kunye
- *novumelwano* - indlela amasebe asebenzisa ngayo amalungiselelo olawulo ukuqinisekisa ukuba iyahlangabezana neemfuno zomthetho, imimiselo, imigangatho nokulindelwe ngabemi bokuphendula, ukungafihli nesidima.

Ukugcina ugxininiso oluluqilima ekwaxhiweni nasekugcineni ulawulo olusebenzayo, kuza kunceda ekubhaqeni ulawulo “olumbi” okanye iinkqubo ezisilelayo nokuvumela umbutho ukuba ujongane neengxaki phambi kokuba uphuhlisele kwimiba yokusebenza enzulu okanye engahambelaniyo.

Ngoko ke, iNkqubo imisele injongo yokufikelela elona nqanaba liphezulu lolawulo njengoko lilinganise ngeSalathisi sokuSebenza soLawulo (GPI) elinganisa umgangatho wolawulo ngokubeka inqanaba lokuthotyelwa kwezemali, uxanduva lokuphendula, ukuba semgangathweni kwezemali nokusebenza ngokwaneleyo kulawulo lwabasebenzi ngokunjalo neziphumo zophicotho.

Oku kuza kwenziwa ngezi njongo zilandelayo:

- Ukwenza ulawulo lwemali ngokufezekisa uphicothozincwadi olungenachaphaza.
- Ukwandisa imeko yonikezelo lwenkonzo ngezisombululo ezitsha nezidala.
- Ukuguqulelwa komgaqonkqubo kwizicwangciso ezicacileyo neziphendulayo ezinegalelo ekuqinisekiseni ukusetyenziswa kwemithombo yobutyebi ukuqhubela phambili iinjongo zokuzibophelela kwemibutho kwizicwangciso zempembelelo ezisekelwe kubungqina.
- Ukuseka isakhelo sokuhlola nokuvavanya esilinganisa iziphumo kwaye sivumele ukwenziwa kwezigqibo ezizizo.

5.2 Inkqutyana 1.1: I-Ofisi yeNtloko yeSebe

5.2.1 Injongo

- Kukulawula ngokuxandileyo imicimbi yolawulo njengoko inxulumene neenkqubo neeprojekthi zeSebe;
- Kukubonelela ngobunkokeli nesikhokelo kwiSebe; kunye
- Nokugcina ngempumelelo umsebenzi wolongamelo wesigunyaziso nomsebenzi weSebe.

5.3 Inkqutyana 1.2: ULawulo lweMali

5.3.1 Injongo

- Kukubonelela ngomsebenzi wolawulo lwemali olusebenzayo;
- Kukuqinisekisa ukuphunyezwa kwePFMA neminye imimiselo nemigaqonkqubo yezemali enxulumene noko;
- Kukubonelela ngenkxaso yocwangciso nohlalo lwabiwomali kwiSebe; kunye
- Nokwenza amalungiselelo olondolozo lwempahla yexabiso.

5.3.2 Ingcaciso yokusebenza okucwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Ukwakha kwisiseko sombuso okwaziyo ukwenza umsebenzi, impumelelo nolawulo lwelona nqanaba liphezulu lolawulo lwemali sisicwangciso sexesha elide esibandakanyayo esixhomekeke kuthotyelo, umoya wokusebenza, inkxaso yabachaphazelekayo nonikezelo lweenkonzo. Iquka, kodwa ayiphelelanga apho, ekuboneleleni ngeenkukacha ezisemgangathweni, ukwabiwa kwezibonelelo ngokufanelekileyo, ubuchule bolawulo lwemali, iziseko zowisomthetho ezifanelekileyo nokuphuculwa kwezemali yecandelo likarhulumente ukuze kuxhamle abemi baseNtshona Koloni. Njengenye yezalathi ezixabiseke kakhulu zolawulo lwemali olulungileyo, ukufezekiswa kwenjongo yoluvo lophicothozincwadi olungenachaphaza, kufuna ukuba zonke iinkqubo zibe nolawulo olusebenzayo nolusebenzayo. Njengoko kuchaziwe kwisiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke (NDP) sowama2030, unikezelo lwenkonzo alunakufikelelwa ngaphandle kolawulo olululo lwezemali nolawulo olululo lwezemali olungenakubakho ngaphandle kokunikezelwa kwenkonzo.

Ekwenzeni oku kungentla, iCandelo loMlawuli oyiNtloko: uLawulo lweMali luza kujolisa ingqalelo yalo kwezi zicwangciso zilandelayo:

Ukomeleza imeko yothotyelo

- Ukusebenzisa inkqubo yokuchonga nokusasaza yonke imithetho enefuthe kubume bemali;
- Ukwakha ubuchule bobugcisa bolawulo lwemali ngenkqubo yoqeqesho ecwangcisiweyo; kunye
- Nokuphuhlisa imizekelo esikhokelo eyandisiweyo yokuphucula nokwenza lula okufunekayo okuntsonkothileyo kothotyelo Nokuphuhlisa iithemplethi eziphuculweyo zokuphucula nokwenza lula okufunekayo okuntsonkothileyo.

Ukuphucula iindlela neenkqubo

- Kuphuculwe ekujoliswe kuko konikezelo lweenkonzo zalo ngokuphucula amaxesha alo okutshintsha ukuhlawula ababonelelinkonzo;
- Ukuphucula imigangatho yolawulo neziphumo ngokunjalo nokunciphisa incitho kwinkqubo; kunye
- Nokucinqinisekisa ukuba imali eyabelwe iSebe isetyenziswa apho ifuneka kakhulu khona.

Ukuqhelaniswa kwakhona nenkonzo yenkxaso engundoqo kubem

- Qalisa inkqubo yoqeqesho elungiselelwe amacandelo ajongene nabaxumi/amaqabane onikezelo lweenkonzo;
- Ukuxhobisa abasebenzi bolawulo lwemali ukuze bafumane ukuqonda ngcono iinkqubo zonikezelo zeSebe;
- Ukuphucula ubudlelwane bokusebenza phakathi kolawulo lwemali neeyunithi zonikezelo lweenkonzo ukuphucula unikezelo lweenkonzo; kunye
- Nokwenziwa kophando ukuphucula ukwaneliseka kokunikezelwa kwenkonzo phakathi kwamahlakani onikezelo lwenkonzo.

Ukusebenzela abemi baseNtshona Koloni

Nangona unikezelo lwenkonzo yoLawulo lweZimali lugxile ngaphakathi, luzimisele ukufaka igalelo kumgangatho weziphumo zeSebe. Oku kuza kwenziwa ngokusetyenziswa kakuhle kwezibonelelo, ukuqinisekisa ukuba uhlahlo lwabiwomali lunxibelelene ngokufanelekileyo neenjongo zomgaqonkqubo, ukuqinisekisa ukuthotyelwa, ukukhuthaza umoya wokwenziwa komsebenzi wolawulo olululo, inkxaso yabachaphazelekayo nonikezelo lweenkonzo.

5.3.3 Inkqubo 1.2: Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zeziqhamo nekujoliswa kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Umsebenzi ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ekujoliswe kuko kweMTEF		
			2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/ 25	2025/ 26	2026/ 27
Ulawulo lwemali oluphuculiweyo	Iintlawulo ezenziweyo kwabatyalwayo kwiintsuku ezingama30	1.1 Inani leentsuku zokwenziwa kweentlawulo kwabatyalwayo	Intlawulo kwabatyalwayo kwiintsuku ezingama24	Intlawulo kwabatyalwayo kwiintsuku ezingama25	Iintsuku ezili17.16	Iintsuku ezingama30	Iintsuku ezingama30	Iintsuku ezingama30	Iintsuku ezingama30
	Inkcitho eyongezelekayo njengepesenti yohlahlo lwabiwomali (inkcitho eyiyo/uhlahlo lwabiwomali okuhlengahlengisiweyo)	1.2 Ipesenti yenkcitho eyongezelekayo efunyenweyo (inkcitho eyiyo/uhlahlo lwabiwomali okuhlengahlengisiweyo)	99.2% (R530 711 000)	99% (R493 396 000)	99% (R502 883)	98%			
	Ungenelelo olusebenzayo luphunyezwe ngempumelelo	1.3 Inani lamatyeli ongenelelo lwenkxasomali olusebenzayo oluphunyeziweyo	5	6	3	2			
	Isheshini yoqeqesho lwezemali iqhutyiwe	1.4 Inani leeseshini zoqeqesho lwemali eziqhutyiweyo	13	12	13	12			
	Ukwaneliseka kwenkonzo yabathengi kufikelelwe	1.5 Ipesenti yokwaneliseka kwenkonzo yabathengi efunyenweyo		74%	79%	70%	70%	70%	70%
	Izindululo zoPhicotho	1.7 Ipesenti yezindululo	100%	100%	100%	100%			

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Umsebenzi ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ekujoliswe kuko kweMTEF		
			2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/ 25	2025/ 26	2026/ 27
	IwaNgaphandle ziphunyeziwe	zoMphicothizincwadi Jikelele eziphunyeziweyo							
	Uluvo loPhicothozincwadi olungenachaphaza	1.7.1 Uluvo loMphicothizincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (AGSA) ngophicothozincwadi kwiingxelo zemali					Uphicotho olungena Chapaza	Uphicotho olungena Chapaza	Uphicotho olungena Chapaza

5.3.4 Inkqutyana 1.2: Izalathisi zeziqhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi eziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
1.1 Inani leentsuku zokwenziwa kweentlawulo kwabatyalwayo	lintsuku ezingama30	lintsuku ezingama30	lintsuku ezingama30	lintsuku ezingama30	lintsuku ezingama30
1.5 Ipesenti yokwaneliseka kwenkonzo yabathengi efunyenweyo	70%				70%
1.7.1 Uluvo loMphicothizincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (AGSA) ngophicothozincwadi kwiingxelo zemali	Uphicotho olungenachaphaza		Uphicotho olungena chaphaza		

5.3.5 Inkqutyana 1.2: Uhlaziyo lwemingcipheko engundoqo nonciphiso oluvela kwiSP

Isiphumo	Imincipheko engundoqo	Uncitshiso lwemingcipheko
Uphuculo lolawulo lwemali	Ukungakwazi ukuzuzisa uluvo loPhicothozincwadi olungenachaphaza ngenxa yeengxelo ezingezizo okanye ukungathotyelwa kwezixhobo kwiindawo ezisemngciphekweni omkhulu ezifana neentlawulo ezikhutshelweyo, uLawulo lwezaBasebenzi, uphicothozincwadi lweenjongo ezimisela kwangaphambili noLawulo lweNtengo ngenxa yokungasebenzi kakuhle okanye ulawulo	Incwadi yomgaqonkqubo wemali yesebe ehlaziywayo kwaye igcinwe qho ngonyaka kugunyaziso lwamagunya. Ukugqitywa kweengxelo zemali zekota ezichanekileyo nezipeleleyo. Ingqinisekiso kubonelelwe ngayo kwiindawo ezinomngcipheko opezulu. Uqeqesho lolawulo lwemali ukulungelelanisa imisebenzi ukuqinisekisa ubuchule.

	Iwemeko olungagqibelelanganelanga. indawo yokulawula.	Ukuqeqeshwa kwabasebenzi boLawulo lweZimali ukuze kuqinisekiswa ubuchule.
--	-------------------------------------------------------	---------------------------------------------------------------------------

5.4 Inkqutyana 1.3: Iinkonzo zoShishino

5.4.1 Injongo

Kukubonelela ngomsebenzi wenkxaso yesicwangcisoq kwiSebe;

- Kukuqinisekisa unikezelo lweICT, uphuhliso lwezakhono, isiqinisekiso soshishino, iinkonzo zenkxaso yomthetho nonxibelelwano kwiSebe;
- Kukubeka iliso nokuvavanya ukusebenza kwesebe; kunye
- Nokuphuhlisa nokulawula iinkqubo zolwazi neenkukacha, iirekhodi nokulungelelanisa i-ICT.

5.4.2 UBekoliso kuMsebenzi weSebe

5.4.2.1 Ingcaciso yokusebenza okucwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka yoPhononongo nohlaziyo

Ngowama2024/25 nangaphaya, injongo yeDEDAT kukwandisa inkonzo yayo yokuhlola nokuvavanya; sinikezela ngokuzinzisa ngokuqinileyo ukulunga kwethu kucwangciso olusekwe kubungqina, uhlahlo lwabiwomali, isicwangciso nokwenziwa kwezigqibo. Ekwenzeni umsebenzi wethu woBekoliso noVavanyo (M&E) siye sakhokelwa yimpendulo yeSebe lethu elihlangeneyo kwisicwangciso sePhondo seG4J nemithethosiseko yalo yolungiselelo.

IPhondo linokuzinikela okuqinileyo, okubonakalayo kulawulo olululo noxanduva lokuphendula. Ukusetyenziswa kwemali eyinkunzi koku, isicwangciso seG4J sijonge ukwandisa imithetho yabantu abathile yolawulo lwentsebenzo yangoku ukuya kuloo nto iqikelelwa kugxininiso olubukhali kwiindlela zolawulo ezisekelwe kwiziphumo. Esi sinyanzeliso sikwazalisekisa uphononongo olwandayo lwempumelelo nocikizeko lwezicwangciso zikarhulumente, amaqhinga neenkqubo ngamaqumrhu angaphandle aqinisekisa, kubandakanywa uMphicothizincwadi Jikelele neekomiti zokuphendula kuluntu.

Iziphumo ezicwangcisiweyo zeDEDAT zovavanyo lwenkqubo ezimbini neengxelo ezine zokubekwa kweliso kweeprojekthi zizama ukuphendula kuphuculo lwezinyanzeliso zolawulo. Uvavanyo luza kubandakanya ukusetyenziswa kweendlela zophando ezisetyenzisiweyo ukuvavanya ngokuzimeleyo uyilo nokusebenza kweenkqubo ezimbini eziphambili zikarhulumente.

Ukubeka iliso ngokobume bako, kuyaqhubeka kwaye kugxile kwimiba yokuphunyezwa kweeprojekthi. Injongo yeengxelo zethu zokubeka iliso kukubonelela ngeengcebiso zolawulo malunga nomngcipheko wonikezelo, ukulungiswa kwezifundo ezifunekayo okanye uphuculo loyilo lweprojekthi olunokuphucula ukuphunyezwa.

Iindlela zokwenza ezinokubakho ukwazisa ukhetho lweeprojekthi ezifanelekileyo okanye iinkqubo zokubeka iliso okanye ukuvavanya, ngokulandelelana, zingabandakanya:

- Ukubaluleka kongenelelo nokufaneleka ekuphumezeni igunya leG4J yeDEDAT;
- Ukukhula kongenelelo (iminyaka yokuphunyezwa);
- Uhlahlo lwabiwomali;
- Ubukho bedatha yokubeka iliso neminye imithombo yeenkcukacha efanelekileyo;
- Izikhokelo zomlinganiselo (iinjongo ezichazwe kakuhle, iziphumo, iziphumo); kunye
- Amandla eziko ukuphumeza iingcebiso nezifundo ezifundiweyo.

Lo mgaqonkqubo weG4J ugxininisa isidingo sokusebenzisa ngokuqhubekayo izixhobo zokucwangcisa ukuvelisa izicwangciso ezomeleleyo nezinkumetwa neziphumo zenkqubo (umzekelo, ithiyori yotshintsho okanye imodeli yengqiqo). Ukuqaphela umgaqonkqubo ofunekayo wokwakha ngokuqhubekayo amandla karhulumente kwiM&E, (GWM & ES, 2007), iziphumo ezicwangcisiweyo zowama2024/25 ziquka ukunikezelwa kwangaphakathi

kweeseshoni ezine zokwakha amandla. Olu ngenelelo lujolise kubasebenzi bangaphakathi kwaye luyilelwe ukuphucula ulwazi lwabo, amandla, okubalulekileyo, ukwamkelwa kwabo kweenkqubo zeM&E nezixhobo kwindlela abacwangcisa ngayo, balawula, balinganisa kwaye banika ingxelo malunga nokusebenza kweenkqubo neprojekthi zabo.

Ukwandisa ugqaliselo lwethu lokuxhobisa ngezakhono olwamkelwa kule minyaka idlulileyo, kulindeleke ukuba ugqaliselo lowama2024/25 luquke ulwakhiwo lwezakhono kwizinto eziphambili zeM&E kuquka nezi zilandelayo:

- Ukukhethwa kwesalathisi nophuhliso lwesalathisi;
- Iindlela zokucwangcisa inkqubo - ithiyori yotshintsho okanye imodeli yengqiqo;
- Iinkcukacha neenkqubo zeenkukacha ezifunekayo kumlinganiselo nokuvavanya iziphumo;
- Iimvavanyo – iintlobo, ukusetyenziswa, izibonelelo, okufunekayo; kunye
- Ukuphuculwa okuqhubekayo - ukuphumeza izindululo okanye izicwangciso zokuphucula.

Xa sijonge phambili, kuyavunywa kwakhona ukuba owama2024/25 ngunyaka wokugqibela weminyaka emi5 yokuhanjiswa kweenkonzo. Ngoko ke kucingelwa ukuba umsebenzi weM&E, ekufuneni ukuxhasa indlela yeDEDAT esekelwe kubungqina kulawulo lweqhinga inokuba luncedo ekuncedeni iGosa eliPhendulayo liphumeze oko kunikezelweyo kumgaqonkqubo ochazwe kwiSakhelo soCwangciso esiHlaziyiweyo (DPME, sowama2020):

- Uvavanyo lwexesha lokuphela lweDEDAT (ukusebenza kweziphumo zeQhinga lesiCwangciso seminyaka emi5);
- Ukuxhasa uphuhliso lwesicwangciso esitsha seQhinga lesiCwangciso seminyaka emi5, sowama2025-2030; kunye
- Ukukokisa, ukuphumeza isicwangciso esitsha seminyaka emi5 yeM&E, esilungelelaniswe neSP yeDEDAT, sowama2025-2030.

Izigaba ezicacileyo kunye nezicwangciso zokuhanjiswa kweenkonzo ezixhasa oku kunikezelwayo kuza kuchazwa ngakumbi kwisiCwangciso sokuSebenza soNyaka seDEDAT, sowama2024/25.

Ukusebenzela abemi baseNtshona Koloni

Njengesixhobo solawulo lukawonkewonke, unikezelo lwenkonzo yeCandelo lugxile ngaphakathi, oko kukuthi, lujoliswe ekwandiseni amandla eenkqubo ukunikezela ngongenelelo oluluqilima olujolise kubemi bezoqoqosho.

5.4.2.2 Ukubekw'esweni kweNdlela yokuSebenza kweSebe: Iziphumo, iziqhamo, izalathi zeziqhamo nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Umsebenzi ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ekujoliswe kuko kweMTEF		
			2020/ 21	2021/ 22	2022/ 23		2023/ 24	2024/ 25	2025/ 26
'Inkqubo yeM&E ' esebenzayo ebonelela ngenkxaso kwiSebe	Iziphumo zibekwe esweni	1.8 Inani leengxelo zobekoliso ezivelisiweyo	1	1	1				
	Iingxelo zobekoliso kwiziqhamo ezivelisiweyo	1.9 Inani leengxelo zobekoliso kwiziqhamo ezivelisiweyo	4	5	2				
	Iingxelo zobekoliso	1.9.1 Inani leengxelo zobekoliso ezivelisiweyo				2	4	4	4

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Umsebenzi ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ekujoliswe kuko kweMTEF		
			2020/ 21	2021/ 22	2022/ 23	2023/ 24	2024/ 25	2025/ 26	2026/ 27
	kwiiprojekthi ezivelisiweyo	kwiiprojekthi ezivelisiweyo							
'Inkqubo yeM&E' esebenzayo ebonelela ngenkxaso kwiSebe	Uxhotyiso lwezakhono lweM&E luqhutyiwe	1.10 Inani leeseshini zoxhotyiso lwezakhono lweM&E eziqhutyiweyo	4	3	3	3	4	4	4
	lingxelo zovavanyo	1.10.1 Inani leengxelo zovavanyo ezigqityiweyo					2	3	3
	Uluvo loMphicothozincwadi olungenachaphaza	1.10.2 Uluvo loMphicothizincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (AGSA) kuphicothozincwadi lweenkcukacha zokwenziwa komsebenzi ezingezizo ezemali yeSebe					Uphicotho olungena chaphaza	Uphicotho olungena chaphaza	Uphicotho olungena chaphaza

5.4.2.3 Ukubekw'esweni kokuSebenza kweseSebe: Izalathisi zeziqhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngonyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
1.9.1 Inani leengxelo zobekoliso ezivelisiweyo	4	1	1	1	1
1.10 Inani leeseshini zoxhotyiso lwezakhono lweM&E eziqhutyiweyo	4	1	1	1	1
1.10.1 Inani leengxelo zovavanyo ezigqityiweyo	2				2
1.10.2 Uluvo loMphicothizincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (AGSA) kuphicothozincwadi lweenkcukacha zokwenziwa komsebenzi ezingezizo ezemali yeSebe	Uphicotho olungenachaphaza		Uphicotho olungena chaphaza		

5.4.2.4 Ukubekw'esweni kokuSebenza kweSebe: Uhlaziyo lwemingcipheko engundoqo nonciphiso oluvela kwiSP

Isiphumo	Imingcipheko engundoqo	Uncitshiso lwemingcipheko

'Inkqubo yeM&E' esebenzayo ebonelela ngenkxaso kwiSebe	Ukuqonda okunqongopheleyo, ukufikelela okanye ukusetyenziswa kweendlela zeM&E ezinokukhokelela ekubeni iSebe linike ingxelo ngaphantsi ngempumelelo yalo neziphumo zamaphulo neenkqubo eziphunyeziweyo.	Ukwakha ulwazi namandla nabaphathi beeprojekthi zesebe malunga neM&E engundoqo neengqikelelo zengxelo yokusebenza, iinkqubo. Ukunxibelelana nemisebenzi ukuze kufunyanwe iinkcukacha zokwenziwa komsebenzi ngokuchasene nesiphumo seminyaka emi5 yokusebenza eyongezelelweyo kwiiAPP. Lungelelanisa isakhelo sokubeka iliso sangaphakathi kwizinto eziphambili kwiphondo (umzekelo, iPSIP, isakhelo sokuKhula kweMisebenzi) ngokufanelekileyo.
--------------------------------------------------------	---------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------	------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------

5.4.3 UNxibelelwano lweSebe

5.4.3.1 Ingcaciso yokusebenza okucwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Ukukhula kweNkalo ekuGxilwe kuyo ngokuPhambili kwiMisebenzi (G4J PFA): Ukwakha ukuzithemba nonxibelelwano lophawu

Imixholo:

- Kuphuculwe izinga lokuzithemba kubatyalizimali namashishini eNtshona Koloni nakuRhulumente weNtshona Koloni.
- Ukuzithemba nethemba, amashishini nabemi abanethemba ngoqoqosho lwabo nekamva leNtshona Koloni, nenqanaba eliphazulu lokuthembana phakathi kwecandelo labucala, uluntu, abahlali norhulumente, abasebenza bekunye ukujongana nemingeni nokuqaphela amathuba.

Ukuzithemba kunxulumene nomgangatho wethemba malunga nemeko yezoqoqosho ekhoyo neemeko zoqoqosho ezilindelekileyo kwixesha elizayo. Amazinga otyalomali axhomekeke kokulindelweyo malunga nekamva, kwaye ke amanqanaba okuzithemba nokukhula koqoqosho kunxulunyaniswa kakhulu kuba iifemu ziyanqumama ukuqesha notyalomali xa zijongene nokungaqiniseki okanye ukuthembela kwikamva. Unxibelelwano ngumqhubi ophambili wamanqanaba okuzithemba.

Inkitha yemibutho namaziko ecandelo labucala nekarhulumente anxibelelana namashishini nabemi rhoqo, kwaye iPhondo linendima eliyidlalayo ekuxhaseni ukuzithemba kushishino ngokubhengeza nokuthunyelwa kwemiyalezo. Ngako oko, ukuthengisa nonxibelelwano lwemiba yezoqoqosho kwingingqi nako kuya kufuneka kuquzelelwe. Indima yoNxibelelwano lweSebe kukunxibelelana ngombono weSebe ngonxibelelwano lwangaphakathi nolwangaphandle kusetyenziswa amajelo osasazo abhaliweyo, omlomo, abonwayo ne-elektroniki nokuthengisa, ukukhuthaza nentengiso yeenkonzo zesebe kumaqela achaphazelekayo kuqoqosho lwasekhaya, lukazwelonke nolwamazwe ngamazwe. Ekwenzeni lo msebenzi, indima ebalulekileyo yeCandelo inxulumene nokulawula, ukulungelelaniswa nokuxhasa imisebenzi yonxibelelwano ngaphakathi kwiSebe ukuqinisekisa ukuhanjiswa kwemiyalezo esebenzayo nengaguqukiyo.

Oku kukuqinisekisa ukuba abachaphazelekayo boqoqosho lwasekhaya, lukazwelonke namazwe ngamazwe bayaziswa ngeenkonzo zesebe ezibonelelwayo nemisebenzi yalo, neziphumo ezivela kule misebenzi. Indlela yeG4J iyaqonda ukuba uqoqosho luyakhula xa amashishini nabathengi beziva bezithembile. Ngelixa izinto ezininzi ezingaphandle zinempembelelo kumanqanaba okuzithemba, kukho indima ekufuneka iPhondo liyidlalile ekuxhaseni ukwakhiwa kwentembo yoshishino ngokuphuhlisa uphawu olomeleleyo lweNtshona Koloni nodumo oluhlangabezana neemfuno nokulindelwe ngamashishini noosomashishini.

Ukusabela koku, uNxibelelwano lweSebe luza kubonelela ngenkxaso yonxibelelwano lwesicwangciso kubuchule nezicwangciso zokwazisa ngenkxaso yezoqoqosho, ukuqinisa nokwandisa isiphakamiso sexabiso seNtshona Koloni njengoqoqosho lommandla. Embindini wophawu lweWCG sisithembiso sohlobo lwethu - ingxelo ecacileyo yexabiso esilininika abantu esibasebenzelayo. Ngokwembono yoqoqosho lweNtshona Koloni nangokuhambelana nophawu lweWCG, "ithemba" loqoqosho libhekiselele ngokukodwa kwindlela esiphila ngayo:

- Ukukhuthaza intembeko evuselela ushishino kuqoqosho lweNtshona Koloni phakathi kwamashishini;
- Ukukhuthaza ukuzithemba kwabathengi kuqoqosho lweNtshona Koloni kubahlali bePhondo ngokunxulumene neenkondo esizinikezelayo;
- Uhambo olukhuthazayo lwegaphakathi nolwamazwe ngamazwe ukuya eNtshona Koloni;
- Ukubonisa ukuzimisela nokukwazi "ukujongana" nemingeni yezoqoqosho;
- Ukukhuthaza intembeko yabatyalizimali basekhaya nabamazwe ngamazwe kwiNtshona Koloni; kunye
- Ukukhuthaza ithemba ekuvuseleleni uqoqosho.

Siya kubonisa ukuba ubunkokeli bezoqoqosho beWCG (namahlakani abo) bazibophelele ekuzinikezeleni kwabo ekuxhaseni uqoqosho naphi na apho kuyimfuneko, nokuba kungokuqinisekisa ukuyilwa kobume obuncedayo boshishino okanye ngokuqinisekisa ukuba lenza imisebenzi yalo ngokweziguqunyaziso zalo kwaye siyakuqhubeka ukwenza oko phantsi kolawulo olululo. Oku kubandakanya kakhulu indlela esinxibelelana ngayo:

- Imiba efuna ukulungiswa;
- Imiba efuna ukusetyenziswa kobunkokeli;
- Imiba efuna ukuphelisa imiqobo;
- Amathuba; kunye
- Ukuchongwa kwemixholo ebalulekileyo yokuphembelela okanye ukuxhasa.

Ngokwemeko yeSebe, unxibelelwano lweqhinga loqoqosho luchazwa “njengenzame ezixininisiweyo zikaRhulumente weNtshona Koloni zokuqonda nokubandakanya abaphulaphuli abaphambili ukuyila, ukomeleza, okanye ukulondoloza iimeko ezinegalelo kwiqondo elincomekayo lokuzithemba kushishino”.

Oku kubandakanya uphuhliso lwee-ajenda zonxibelelwano lwezoqoqosho olucwangcisiweyo, olumele ukubandakanywa kobukrelekrele bezoqoqosho obuphuma nokusabela kwiinkalo eziphambili zezoqoqosho. Oku kudityaniswe kwii-ajenda zonxibelelwano ezicacileyo nezinika ingcaciso ngokuphunyezwa kwamaphulo nophuhliso nokwenziwa kweengxelo, imiyalezo, okanye imixholo eza kusetyenziswa ekuxhaseni iinzame zokukhuthaza nonxibelelwano olunxulumeneyo yiWCG kwiinkalo eziphambili kwezoqoqosho. Oku kuya kwazisa indlela amangenelo kwiinkalo eziphambili avakaliswa ngayo ngokuhambelana nophawu lweWCG.

Iinzame nazo ziza kwandiswa ukuqinisekisa ukuba amandla onxibelelwano ayomelezwa ngaphakathi kwiSebe ngokusekwa kweziseko ezisekelwe kwiinkqubo eziphuculweyo kwizakhono zonxibelelwano ezisebenzayo nezibonelelo, ukuqinisekisa ngengxelo elungelelanisiweyo kumsebenzi wonxibelelwano nokulungelelaniswa kophawu lweWCG. Ukongeza, iSebe linentsebenziswano phakathi kweenkqubo zalo, amacandelo ophando (ngaphakathi nangaphandle) noNxibelelwano lweSebe luza kufuna ukuphonononga imilinganiselo yokuzithemba kushishino, nto leyo eya kuthi ibe yimeko engcono kakhulu yeziphumo zawo onke amangenelo esebe axhasayo nokukhuthaza ukukhuphisana nokunyanzeliswa kweenzuzo uqoqosho lwaseNtshona Koloni.

Ukusebenzela abemi baseNtshona Koloni

Amashishini kunye nabemi abanethemba ngoqoqosho lwabo nekamva leNtshona Koloni nalapho kukho izinga eliphezulu lokuthembana phakathi kwecandelo labucala, uluntu, abahlali norhulumente, ivumela intsebenziswano engcono ukujongana nemingeni nokufezekisa amathuba ezoqoqosho.

5.4.3.2 Unxibelelwano lweSebe: Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zeziqhamo nekujoliswa kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Umsebenzi ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ekujoliswa kuko kweMTEF		
			2020/ 21	2021/ 22	2022/ 23	2023/ 24	2024/ 25	2025/ 26	2026/ 27
Ukwenza lula ukuqhuba	Ii-ajenda zonxibelelwano	1.11 Inani lee-ajenda zonxibelelwano eziphuhlisiweyo		5	5	4	5	6	7

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Umsebenzi ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ekujoliswe kuku kweMTEF		
			2020/ 21	2021/ 22	2022/ 23	2023/ 24	2024/ 25	2025/ 26	2026/ 27
ushishino kuphuculiwe	lwezoqoqosho ziphuhlisiwe	lwezoqoqoso eziphuhlisiweyo							

5.4.3.3 Unxibelelwano lweSebe: Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zeziqhamo nekujoliswa kuko

Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
1.11 Inani leeajenda zonxibelelwano loqoqosho eziphuhlisiweyo	5				5

5.4.3.4 Unxibelelwano lweSebe: Uhlaziyo lwemingcipheko engundoqo nonciphiso oluvela kwiSP

Isiphumo	Iminigcipheko ephambili	Uncitshiso lwemingcipheko
Ukwenza lula ukuqhuba ushishino kuphuculiwe	Ukuphunyezwa akwenzeki ngenxa yeenkcukacha ezinganelanga neenkqubo zohlalutyo zokwazisa umxholo kuphuhliso lweejenda zonxibelelwano lwezoqoqosho.	Ukuqinisekisa ukuchongwa nophuhliso lobudlelwane nabachaphazelekayo abaphambili kwezoqoqosho (ngaphakathi nangaphandle) ukubonelela ngegalelo nohlalutyo olufunekayo ekuphunyezweni kophuhliso lweejenda.
	Ukomeleza izakhono zeSebe ngokuqinisekisa abasebenzi abanezakhono zonxibelelwano ezisebenzayo kunye nezibonelelo, abakwaziyo ukuqhuba unxibelelwano "loqoqosho ngokubanzi" olufunekayo kulwakhiwo lokuzithemba kwishishini nophawu.	Ukusekwa kweenkqubo ezisekelwe kwinkqubo ephuculweyo kwizakhono zonxibelelwano ezisebenzayo nezibonelelo, ukuqinisekisa ngengxelo elungelelanisiweyo kumsebenzi wonxibelelwano nokulungelelaniswa kophawu lweWCG.

5.5 IiNgqwalasela zeZixhobo zeNkqubo

Ulwabiwo lohlalomali lweNkqubo neeNkqutyana

INkqubo yoku1 R'000	Isiphumo			Ulwabiwo oluphambili	Ulwabiwo olulungelelanisiweyo	Uqikelelo oluhlaziye weyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			
	Okuphicut hiweyo	Okuphicut hiweyo	Okuphicut hiweyo				I-% yoTshintsho kuqikelelo oluhlaziye weyo			
	2020/21	2021/22	2022/23							
I-Ofisi yeHoD	11 378	5 172	5 983	4 450	7 251	7 251	6 535	(9.87)	6 735	7 105

iNkqubo yoku1 R'000	Isiphumo			Ulwabiwo oluphambi li	Ulwabiwo olulungelela nisiweyo	Uqikelelo oluhlaziyi weyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			
	Okuphicot hiweyo	Okuphicot hiweyo	Okuphicot hiweyo				I-% yoTshintsho kuqikelelo oluHlaziyiwe yo	2025/26	2026/27	
	2020/21	2021/22	2022/23							2024/25
ULawulo lweMali	37 413	33 827	36 128	33 184	33 044	33 043	34 381	4.05	36 062	38 099
liNkonzo zoShishino	13 887	15 842	15 800	14 167	15 083	15 084	19 710	30.67	17 501	19 682
liNtlawulo zizonke neengqikelelo	62 678	54 841	57 911	51 801	55 378	55 378	60 626	9.48	60 298	64 886

Ingcaciso yegalelo lezibonelelo ekuphunyezweni kweziphumo

ISebe lixhasa uMbono oPhambili oMbono ophefumlelweyo wesi2 (iVIP yesi2): Ukukhula neMisebenzi neVIP 5: Inguqulelo neNkcubeko ngentsebenziswano nokulungelelaniswa kwendawo.

Inkqubo yoku1, nangona kunjalo, kwindawo yayo eyodwa njengenkqubo yenkxaso kwiSebe, izama ukuhlenganisa iinkqubo zayo kwiinjongo ezimbini ngendlela evumela inkxaso elinganayo nokuphunyezwa kwazo zombini iVIP. Ngamanye amazwi, injongo kukuphumeza unikezelo lwenkonzo ngokusebenzisa okuphambili kolawulo olunempumelelo nolusungula izinto ezintsha.

Kulo mba, iSebe lijonge ukomeleza inkonzo yalo yokubeka iliso novavanyo ukuze lizinzise imfuno yocwangciso olusekwe kubungqina, uhlahlo lwabiwomali, isicwangciso nokwenziwa kwezigqibo. Ekwenzeni umsebenzi woBekoliso noVavanyo (M&E) iSebe likhokelwa yimpendulo ehlangeneyo kwisicwangciso sePhondo leG4J nemithethosiseko yalo yolungiselelo.

6. INkqubo yesi2: IiNkonzo zoPhuhliso lwezoQoqosho oluHlanganisiweyo

6.1 Injongo

- Ukukhuthaza nokuxhasa imeko yoshishino ekwaziyo ukudala amathuba okukhula nawomsebenzi.

6.1.1 Ulungelelaniso nezicwangciso zikazwelonke nezephondo

Injongo, iinjongo kunye nokungenelela njengoko kuchongiwe kumgaqonkqubo kazwelonke ongundoqo namaxwebhu esicwangciso esihambelana nomsebenzi owenziweyo kwaye uqhubeka ukwenziwa kwiNkqubo yesi2. Inkqubo iquka amaCandelo oLawulo loPhuhliso lwamaShishini (ED), uPhuhliso loQoqosho loMmandla noQoqosho lweNgingqi (RLED) nokuNcitshiswa kweMithetho engeyoMfuneko (RTR).

IsiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke (NDP) esamkelwe ngowama2012 silandelwe siSakhelo sesiCwangciso sesiGaba esiPhakathi soNyaka (MTSF) sowama2019-2024 njengokuphunyezwa kwesibini kweminyaka emi5 yeNDP. Le yokugqibela ikwathi thaca uthotho longenelelo neenkqubo eziza kuqhubela phambili izinto eziphambili ezisixhenxe njengoko zichongiwe kwiNDP.

Le Nkqubo ithetha ngokuthe ngqo nangokungathanga ngqo kwezi ntsika zilandelayo zithungelanayo njengoko zichongiwe kwiNDP, ezizezi, (1) *ezisa ukukhula koqoqosho olukhawulezayo, utyalomali oluphezulu, nokwamkelwa okukhulu kwabasebenzi*, (2) *kugxininise kubuchule obungundoqo babantu (kubandakanywa noshishino) urhulumente*, (3) *nokwakha urhulumente onobuchule*. Ukubhenela kwiMTSF njengendlela yokusombulula imingeni entlantluntathu yentlupheko, ukungalingani nentswelangqosho njengoko ichongiwe kwiNDP, umsebenzi weNkqubo ulungelelaniswa ngqo nezi zinto ziphambili zilandelayo zeMTSF:

- Okuphambili koku1: *Urhulumente onako, osesikweni nophuhliso*. Ungenelelo olungundoqo olulungelelaniswa neNkqubo ukuze luquke, (1) ukuphucula imveliso nokusebenza kwamaziko karhulumente ekuxhaseni unikezelo olujoliswe ebantwini, kugxininiswa kuxhotyiso nasekukwazini kukurhulumente wengingqi – iRLED neRTR, (2) ukwenziwa kweenkqubo zoshishino zibe zezalemihla kwicandelo likarhulumente – iRTR.
- Okuphambili kwesi2: *Inguqu kwezoqoqosho nokudalwa kwemisebenzi*. Ungenelelo oluphambili olulungelelaniswa neNkqubo lubandakanya, (1) ukudala imekobume evumela ukusetyenziswa komgaqonkqubo nemimiselo-iRTR, (2) ukuphucula ukwenza lula ukuqhuba ishishini - iRTR, iRLED ne-ED, (3) iququzelele ukwanda kwenani lamashishini amancinci asebenzayo agxile kuqoqosho lwasezilokishini nophuhliso lwase-maphandleni – iED neRTR (4) yomeleza uphuhliso lwemali yophuhliso olubhekiselele kuphuhliso lweeSMME – iED, nesi (5) nophuhliso lweeSMME ngokusebenzisa amaziko afumanekayo neendawo zikaxakeka zobuxhakaxhaka balemihla bekhompyutha – iED.

Olunye uxwebhu lomgaqonkqubo olubalulekileyo olukhutshwe ngowama2023 oluthetha ngokuthe ngqo ngomsebenzi weNkqubo lelo loBuchule beSizwe boPhuhliso lwamaShishini amaNcinci aDityanisiweyo (i-NISED). Impembelelo ecetywayo yeNISED ethi *“iSMME ezingaphezulu ezinegalelo elinemveliso kwiGDP enabantu abaninzi abaqeshwe kwiiSMME, ezinegalelo kuqoqosho olulinganayo, olubandakanyayo, oluguquliweyo nolukhulayo”*, ifuna ezi ziphumo zilandelayo ezifanelekileyo kwiNkqubo yesi2:

- Kuhlaziye umgaqonkqubo, imithetho nemigaqo ukuze iiSMME zikhule nolawulo olusebenzayo;
- linkonzo zenkxaso ezisebenzayo ezinikezelwa kuhlumo lweSMME kwezemali nezingezizo ezemali; kunye
- Nolungelelaniso lukarhulumente nentsebenziswano eyomeleziweyo yecandelo labucala ukulungiselela ukukhula kweSMME.

Okubalulekileyo yingxelo yakutshanje ekhutshwe kweyoMsintsi wama2023, *“Uphononongo lweNDP yama2012-2021”*, kuphononongo lweNDP ebonelela ngohlaziyo lokujoliswe kuko olungundoqo lweNDP kule minyaka ilishumi idlulileyo kwaye ibeka isiseko sezindululo zokuphunyezwa kwayo iminyaka esibhozo eseleyo. Le

yokugqibela ichaza amanyathelo okulungisa ikhosi ngokusekelwe kwiimeko zotshintsho. Oku kulandelayo ngamagqabantshintshi ophononongo olufanelekileyo kwaye luza kwazisa umsebenzi weNkqubo:

- Iimarike ezixininiswe kakhulu zoMzantsi Afrika ziza zigxila ngakumbi - ngokufanelekileyo ukugcina abatsha (abangeni bamashishini amancinci).
Inyathelo: Qinisa iinzame zokwandisa intatho nxaxheba yeSMME kwiimarike.
- Utshintsho olulawulayo nolweziko luyafuneka ukuze amashishini amancinci akwazi ukuthatha inxaxheba nokuqinisekisa ukuba imali eyinkunzi yabiwa ngokukodwa ukuphumeza iinjongo zeNDP.
Inyathelo: Phucula uhlelo lalawulo.
- Ukuvalwa ngxi kweentshukumo ngenxa yobhubhane weKHOVIDI-19 kube nefuthe elikhulu kumashishini amancinci - ukwehla ngama25% kumashishini angekho semthethweni namashishini amancinci abhalisiweyo anyuke ngesi2% kwiikota ezimbini zokuqala zowama2020 ngaphambi kokuba ehle nge11%. Ngaphaya koko, iinzuzo zokuqeshwa kwamashishini amancinci ukusuka ngowama2018 ukuya ngowama2019 zibuyiselwe umva.
Inyathelo: Yandisa inani lamashishini amatsha asaqalayo.
- Uphando lweDPME ngowama2022 lwafumanisa ukuba eyona mingeni ingundoqo ejongene nophuhliso lweSMME, ingakumbi amashishini aseziqokoshi, ibandakanya, (1) ukungabikho kwemali, (2) ukufikelela kwiimarike, (3) ukunikezelwa kweenkonzo ezisisiseko (umzekelo, umbane, amanzi) kunye (4) ulawulo nokungasebenzi kakuhle (imithetho engeyomfuneko).
Inyathelo: Ukwamkela indlela ebanzi kuphuhliso lweSMME.

Ngamafutshane, ukususela oko kwathi kwaziswa imigaqonkqubo engundoqo kazwelonke (okt iNDP neMTSF), iNkqubo iye yahlala ilungelelaniswe kuzo zombini iinjongo neendlela zokuphumeza ezi njongo. Okubaluleke ngakumbi, uphononongo lweNDP oluqaqambisa iinkalo ezibalulekileyo, umzekelo, uhlaziyo lolawulo nokwandisa inani lamashishini amatsha aqalayo afuna ukunyuswa kweenzame, kuhambelana ngokupheleleyo nemimandla ecetywayo yokugxila kweNkqubo kwisigaba esiphakathi sonyaka.

Ulungelelaniso nezicwangciso zephondo nesigunyaziso seSebe

IQhinga lesiCwangciso sePhondo sowama2019-2024 (PSP) salatha “ukukhula nemisebenzi” njengenye yeentsika ezintlanu (okanye iiNdlela eziPhambili eziphefumlelwe ngumbono – ii-VIP) eziza kuqhuba umsebenzi osingise ekuphunyezweni kombono, “weNtshona Koloni ekhuselekileyo apho wonke umntu uyaphumelela”. Okubalulekileyo kwiNkqubo yesi2 nalapho iNkqubo ihambelana nayo, kuquka:

- Izinto eziphambili zikamasipala njengomxholo onqamlezileyo. Uphuhliso loqoqosho lwengingqi (LED) lwachongwa njengenye yezinto eziphambili zikamasipala ezilishumi elinanye. Omabini amacandelo eNkqubo yeRLED neRTRU asebenze kakhulu kulo mmandla kwaye aza kuqhubeka ukudlala indima ebalulekileyo ekwakheni oomasipala abanezakhono; kunye
- NeVIP yesi2: Ukukhula neMisebenzi, apho ezi nkalo zilandelayo kugxilwe kuzo zifanelekile kwiNkqubo:
 - o Ukuphucula imeko yoshishino ngokubanzi – ukwenza kube lula ukwenza ushishino ukusuka kweyona ilokishi incinci iSMME ukuya koyena mtyalimali mkhulu wangaphandle. Ngokufanayo, kukho imfuneko yokuba urhulumente akwazi ukwenza ushishino ngokufanelekileyo namashishini abucala;
 - o Ukususa imiqobo kutyalomali -ukubonisa iinkqubo zikarhulumente zangaphakathi ezithintela ukukhula ngomthwalo ongeyomfuneko wolawulo olubekwe kushishino – olusesikweni nolungekho sikweni. Ngokulinganayo okubaluleke ngokulinganayo kukuphunyezwa kwemithetho yobuntlola nelungelelanisiweyo kuwo onke amanqanaba karhulumente;
 - o Ukukhuthazwa kotyalomali kunye nokugcinwa kweshishini - ukuzama ukusebenzela imekobume (kunye nemeko yendalo) apho amashishini asele ekhona aziva exatyiwe, ekhathalelwe kwaye ekugqibeleni ejongeka kakuhle ekwandiseni nasekunyuseni ingqesho; kunye
 - o Ukukhulisa uqoqosho ngokukhula kokuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle - ukutshatsheliswa kweenkqubo ezisebenzayo kunye nemimiselo enegalelo kubathengisi abakhoyo bemveliso kumazwe angaphandle nabathumeli bangaphandle abatsha abafuna ukungena kwimarike yangaphandle.

IqHinga lesiCwangciso seDEDAT sowama2020-2025 (DEDAT SP), simisela umbono wayo, “weNtshona Koloni enoqoqosho oludlamkileyo, oluvelisa izinto ezintsha noluzinzileyo, oluphawulwa kukukhula koqoqosho nengqesho”. Umsebenzi weNkqubo ekufakeni igalelo kulo mbono ufunyanwa kwezi zinto zibalulekileyo zilandelayo zeSP yeDEDAT SP:

Njengoko inxulumene nomgaqonkqubo woShishino lukaZwelonke oncediswa zizicwangciso eziphambili zamacandelo ahlukeneyo eziphuhlise ukunika amandla kumacandelo amathuba, iNkqubo yoRhwebo neCandelo loPhuhliso ibonelela ngeenkono zenkxaso ezilungiselelweyo kumashishini ahlukeneyo anethuba kuqoqosho lwephondo. Injongo yeqhinga lokusebenza kukuguqula uqoqosho lwephondo, ukuqinisekisa ukudalwa kwamathuba emisebenzi nohlumo oluzinzileyo lwexesha elide oluhambelana neG4J ngokukodwa ukuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle notyalomali kugxininise kuzo.

Inkqubo inika isiphumo kwiMTSF ePhambili yesi2 – iNguqu yezoQoqosho nokuDalwa kweMisebenzi ngokugqalisela kurhwebo oluthunyelwa ngaphandle notyalomali kwakunye noshishino olugxile kwimveliso nolungiselelo lwezibuko ukuvula amathuba okuthumela impahla ngaphandle asuka eNtshona Koloni.

Ulungelelwaniso nezicwangciso zephondo nemagunya eSebe

Inkqubo inika impembelelo kwimigaqonkqubo nezicwangciso zephondo ezininzi kuquka neQhinga lesiCwangciso sePhondo sowama2019-2024. OkuPhambili okuPhenjelelwa nguMbono wesi2 onxulumene noHlumo neMisebenzi (G4J) ungundoqo kugxininiso lweNkqubo ekuvumeleni uqoqosho olukhuphisanayo oludala imisebenzi kwaye olukhokelwa yimfuno necandelo labucala. Oku kungundoqo kwimiba ephambili yokuthengisa kumazwe angaphandle notyalomali apho iNkqubo inoxanduva lwazo kwaye inxibelelana nommandla ophambili wesi3 weVIP yesi2 oza kuthunyelwa ngaphandle. Oku kwenziwa ngokuphunyezwa kwesicwangciso sokuthumela ngaphandle neenkqubo ezinxulumeneyo. Oku kuquka inkqubo yokhuphiswano lokuthengisa kumazwe angaphandle neminye imisebenzi ebalulekileyo yecandelo exhasa amatyathanga exabiso awahlukeneyo ukusuka kwizithintelo zorhwebo, ubukrelekrele becandelo, ukuphemelela nobhengezo kwakunye namalinge okukhuphisana kushishino. Ezi, nazo, zixhasa utyalomali kumashishini angundoqo namashishini abalulekileyo oqoqosho afana namazibuko noshishino loqoqosho lokusingqongileyo.

Inkqubo inoxanduva lweziphumo ezinxulumene nokunyuswa kwempahla ethunyelwa kumazwe angaphandle nokunyusa ixabiso lerandi kutyalomali kwQhinga lesiCwangciso seminyaka emi5 seSebe. Ukunika isiphumo kwisicwangciso seG4J, iNkqutyana ichonge ungenelelo olucwangcisiweyo oluya kuphunyezwa kwaye lulinganiswe ngezalathi zeziphumo. Iimpawu zeziphumo kwiAPP ziza kuxhasa ukufezekiswa kokukhula kokuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle, ukutsala utyalomali, kwaye negalelo ekudalweni kwemisebenzi ngokubanzi eNtshona Koloni.

7.2 Inkqutyana 3.1: URhwebo nokuKhuthaza uTyalomali

7.2.1 Injongo

- Kukubonelela ngezibonelelo kwiqumrhu likarhulumente lokukhuthaza ukhenketho, urhwebo notyalomali ukuze libe nakho ukuphumeza igunya lalo, njengoko kuchaziwe kuMthetho weArhente yokuKhuthaza uTyalomali noRhwebo eNtshona Koloni, we1996 (uMthetho wesi3 we1996), (njengoko ulungisiwe).

7.2.2 Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Kwixesha eliphakathi, Inkqutyana 3.1 iza kubeka phambili imisebenzi yokukhuthaza ukuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle kunye notyalomali edityaniswe nePFA 1 (Ukuqhuba amathuba okukhula ngoTyalomali) kunye nePFA 2 (iVuselela iiMpahla eziThunyelwa kumazwe angaphandle neeMarike zasekhaya) kwiqhinga leG4J. Ngokumalunga nokuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle, ixesha elide ekujoliswe kulo kukuthumela kumazwe angaphandle kathathu okunxulumene nempahla, iinkonzo nokhenketho. Inkqutyana 3.1 iza kujolisa kwimisebenzi engqamene nokubekwa nokwazisa iNtshona Koloni njengendawo ehamba phambili yokuthumela ngaphandle egxile ekuqhubeni ukufikelela kwimalike kwiimarike ezintsha nezikhulayo zehlabathi.

Ngokuphathelele kutyalomali lwePFA, Inkqutyana 3.1 iWesgro, ngenkxaso yesicwangciso seSebe, iza kujolisa kwimisebenzi yokukhuthaza utyalomali ukuququzelela utyalomali oluthe ngqo lwangaphandle (FDI) notyalomali lwangaphakathi ngqo (DDI) kwiPhondo ekuphumezeni iG4J yexesha elide. Injongo yokwandisa utyalomali ngamaR200 eebhiliyoni ngonyaka ngowama2035. Oku kuza kwenziwa ngokujolisa ekuthengisweni kwamathuba angundoqo otyalomali kuwo onke amashishini nakwimimandla kamasipala nokubeka iNtshona Koloni njengendawo ehamba phambili yotyalomali kwilizwekazi elinxibelelana nenzuzo yethu ezikhuphisanayo, ukukhuthazwa kotyalomali olugqibeleleyo neenkonzo zoququzelelo. Ibandakanya ukubeka iPhondo kwindawo ngokubhekisele kwiinkqubo zotyalomali ezisekwe kakuhle nobuntlola kwezozoqosho oluthembekileyo nothungelwano lwecandelo lonke olongeza ixabiso ngokwemiqathango yokuqinisekisa iEoDB kubatyalimali abanokubakho.

Umnqophiso weWesgro neenjongo ezicwangcisiweyo zihambelana nePSP yesi2 yeVIP: UkuKhula neMisebenzi neQhinga lesiCwangciso seminyaka emi5 seSebe malunga nokukhuthaza ukuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle notyalomali. Ngokuphathelele nokuthunyelwa kwePFA kumazwe angaphandle: UkuVuselela ukuKhula kweMarike ngokuThunyelwa kweeMpahla ngaphandle neeMarike zasekhaya, iWesgro iza kuba noxanduva ikakhulu ekwandiseni ulwazi ngophawu lweNtshona Koloni nobuchule ngokunxulumene norhwebo. Oku kuza kwenziwa ngeenkqubo ezininzi namaphulo achazwe kwisiCwangciso sokuSebenza soNyaka sequmrhu.

ISebe lijongene neWesgro kwaye lilungelelanisa amagalelo nolungelelwaniso lwesicwangciso kwiPFA yokuthumela ngaphandle notyalomali. I-Wesgro iyinxalenye yeqela lonikezelo lweG4J njengoko izigunyaziso zokukhuthaza nophuhliso zithungelana kurhwebo, utyalomali nokhenketho. Intsebenziswano nolungelelwaniso phakathi kweSebe neQumrhu zibalulekile ukuqinisekisa ukuba iinjongo ziyafezekiswa njengoko zinxulumene ngokukodwa neG4J. ISebe linoxanduva lokujongana nomgaqonkqubo nophuhliso lwesicwangciso. Iqinisekisa ulungelelwaniso lomgaqonkqubo, ucwangciso oluhlanganyelweyo nobudlelwane bokusebenzisana obukhoyo bukhona obunxulumene nokukhuthaza nezigunyaziso zophuhliso zokuthengisa kumazwe angaphandle, ukhenketho notyalomali. Ngoko ke iSebe ligxile kwimisebenzi efana nokucwangcisa, ukubeka esweni, nentsebenziswano njengenxalenye yemisebenzi yokongamela kwiInkqutyana 3.1.

7.2.3 Inkqutyana 3.1: Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zeziqhamo nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Umsebenzi ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ekujoliswe kuko kweMTEF		
			2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26	2026/27
Ukukhula kothunyelwa kwamanye amazwe	Iingxelo zokongamela ziqulunqwe kumsebenzi wokuKhuthaza uRhwebo lweWesgro	3.1 Inani leengxelo zokongamela eziqulunqwe kumsebenzi wokuKhuthaza uRhwebo lweWesgro	4	4	4	2	2	2	2
Ukunyuka kwexabiso lerandi kutyalomali	Iingxelo zoKongamela umsebenzi wokuKhuthaza uTyalomali lweziqulunqwe kumsebenzi weWesgro	3.2 Inani leengxelo zokongamela eziqokelelweyo kumsebenzi weWesgro wokuKhuthaza uTyalomali	4	4	4	2	2	2	2

7.2.4 Inkqutyana 3.1: Izalathisi zeziqhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngonyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
3.1 Inani leengxelo zokongamela eziqulunqwe kumsebenzi wokuKhuthaza uRhwebo lweWesgro	2		1		1
3.2 Inani leengxelo zokongamela eziqokelelweyo kumsebenzi weWesgro wokuKhuthaza uTyalomali	2		1		1

7.3 Inkqutyana 3.2: UPhuhliso lweCandelo

7.3.1 Injongo

Ukuvuselela ukukhula koqoqosho kumacandelo anorhwebo ngeenkqubo ezibonakalayo, amanyathelo okuxhasa ishishini kunye nokuphunyezwa kwezicwangciso nezicwangciso. Oku kuya kubangela ukukhula koqoqosho nokudalwa kwemisebenzi ngokukhula kwemisebenzi yokuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle nokwandisa utyalomali kumacandelo abalulekileyo kuqoqosho lweNtshona Koloni.

7.3.2 Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Uthunyelwa kwamanye amazwe nokukhula korhwebo lwasekhaya

Kwixesha eliphakathi, iNkqutyana iza kugxila ekuqaliseni amalinge angundoqo anxulumene notyalomali neendawo ekugxilwe kuzo ngokubaluleka kuthunyelwa kumazwe angaphandle kwiG4J. Oku kuza kwenziwa ngokuvula imeko evumelayo nekhuphisanyo yokuthumela kwamanye amazwe, ukomeleza nokwahluka kwesiseko sezinto ezithunyelwa ngaphandle eNtshona Koloni, ukuqhuba ukufikelela kwiimarike nokulungisa imiqobo yorhwebo. Ugxininiso olungundoqo luza kuba kukwakha amandla abathengisi bangaphandle, ukwazisa abantu ukuba bajolise kubathengi abatsha, nokwakha amandla eenkampani ezilungele ukuthumela ngaphandle ukuze zihambelane nemigaqo yokuthumela ngaphandle neemfuno zemarikeNgexesha eliphakathi, iNkqutyana iza kugxila ekuqaliseni

amalinge angundoqo. idityaniswe notyalomali nemimandla ekugxilwe kuyo ngokubaluleka kokuthumela ngaphandle ngaphakathi kweG4J. Oku kuya kwenziwa ngokuvula imeko evumelayo nekhuphisanyo yokuthumela kwamanye amazwe, ukomeleza kunye nokwahluka kwesiseko sezinto ezithunyelwa ngaphandle eNtshona Koloni, ukuqhuba ukufikelela kwiimarike nokulungisa imiqobo yorhwebo. Ugxininiso olungundoqo luza kuba kukwakha amandla abathengisi bangaphandle, ukuphakamisa ulwazi malunga nokujolisa kubathengisi abatsha, nokwakha amandla enkampani ezilungele ukuthumela ngaphandle ukuthobela iinkqubo zokuthumela ngaphandle neemfuno zemarike.

Isisombululo esicetywayo nempendulo ekunyuseni ukuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle eNtshona Koloni kukubeka ukuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle njengeyona ndlela iphambili yokuphumeza iinjongo ezibanzi zikaRhulumente weNtshona Koloni njengoko kubonisiwe kwisicwangciso seG4J, esijonge ukudala imeko evumela ukuba icandelo labucala kunye neemarike ziqhube. ukukhula nokudala imisebenzi.

IsiCwangciso sokuThunyelwa kwamanye amazwe sifuna ukuphakamisa igalelo leNtshona Koloni kumgaqonkqubo welizwe worhwebo weajenda neenjongo. Oku kubandakanya uthathonxaxheba olukhulu kwiinkqubo namalinge esizwe, kwakunye nokuqinisekisa ukuba umdla weNtshona Koloni uyabonakala kwiindibano nezivumelwano zelizwe zehlabathi. IQhinga likwaqaqambisa imingcipheko ekhulayo namathuba abathumeli bangaphandle anxulumene nengxaki yemozulu, nefuthe lemithetho yokusingqongileyo nokutshintsha iimfuno zabathengi kwiimarike eziphambili zokuthumela ngaphandle.

Ithiyori yotshintsho ethe yaphuhlisa kuthunyelwa kumazwe angaphandle ichaza iziphumo ezithandathu zobuchule ekufuneka ziphunyezwe ngokufezekiswa ngempumelelo kwesi siCwangciso sokuThunyelwa kwamanye amazwe.:

- Ukwanda kolwazi lophawu lweNtshona Koloni nobuchule kwiimarike eziphambili, nokwandisa ulwazi lwamathuba neemfuno kwiimarike eziphambili;
- Ukuphuculwa kokhuphiswano, uzinzo, nesakhono sabathumeli bangaphandle;
- Ukufikelela kwiimarike eziphuculweyo nezithintelo ezisezantsi kurhwebo;
- Ukusekwa kweNtshona Koloni njengombindi wengingqi weenkonzozorhwebo;
- Umboniso ongcono wemidla yeNtshona Koloni kwimigaqonkqubo yorhwebo lukazwelonke, iinkqubo, nothethathethwano; kunye
- Iziseko ezingundoqo ezisebenza kakuhle, ezonga imali, nezizinzileyo.

Amangenelelo amahlanu anobuchule ekulindeleke ukuba aphunyezwe kulo nyakamali uzayo aquka: 1) Iimfuno zovavanyo kumathuba amatsha okuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe; 2) Inkqubo yokwazisa ngofikelelo lwesithili nokuthumela ngaphandle; 3) IMathiriyeli yoPhuhliso lweZixhobo kumazwe angaphandle; 4) Inkqubo yokuPhuhlisa koKhuphiswano kumazwe angaphandle neNkqubo yesi5) yeZibuko noLungiselelo.

INkqutyana iza kugxila kula mangenelelo alandelayo ajolise ekukhuliseni ukuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle adityaniswe nesicwangciso seG4J kwaye iza kulungelelaniswa ngokucwangcisiweyo neeNdawo eziPhambili ekuGxilwe kuzo (PFAs) ukugxila ekuxhaseni unikezelo lweG4J lulonke.

Ukufikelela kwimarike nezithintelo ezisezantsi kurhwebo. Injongo yeli phulo kukuxhasa ukuphunyezwa kwiiNdawo eziPhambili ekuGxilwe kuko koThunyelwa lweMpahla kumazwe angaphandle zeG4J (PFA) ngokuphucula ukufikelela kwimarike yeemveliso zaseNtshona Koloni kwiimarike zangaphakathi nezangaphandle ngophuculo nenkxaso yobugcisa. Iza kubonelela ngamanyathelo athile okomeleza amashishini aphambili athumela ngaphandle nokomeleza uluhlu lweenkonzo ezixhasayo ezifana nolawulo lomgangatho wempahla ethunyelwa kumazwe angaphandle, uququzelelo lorhwebo, uvavanyo lwesampulu, ukupakishwa nokuleyibheli nokulungela uphicothozincwadi lwangaphambili.

Ngenkxasomali yeNkqubo yokuPhuhlisa koKhuphiswano lokuThunyelwa kwamanye amazwe (ECEP), iSebe lijolise ekuncedeni ubuncinane abathumeli bangaphandle abali15 ngamangenelelo okuphucula ukhuphiswano kunyakamali wama2024/25. Isicwangciso sokusebenza esicetywayo siza kumisela imilinganiselo eyongezelelweyo ukwandisa inani leefemu ezithumela iimveliso zazo kumazwe angaphandle. La manyathelo aza kubenza ukuba bandise isabelo semarike yeenkampani ezizinze eNtshona Koloni kwiimarike ezikhoyo zokuthumela ngaphandle kwaye bafumane indawo kumashishini kwiimarike ezintsha. Iziphakamiso zoshishino ziyakumenywa kumacandelo


onke nobukhulu bamashishini kwaye ziza kungeniswa ngokuthe ngqo kumashishini nabameli. Endaweni yokuba urhulumente athathe isigqibo sokuba zeziphi iintlobo zeefemu okanye ungenelelo lokuxhasa, abafaki zicelo baza kuba nakho ukulandela indlela yokuzikhethela ngokusekwe kwiimfuno zabo.

Ukubanako ukuthumela impahla ngaphandle kwamashishini aphuhlisiweyo

INkqubo yokuPhuhlisa koKhuphiswano kumazwe angaphandle (ECEP) inika isiphumo kwinyathelo lesicwangciso seG4J sokwandisa ukuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle ukuze kudalwe amathuba emisebenzi nokufezekisa ukukhula koqoqosho olukhawulezayo nophuhliso. Le nkqubo ixhasa uphuhliso lwamashishini ukuwavumela ukuba athumele ngaphandle ngokufanelekileyo. Ungenelelo lujolise kumashishini kwaye lubonelela ngeendlela zenkxaso ezijolise ekuphuculeni amandla, ukukhuphisana, imveliso, nohlumo lwala mashishini kumazwe angaphandle.

INkqubo yokuPhucula uKhuphiswano kumazwe angaphandle (ECEP) inika isiphumo kwinyathelo lesicwangciso seG4J sokwandisa ukuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle ukuze kudalwe amathuba emisebenzi nokufezekisa ukukhula koqoqosho olukhawulezayo nophuhliso. Le nkqubo ixhasa uphuhliso lwamashishini ukuwavumela ukuba athumele ngaphandle ngokufanelekileyo. Ungenelelo lujolise kumashishini kwaye lubonelela ngeendlela zenkxaso ezijolise ekuphuculeni amandla, ukukhuphisana, imveliso, nohlumo lwala mashishini kumazwe angaphandle.

Emva kokusungulwa kweNgxowamali ye-ECEP phakathi kowama2023 iimpendulo ezivela kwicandelo labucala ziye zakhuthaza. Abaxhamli abalishumi elinesibini bazisiwe ngezicelo zabo eziyimpumelelo. Oku kubancedile ukuba baqalise amanyathelo abo okuthengisa kumazwe angaphandle ngokufikelela eUSA neemarike ze-EU ngeemveliso ezifana nezikhitshane zeglasi yefayibha, iwayini, iti yemveli, ikofu engenye, izixhobo zomoya nempahla yesikhumba. Uthethathethwano namaqumrhu oshishino, nokubakhuthaza ukuba bafake izicelo kube neziqhamo, njengoko imibutho enamacandelo amabini afana neYunithi yoTshintsho lweWayini yoMzantsi Afrika neHortgro, equka amalungu amaninzi, ibonise umdla wokufaka izicelo kwiNgxowamali ye-ECEP. Ngowama2024, injongo kukwandisa iinzame zethu ekuncedeni amashishini ukuba andise amanyathelo awo okuthengisa ngaphandle ngokufikelela kwiimarike ezintsha nokuphucula unikezelo lwemveliso kwiimarike ezikhoyo.



Ubuntlola kwintengiso nokhuphiswano olwandisiweyo. Omnye wemicelimgeni ekuyileni nasekuphonyezweni kwezicwangciso eziliqili zokuthumela ngaphandle kukuchonga iimarike ezifanelekileyo, xa kujongwa amandla oMzantsi Afrika nobudlelwane borhwebo. Inyani yendlela osebenza ngayo uMzantsi Afrika kumazwe angaphandle yeyokuba kukho ulwahlulo olulinganiselweyo malunga neendawo ezintsha ekusingwa kuzo neziqhamo ezintsha. Oku kungqinwa kuhlumo loMzantsi Afrika lokuthumela izinto kumazwe angaphandle luqhutywa ikakhulu ngabarhwebi abakhoyo nabanamava ababonelela iimarike ezifanayo. Ngenxa yoko, uphando oluqhubekayo luyafuneka ukugcina urhulumente necandelo labucala

lihambelana neemeko zoqoqosho eziguqakayo nokutshintsha kweemarike, ukuze amaphulo ahlukeneyo abe nethuba elikhulu lokuthwala isiqhamo. Ngokusebenzisa iPFA ezithunyelwa ngaphandle, kukho uqwalaselo olukhulu oluhlawulwayo ekwandiseni isiseko sezinto ezithunyelwa ngaphandle eNtshona Koloni, ukwahluka, nokongeza ixabiso kwizinto ezithunyelwa ngaphandle. Elinye lawona manyathelo abalulekileyo kwinkqubo yophuhliso lokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe kukuchonga iimarike zangaphandle ezifanelekileyo, iimveliso nabathumeli bangaphandle abatsha. Inkqubo, esebenzisana neYunithi yoPhando, iza kuqhubeka isebenzisa izixhobo zohlalutyo, ibandakanya inkqubo yokuhlola ngokucokisekileyo eququzelela iimarike ezithumela ngaphandle ngokucwangcisiweyo nokukhethwa kwemveliso ngokuchongwa kwamathuba ayinyaniso okuthunyelwa kwamanye amazwe kwiifemu ezifuna ukwandisa ukufikelela kwiintengiso zabo kwiimarike zangaphandle.

Uphuhliso lwezibonelelo ezithunyelwa ngaphandle. Uninzi lwamashishini amancinci kunye naphakathi anamava amancinci ngokuthelekisa iimpahla ngaphandle kokuthengisela iimarike zasekhaya ngokusebenzisa abathengisi nabathengisi. Bakwanalo nolwazi olulinganiselweyo nokuqonda iimarike zangaphandle, ngenxa yoko, amashishini anokusilela kwiinzame zawo zakwangoko zokuthumela ngaphandle kuba bejongela phantsi oko kubandakanyekayo ekuthumeleni ngaphandle kwaye abanalo ulwazi olwaneleyo nezibonelelo. Injongo yale projekthi kukugcwalisa umsantsa kubonelelo lolwazi olubalulekileyo olunxulumene nemekobume yokuthumela ngaphandle, nemibutho yenkxaso eyahlukeneyo ekhoyo kwabo banokubakho nabasele bekho. Injongo yesabelo kukuphuhlisa olona qeqesho lungundoqo kwi-intanethi umthengisi othengisa ngaphandle ngolwazi nezibonelelo ngokusebenzisa uludwe lwezifundo zoqeqesho nemithombo yeintanethi eza kongeza isikhokelo semithombo yokuthumela ngaphandle ephuhliswe ngowama2023/24.

Izithili nokuFikelela kuThunyelwa kumazwe angaphandle koMasipala ombaxa. Inkqubo, ngentsebenziswano nemibutho exhasa abachaphazelekayo abangundoqo, oomasipala bezithili noomasipala bayo basekhaya, iza kuqhubeka ibamba iphulo elinefute eliphezulu lokuthumela ngaphandle nenkqubo yokufikelela ebantwini koomasipala bezithili abahlanu ngokunjalo nakuMasipala oMbaxa weKapa. IPhulo loThunyelwa kumazwe angaphandle kweSithili neProjekthi yokuFikelela kuBonelelo linxulunyaniswe nemimandla ecwangcisiweyo egxile ekwandeni kolwazi lophawu lweNtshona Koloni nobuchule kwiimarike eziphambili, nokwanda kolwazi lwamathuba neemfuno kwiimarike eziphambili. Oku kubandakanya ukuchonga nokukhuthaza iimveliso ezithunyelwa kumazwe angaphandle ngoku nokuchonga nokukhuthaza uphuhliso olutsha kwizithili

ezinokuthumela ngaphandle. Ekugqibeleni, le projekthi iza kunceda ekuqinisekiseni umsebenzi wokuthunyelwa kwempahla ngaphandle omkhulu nozinzileyo ukusuka kwizithili.

Iziseko ezingundoqo ezisebenzayo, ezingabizi kakhulu nezizinzileyo: iNdlela yoLungelelwaniso lweBhoda yeKhaboni (CBAM). INdlela yoLungelelwaniso lweBhoda yeKhaboni (CBAM) yirhafu yomda wekhabhoni kwiimveliso zekhabhoni ezifakwe kwiimarike ezahlukeneyo kodwa zikhokelwa yiEU. Oorhulumente nabathumela ngaphandle kwiEU kufuneka babeke amanyathelo neendlela zokuqinisekisa ukomelela kwezorhwebo kuqoqosho lwehlabathi olunekhabhoni ephantsi. Ngokuziswa kwemigaqo yeCBM kuzo zonke iimarike ezinkulu uncedo luyafuneka ukuze kuqinisekise ukuba abathengisi bangaphandle abakhulu bahlala bekhuphisana. Umjikelo wokuqala wenkxaso iza kuba kukuphuhlisa indlela yokulinganisa ifuthe lekhabhoni ukwenzela abathumeli bangaphandle ukuba basetyenziswe ngokorhwebo lwabo neemarike

AmaPhulo eZithili okuThumela impahla kumazwe angaphandle noKwazisa asingathiweyo

Kunyakamali wama2023/24 ucweyo lweSithili soThunyelo lwempahla kumazwe angaphandle noKwazisa luye lwasingathwa ngempumelelo kwizithili ezihlanu zePhondo nakwiNqila yaseKapa. Ezi ndibano zocweyo zizinyaswe kakhulu ingakumbi kuNxweme oluseNtshona naseKapa apho amanani athe agqitha kokujoliswe kuko.

Injongo yezi seshini ibikukwabelana ngolwazi malunga nesicwangciso sokuKhula kweMisebenzi (G4J) nokudala ulwazi malunga nokuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle kwangoku namathuba akhoyo okuthumela impahla ngaphandle. Abazimasi baye bakwazi ukuthethana nemibutho yenkxaso yoshishino equka iWesgro, amagosa asuka kwisithili noomasipala bengingqi nedtic, i-IDC, iSEFA, iSEDA namaGumbi oShishino ukuze kuxoxwe ngenkxaso yophuhliso lwempahla ethunyelwa ngaphandle, inkuthazo nenkxaso yemali yokuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle.

Ukukhuthaza ukuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle yenye yeenkalo ekugxilwe kuzo kwiG4J. Amaphulo okwazisa ngesithili ngokuthumela ngaphandle aza kuqhubeka kunyakamali wama2024/25 ngentsebenziswano nemibutho yenkxaso yoshishino ekhankanyiweyo.



ezifanelekileyo. Indlela yesibini yenkxaso efunekayo kukuqonda apho umngcipheko ukhoyo eNtshona Koloni ngokwemigaqo yamashishini ethu anekhabhoni epehzu nokuchonga iindlela zokuxhasa ukubaxhobisa ukuze benze utshintsho kwisakhiwo kumsebenzi wabo wemveliso nokusetyenziswa kwamandla, njl. Iprojekthi ebalulekileyo enganxulumananga kuphela nokuthunyelwa kwePFA kwamanye amazwe kodwa nokujoliswe kuko kwekhabhoni engekho yoNtshona Koloni.

[Izibuko laseKapa neNdawo ePhambili yoLungiselelo](#)

Izibuko laseKapa (PoCT) isebenzisa ukusetyenziswa komhlaba nemisebenzi. Imisebenzi emibini ebalulekileyo inxulumene nesikhululo sezikhongozeli nemisebenzi yokulungisa inqanawa. Eli Sebe leMfundo liphuhlise inkqubo esebenzayo yezibuko kule minyaka mithathu idlulileyo ngengcinezelo ebanzi malunga nezixhobo ezikhoyo ngenxa yezithintelo ezikhoyo nemingcipheko yePoCT ngokukodwa. Oku kubalulekile njengoko inxulumene neemarike zokuthumela impahla ngaphandle nezasekhaya ezibandakanya ugxilo:

- Ekusebenzeni kweZibuko neNkqubo yokuxhotyiso;
- Kwishisini lokulungisa iiNqanawe; kunye
- Nakulungelelwaniso lwezibuko.

I-PoCT liqumrhu eliphantsi kweGunya leZibuko likaZwelonke leTransnet. Libonelela ngesikhongozeli, ubuninzi neenkonzozokuphatha imithwalo ngokubanzi kwiNtshona Koloni nowona mmadla wayamene nonxweme wezolimo. Izibuko likwabonelela ngeenkonzozokulungisa iinqanawe kwingingqi yezolwandle eNtshona Koloni kwaye isindleka imizila yabakhweli, uthutho lokuloba lwengingqi nolwangaphandle nezinye iindlela zokuzihlaziya.

Uphuhliso lweVictoria neAlfred (V&A) Waterfront luwela ngaphandle kwemida yamazibuko kodwa luncedisana nezibuko lezorhwebo ngokubonelela ngeenqanawa ezincinci zokuzonwabisa nezokuloba.

Isikhululo sezikhongozeli esiphambili sinomthamo weziseko zophuhliso wokuphatha isikhongozeli esisisigidi esi1 ngonyaka. Isebenzisa izilinge ezilithoba zeLiebherr zokuthumela inqanawa ukuya elunxwemeni nama24 eKalmar yerabha efakwe izakhelo zentsimbi ezixhasa isilenge ezityaliweyo kumagumbi amathathu okulala enqanaweni. Uyilo luziimitha ezili15 ubunzulu kwaye isikhululo esineendawo ezinezingco ezingama3 300 kwizikhongozeli ezifakwe kwisibandisi. Iqhutywa ziZikhululo zezikhongozeli zeZibuko leTransnet, ezilicandelo elisebenzayo leTransnet, iqumrhu likarhulumente lolungiselelo. UGunyaziwe wamaZibuko kaZwelonke ubhengeze injongo yawo yokuphucula umthamo wesi sikhululo sezikhongozeli ukuya kwisi1.4 sezigidi zeeTEU (ubukhulu besikhongozeli: iiyunithi ezilingana nomlinganiselo weenyawo ezingamashumi amabini).

I-Transnet iyayamkela imeko yehlabathi ngokuqwalasela amathuba okuthatha inxaxheba kwecandelo labucala. Isikhululo sezikhongozeli sisonke esisandula kunikwa imvume kwiZibuko laseThekwini. KwiZibuko laseKapa, umnyinyiva wexesha elide kutshanje unikwe umnyinyiva wenqanawa wokwakha nokusebenzisa isikhululo sangaphakathi esinendawo ebandayo, indawo yokucina izikhongozeli ezingenanto noqhagamshelo lukaloliwe kwisikhululo seenqanawa. Isigaba sokuqala sikwishedyuli kwaye siye sasebenza kweyoMnga wama2023, ngexesha elizayo lokuthengisa iziqhamo ezinamagqabi avuthulukileyo.

Isikhululo sezikhongozeli esincinci esineenjongo ezininzi kwelinye icala leZibuko, iphatha malunga ne100 000 leeTEU ngonyaka ukongeza kumthwalo omninzi nowophula isambuku. Ikwaqhutywa ziziKhululo zeZibuko leTransnet. Basebenzisa izilinge ezihambayo ezithathu zeLiebherr. Esi sikhululo sinendawo yokuphumla ezinikeleyo yeenqanawa zokuhamba ngenqanawa kwaye yindawo ethandwayo ngexesha lehlobo. Ngexesha eliphezulu indawo yokubeka izikhongozeli ziye zenziwa zifumaneke kwiinqanawa zokuhamba ngenqanawa.

Izikhongozeli zikwalawulwa kwiFPT (eyayifudula isiSikhululo seMveliso eNtsha), esisikhululo esincinci esisebenza bucala esisebenzisa izixhobo zeenqanawa. Esi sikhululo sikwabonelelwa ngenqanawa eqhelekileyo ehambisa ubuninzi beziqhamo ezibalulekileyo ezifakwe kwisibandisi esikwiplanga elithwala izilinge. Ngaphezulu kwama30 000 eeTEU (iiyunithi ezilingana nomlinganiselo weenyawo ezingamashumi amabini) namaplanga athwala izilinge ezingaphezu kwe130 000 alawulwayo ngonyaka. I-FPT sisikhululo semithwalo emininzi elawula isambuku sekhefu kwiimveliso ezininzi ngokunjalo.

Umxokolelwano wezikhongozeli zeZibuko laseKapa libe negalelo eliqikelelwa kumaR69 eebhiliyoni kwiGVA eNtshona Koloni ngowama2021 (8.6%) nasekudaleni/ekugcineni imisebenzi engama225 000. Irhafu ehlawulweyo kule misebenzi iphantse yafikelela kumaR20 eebhiliyoni zeerandi.

Amandla okukhula kolu lungelelwaniso aphantsi kude kube ngowama2026 kwaye alinganiswe malunga nesi5% ngonyaka. Ngaphantsi kwale meko yohlumo olunokwenzeka kakhulu, imisebenzi eyongezelelweyo engama20 000 inokudalwa (xa kuthelekiswa nemeko yokukhula okuphantsi) nesiR1.8 seebhiliyoni eyongezelelweyo yengeniso yerhafu inokwenziwa.

Iziqhamo ezitsha (eziquka iidiliya ezilungiselelwe ukutyiwa ngelixa zisentsha, iziqhamo zesitrasi nama-apile) newayini zezona zibalulekileyo ezithunyelwa kumazwe angaphandle. Izinto ezithunyelwa kumazwe angaphandle zinokwahluka kakhulu kwaye ziquka amacandelo emoto, iimpahla, amalaphu, izihlangu nezinto ezityiwayo.

Izikhululo zekhonteyina zibonelelwa ngaphezulu kwesixhenxe kwezona nqanawa zinkulu ehlabathini ezithwala imithwalo kwiindlela zorhwebo isiya kuzo zonke iindawo ezithumela iimveliso ezisuka eMzantsi Afrika.

URhulumente weNtshona Koloni ukhuthaza intathoxaxheba yecandelo labucala kwizikhululo zezikhongozeli kwiZibuko laseKapa ukuqinisekisa ukuba kukho umthamo owaneleyo wokubonelela ngenkonzo yomthamo wemithwalo ekhulayo. Ngoko ke silangazelela ukufunda kumava amanye amazibuko ngokumalunga nonikezelo lwezikhululo zezikhongozeli kubasebenzi bezikhululo zezikhongozeli abaziingcali.

Ugqaliselo kwiZibuko laseKapa lwaphehlelelwa kweyoMnga yowama2019 nguMphathiswa wePhondo wezeMali namaThuba oQoqosho nemvumelwano phakathi kwemithombo yobutyebi engundoqo nabasebenzisi bezibuko kwafikelelwa kuzo:

- Ukukhuthaza intsebenziswano yetyathanga lolungiselelo;
- Izinto eziphambili ezisixhenxe zokuphucula isikhululo sezikhongozeli nokusebenza kakuhle kwezolwandle;
- Ukuseka iqela elisebenzayo lepact eodb ukuze lilawule izinto eziphambili; kunye
- Nokwenza indibano yocweyo yabachaphazelekayo bePoCT ibe ngumsitho wonyaka.

Eli Candelo likwinqubo yokuxhotyiswa ukuba lingaxininisi kwiZibuko laseKapa kuphela ngokwembono yobuchule kodwa nakwicandelo lolungiselelo olubanzi. Oku kubalulekile kwimbono yokuthumela ngaphandle notyalomali kwaye ukuba izibuko lisebenza ukuthunyelwa nokungeniswa kwempahla kunokunyuswa njengoko amacandelo aphantsi nanganano akhulayo.

Iindawo ekugxilwe kuzo kwesicwangciso seG4J seNtshona Koloni ziza kuqwalaselwa leli Candelo liquka ukukhuthazwa kokukhula kwemarike ngokuququzelela ukuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle; inkuthazo yotyalomali kubuchule bemveliso yokuthengisa kumazwe angaphandle nokukhuthaza uqoqosho oludityanisiweyo ngokuphuculwa kolungiselelo lwezibuko.

Uphando lwezenzo oluthembekileyo ngokwenzululwazi noluqinisekiswa luqhutywe kwimiba eyahlukeneyo yetyathanga lolungiselelo leZibuko laseKapa kule minyaka mibini idlulileyo. Lo msebenzi wawujolise ikakhulu ekuqondeni oonobangela bengxinano nokukhula okunokubakho kwimithamo yempahla, ekufuneka ibonise umthamo neemfuno zokusebenza zetyathanga lolungiselelo.

Kububungqina kuhlalutyo lwedatha yokuba umthamo wemithwalo kwiZibuko laseKapa ungakhula ngama26% phakathi kowama2021 nowama2026. Ukuvula la mandla eGVA kungadala imisebenzi engama20 000 kwaye kongeze isiR6 sebhiliyoni kwiGVA.


Imiceli mngeni engundoqo ekufezekiseni le meko yohlumo oluphezulu iquka ulungelelwaniso lwamatsheyina othutho oluntsonkothileyo, ukoyisa izixhobo ezibalulekileyo nezithintelo zokucwangcisa imithwalo kwiZikhululo zeZibuko zakwaTransnet nokuthunyelwa kwemveliso ekumgangatho oluphezulu kodwa eyonakala kakhulu kwimarike yangaphandle.

ISikhokelo seZixhobo zoThunyelo kumazwe angaphandle senza umdla kurhwebo lwamazwe ngamazwe

ISebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho (DEDAT) lisungule isikhokelo semithombo yokuthengisa kumazwe angaphandle ukuxhasa amacandelo ahlukeneyo oqoqosho ukuze kuphononongwe amathuba okukhula nokwakha umdla kurhwebo lwamazwe ngamazwe. Ezi zonke ziinzame zokulungelelanisa isicwangciso sephondo sokuKhula kweMisebenzi (G4J) ngenjongo engundoqo yokuphinda kathathu ukuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle ngowama2035.

Zingaphezu kwama200 iikopi ezishicilelweyo kwaye ngaphezulu kwama70 eekopi eziye zabiswa kwaye zanikwa abachaphazelekayo kwiinkomfa ezinkulu neendibano zocweyo ezifana nengxoxo yakutshanje yeAGOA ebibanjwe ngowam2023, inkomfa yokuthumela ngaphandle kweWESGRO nephulo leDEDAT lokuThumela ngaphandle kweSithili nephulo lokuFikelela elibanjwe unyaka wonke ngowama2023.

ISebe liza kuqhubeka nokukhuthaza iSikhokelo seZixhobo kubarhwebi abakhoyo nabatsha kumaqonga ahlukeneyo, kwiwebhusayithi yoRhulumente weNtshona Koloni nemiboniso yendlela yokuthumela ngaphandle.



UkuKhuthaza amaThuba okuKhula ngoTyalomali

UTyalomali oluthe Ngqo lwaNgaphandle (FDI) noTyalomali lwasekhaya oluthe Ngqo (DDI) luyimpembelelo ebalulekileyo kuhlumo loqoqosho njengoko lubandakanya ukufikelela kwimali eyinkunzi esenokungafumaneki lula kwilizwe elilufumanayo nakwindawo ohlala kuyo, kunokonyusa ukukhula kobuchwephesha ngokudluliselwa kobucisa kunye/okanye ukwazisa iziqhamo ezitsha neenkonzo ezintsha ezingazange zibonwe ngaphambili. Indawo ekugxilwe kuyo kutyalomali yintsika engundoqo kwisicwangciso seG4J njengethuba lokukhula eliza kusetyenziswa kumacandelo ahlukeneyo kuqoqosho ukuze kwakhiwe umbhobho wotyalomali osele ukhulile kwiNtshona Koloni iphela. Injongo yokunyusa utyalomali eNtshona Koloni ngeebhiliyoni zeerandi ezingama200 lujoliso oluthe kratya kwaye lufuneka kakhulu ukuze kukhule uqoqosho kwaye ekugqibeleni kudalwe imisebenzi.

Ukutsala iFDI kunceda ukudibanisa uqoqosho lwelizwe kumatyathanga exabiso lehlabathi kwaye kuququzelele ukuphuculwa koqoqosho. I-FDI izisa utyalomali, imisebenzi, ukwanda kokuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle, ukukhuthazwa kokuthengwa kwempahla, ubugcisa obutsha nezenzo zoshishino emazweni. Ngelixa izixhobo zeFDI zibonwa kakuhle, azihambi ngaphandle komgaqonkqubo ofanelekileyo, okusingqongileyo okusemthethweni neziko. Kumhlaba wehlabathi ochatshazelwe ngokunzulu ngubhubhane weKHOVIDI-19 ukanti uphantsi kotshintsho olukhawulezayo lwezobuchwepheshe nokungaqiniseki kwezopolitiko, amazwe kufuneka aphucule izindululo zexabiso lawo njengeendawo zotyalomali. Ukongeza, ukubamba ngokupheleleyo iinzuzo zeFDI, ilizwe lifuna ukuphunyezwa okucacileyo nokusebenzayo kwezicwangciso

zotyalomali nemigaqonkqubo. Ngokusebenzisa indlela ebanzi ejongene nemiqobo esemthethweni, elawulayo, eyenkqubo, neyeziko echaphazela zonke izigaba zomjikelo wotyalomali ukuze kube lula ukwenza ushishino kwiPhondo nelizwe kunokutsala kwaye kuququzelele utyalomali kuza kuphucuka.

Iziphumo eziphambili zotyalomali lwePFA zibandakanya:

- Ukubeka endaweni nokwazisa;
- Ukuphucula imeko yotyalomali;
- Ukwanda kwenani leeprojekthi zegreenfield;
- Ugcino lwangokunolwandiso lwenani leeprojekthi zebrownfield;
- Ukwandiswa konxibelelwano lwangaphambili nangasemva;
- Ukwanda kokusasazeka kotyalomali ngokwejografi kuyo yonke iNtshona Koloni;
- Ukwanda kokhuphiswano; kunye
- Nokwanda kwezobuchwepheshe nezinto ezintsha kuqoqosho lwasekhaya.

I-Wesgro iza kuba noxanduva ikakhulu lokubeka nemisebenzi yokwazisa njengoko inxulumene nesigunyaziso sayo sokukhuthazwa kotyalomali. Le misebenzi ilandelayo inxulumene nendlela iNkqubo eza kwenza ngayo isiphumo kwiinjongo zotyalomali lwePFA:

Ukuphucula imeko yotyalomali - Amanyathelo ahlukeneyo enxaso yotyalomali kwiphondo aza kwenziwa aquka ukuphuhlisa kweMpembelelo yoTyalomali neSakhelo soThethelelo nokwenza utyalomali lwenkxaso yenkqubo yePFA equka ukuba neendibano ezahlukeneyo kushishino nokuphuhlisa iingxelo zobuntlola kwicandelo kumashishini aphambili.

Ukubeka endaweni nokwazisa - iNkomfa yoTyalomali eNtshona Koloni. Kuza kuququzelelwa ingqungquthela yotyalomali eza kusingathwa yiNkulumbuso ilungiselela abatyalomali, abaxhasi bezimali, abalamleli beFDI neenkampani ezinomdla wokwenza ushishino neNtshona Koloni eziza kumenywa ukuba zithathe inxaxheba kwaye zixhamle kwiiProjekthi zoTyalomali ezilungele ukuNika (IPRO), uBudlelwane phakathi kukaRhulumente namaShishini aBucala. (PPP) liprojekthi namathuba oshishino noshishino nothethathethwano lweshishini lukarhulumente.

Ukwandisa ukhuphiswano - Inkxaso yenkqubo yotyalomali kwiPhondo. Amalinge enxaso yenkqubo yotyalomali ecetywe yiNkqubo aquka:

- *Inkqubo kaMasipala yokuLungela uTyalomali*: Kuya kuphuhlisa inkqubo kaMasipala yokuLungela uTyalomali. Kunyaka wokuqala iKhadi leNqaku nezikhokelo zePhondo zoomasipala malunga nemeko yabo yokulungela ukutsala utyalomali kummandla ziza kuphuhlisa. Kunyaka wesibini, iindlela zenkxaso ziza kuba ziindibano zocweyo zokuququzelela utyalomali nabo bonke oomasipala kwakunye nenkxaso yezixhobo zokuthengisa koomasipala. Oku kusekelwe kwiziphumo zovavanyo lwabo;
- *ICandelo le-IQ*: Umsebenzi othile wobuntlola kwicandelo elithile uya kwenziwa ngentsebenziswano neyunithi yophando kwiDEDAT ukuqinisekisa ukuba iingxelo zophando ezithembekileyo ziyaphuhlisa; kwaye
- *Uvavanyo lwempembelelo yenkqubo yenkuthazo yefilimu*: Ukusilela kwenkqubo yenkuthazo yefilimu yedtic kube nefuthe elikhulu kwimisebenzi yemveliso, ngakumbi kwifilimu zangaphandle nemveliso enefuthe elithe ngqo kwiFDI eNtshona Koloni. Oku kuchongwe njengomngcipheko kweli shishini kwaye isicelo senziwe nguMphathiswa wezeMali namaThuba oQoqosho ukuze kuqondwe ubungakanani bempembelelo yenkqubo yenkuthazo yefilimu kuqoqosho lweNtshona Koloni.

Ukwanda kokusasazeka kotyalomali ngokwejografi kuyo yonke iNtshona Koloni. Umyinge woTyalomali wengingqi uza kuphuhlisa. Oku kuza kubandakanya ukuba nodliwanondlebe neefemu eziphezulu ezilishumi eziphambili nabaqeshi kummandla ngamnye kamasipala nemisitho yothungelwano, njl. Ukwanda kokusasazeka kotyalomali ngokwejografi kuyo yonke iNtshona Koloni. Umyinge woTyalomali lwengingqi luza kuphuhlisa. Oku kuza kubandakanya ukuba nodliwanondlebe neefemu eziphezulu ezilishumi eziphambili nabaqeshi kummandla ngamnye kamasipala nemisitho yothungelwano, njl. noluntu lwamashishini alungelelanisiweyo ngokubanzi ukuba aqalise ukwakha lenkqubo yendalo ukuchonga inzala yotyalomali kumasipala ngamnye.

Ukwanda kwenani leeprojekthi legreenfield nebrownfield. IsiCwangciso soTyalomali seNguqu yaMandla eNtshona Koloni nokuPhunyezwa siza kuqunjelwa ngowama2024/25. Le yiprojekthi yeminyaka emininzi eza kumisela ubungakanani

besidingo sotyalomali olufunekayo ukuxhasa izibophelelo zokunciphisa ikhabhoni ezenziwe nguRhulumente kwinqanaba lephondo elinxulumene neJET IP kaZwelonke yamacandelo ahlukeneyo.

Ukusebenzela abemi baseNtshona Koloni

Elinye lamaqela abemi afanelekileyo kwiSebe namaqumrhu alo ngoosomashishini. Ngale Nkqubo, injongo yokwandisa zombini urhwebo notyalomali eNtshona Koloni iza kuxhamla amashishini ngokunyuka kwentengiso yoshishino, notyalomali lwamathuba amatsha oshishino oluza kuba nempembelelo entle kwiGDP yephondo kwaye ekugqibeleni luza kukhokelela ekudalweni kwemisebenzi eza kuxhamlisa ingeniso yekhaya kwiPhondo.

7.3.3 Inkqutyana 3.2: Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zeziqhamo nekujoliswa kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Umsebenzi ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ekujoliswe kuko kweMTEF		
			2020/ 21	2021/ 22	2022/ 23	2023/ 24	2024/ 25	2025/ 26	2026/ 27
Ukwanda kothunyelo lwangaphandle	Amaphulo okunceda icandelo afumene inkxaso	3.3 Inani lamaphulo okunceda icandelo afumene inkxaso	9	8	4				
	Amashishini ancediswe ngeNkqubo yokuPhucula uKhuphiswano lokuThunyelwa kwempahla kwamanye amazwe (ECEP)	3.4 Inani lamashishini ancediswe ngeNkqubo yokuPhucula uKhuphiswano lokuThunyelwa kwempahla kwamanye amazwe (ECEP)				20	15	15	15
	Amaphulo okwazisa ngothunyelo lwempahla kwamanye amazwe lwesithili aqhutyiweyo	3.5 Inani lamashishini ekufikelelwe kuwo ngamaphulo okwazisa ngothunyelo lwempahla kwamanye amazwe lwesithili					200	250	300
	amanyathelo ophuculo olusebenzayo lweZibuko laseKapa aphunyeziweyo	3.6 Inani lamanyathelo ophuculo olusebenzayo lweZibuko laseKapa aphunyeziweyo					1	1	1
Ukwanda kotyalomali	Isithembiso soTyalomali kwiNtlanganiso yabaphathi belizwe yoTyalomali eNtshona Koloni	3.7 Ixabiso leRandi lesithembiso soTyalomali kwiNtlanganiso yabaphathi belizwe yoTyalomali eNtshona Koloni					R1bn	R1bn	R1bn

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Umsebenzi ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ekujoliswe kuko kweMTEF		
			2020/ 21	2021/ 22	2022/ 23	2023/ 24	2024/ 25	2025/ 26	2026/ 27
	Uvavanyo lweMpembelelo yeNkqubo yeNkuthazo yeFilimu oluqhutyiweyo	3.8 Inani leeMvavanyo zeMpembelelo yeNkqubo yeNkuthazo yeFilimu eziqhutyiweyo					1		

7.3.4 Inkqutya 3.2: Izalathisi zeziqhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngonyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
3.4 Inani lamashishini ancediswe ngeNkqubo yokuPhucula uKhuphiswano lokuThunyelwa kwempahla kwamanye amazwe (ECEP)	15				15
3.5 Inani lamashishini ekufikelelwe kuwo ngamaphulo okwazisa ngothunyelo lwempahla kwamanye amazwe lwesithili	200			100	100
3.6 Inani lamanyathelo ophuculo olusebenzayo lweZibuko laseKapa aphunyeziweyo	1				1
3.7 Ixabiso leRandi lesithembiso soTyalomali kwiNtlanganiso yabaphathi belizwe yoTyalomali eNtshona Koloni	R1bn				R1bn
3.8 Inani leeMvavanyo zeMpembelelo yeNkqubo yeNkuthazo yeFilimu eziqhutyiweyo	1				1

7.3.5 INkqubo yesi3: Imingcipheko engundoqo ehlaziyiweyo noncitshiso kwiSP

Isiphumo	Imingcipheko engundoqo	Uncitshiso lwemingcipheko
Ukwanda kothunyelo kumazwe angaphandle	<p>Ukungathathwa kwezicelo ngokwaneleyo kwiNgxowamali yeECEP ngenxa yokunqongophala kwenzala kungakhokelela ekubeni imali ingasetyenziswa.</p> <p>Ukungabikho komdla wokusebenzisa iSikhokelo seZixhobo zabachaphazelekayo ekujoliswe kubo.</p> <p>Ukunqongophala kwentathoxaxheba yabachaphazelekayo kunye nemibutho yenkxaso yoshishino kumaphulo okwazisa ngesithili ngokuthumela kwamanye amazwe</p> <p>Ukungaqhubi kakuhle kweziseko ezingundoqo ezifana neZibuko laseKapa nto leyo eya kuthi</p>	<p>Ukunatyiwa kwamaphulo okuThengisa noKwazisa (iiseshoni zolwazi nokwabelana ngezinto eziphathekayo) ezijoliswe kwabo banokuba ngabaxhamli.</p> <p>Ukwenza amaphulo kwiintlanganiso ezifanelekileyo namaqonga okukhuthaza ukusetyenziswa kwesikhokelo.</p> <p>Uthethathethwano nemibutho yoshishino, amabhunga okuthumela impahla ngaphandle, oomasipala besithili, oomasipala nemibutho yenkxaso ekubanjweni kwamaphulo okuthumela impahla ngaphandle.</p> <p>Ukuququzelela nokuphembelela ushishino notyalomali kwimisebenzi yamazibuko afana nezikhululo zemithwalo.</p>

Isiphumo	Imingcipheko engundoqo	Uncitshiso lwemingcipheko
	ithintele ukukhula kwemveliso ethunyelwa kwamanye amazwe.	
Ukwanda kothunyelwa kumazwe angaphandle	I-WCG ayinasigunyaziso esithe ngqo kulungiselelo lwezibuko.	I-WCG neqela baya kusebenzisana ngendlela yentsebenziswano neenjongo ezifanayo zokukhuthaza ukukhula koqoqosho, ukudala imisebenzi nokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe. Amathuba okukhuthaza intathoxaxheba yecandelo labucala kuthungelwano lolungiselelo lwamazibuko nawo aza kuchongwa aze afumane inkxaso.
Ukwanda kotyalomali	Intsilelo yemeko yotyalomali evumelayo. Intengiso ebuthathaka nokukhuthazwa kweNtshona Koloni njengendawo enomtsalane yotyalomali. Ukunqaba kobuntlola kumathuba otyalomali. Ukunqongophala kwenkqubo yotyalomali ehambelanayo.	Ubuntlola kwingqiniseko yomgaqonkqubo neenkukacha kufuneka ifumaneke ngokulula ukuphemelela ukwenziwa kwezinqubo zotyalo-mali. Inkqubo yendalo, exhasa utyalomali, kufuneka iphuhlise kwaye igcinwe. Uphawu olwahlukileyo, oluhlonipheke kakhulu eNtshona Koloni kufuneka lube phambili ekwaziseni abatyalizimali nasekuthatheni izinqubo.

7.4 INgqwalasela yeZixhobo zeNkqubo

Ulwabiwo lohlahlomali lweNkqubo neeNkqutyana

INkqubo yesi3 R'000	Isiphumo			Ulwabiwo oluphambi li	Ulwabiwo olulungelela nisiweyo	Uqikelelo oluhlaziyi weyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			
	Okuphicot hiweyo	Okuphicot hiweyo	Okuphicot hiweyo				I-% yoTshintsho kuqikelelo oluHlaziyiwe yo	2025/26	2026/27	
	2020/21	2021/22	2022/23							2024/25
1.URhwebo nokuKhuthaza uTyalomali	59 965	62 113	62 113	69 280	66 826	66 826	65 645	(1.77)	66 945	69 958
2.UPhuhliso lweCandelo	9 377	11 863	12 300	16 419	15 709	15 709	27 239	73.40	21 088	25 302
IiNtlawulo zizonke neengqikelelo	69 342	73 976	74 413	85 699	82 535	82 535	92 884	12.54	88 033	95 260

Ingcaciso yegalelo lezixhobo ekuphunyezweni kweziphumo

Ulwabiwo lwezixhobo zeNkqubo yesi3 luza kujolisa ikakhulu kwimisebenzi yokuthengisa kumazwe angaphandle notyalomali kuwo wonke amacandelo ahlukeneyo. Ngenxa yokunyanzelwa kwezemali impembelelo ivakala ikakhulu kulwabiwo lwabasebenzi kwiNkqubo enoxanduva lweePFA ezimbini ngokweG4J. Amacandelo awaxhotyiswanga kakuhle kwaye ngenxa yokucuthwa kohlahlo lwabiwomali nokunqunyanyiswa okukhoyo ekuqeshweni okutsha, umsantsa malunga nomthamo wabasebenzi, usengumngcipheko. Njengoko isicwangciso seG4J singena kunyaka walo wesibini, iPFA nomsebenzi weqhinga lisetyenzisiwe ukuqinisekisa ubunzulu bomsebenzi owenziwe ngamacandelo kwaye ungenelelo oluphambili luyimpendulo kutshintsho kwisicwangciso. Umsebenzi weNkqubo ubonisa ngokucacileyo olu tshintsho nangona impembelelo yokucuthwa kohlahlo lwabiwomali oluchaphazele iinkqubo ezifana ne-ECEP, njl. njl. Iziko loluntu iWesgro nalo liye lafumana ukucuthwa kohlahlo lwabiwomali okufanayo okuya kuba nefuthe kwinani leendleko zokuqhuba njengemisebenzi yokukhuthaza amazwe ngamazwe.

7.5 Amaqumrhu karhulumente

Igama lequmrhu likarhulumente	Igunya	Ulungelwano neZiphumo zeDEDAT	Iziphumo eziphambili	Uhlahlo lwabiwomali lwangoku lonyaka (Iwaka leR)
I-Wesgro	Ukukhuthazwa korhwebo notyalomali njengendawo yentengiso	Ukwanda kothunyelo kumazwe angaphandle Ukunyuka kwexabiso lerandi lotyalomali	Izivumelwano zorhwebo zityikityiwe Iprojekthi zotyalomali zizibophelele	65 645

8. INkqubo yesi4: ImiMiselo noLawulo loShishino

8.1 Injongo

- Kukuqinisekisa ngemeko yoshishino enobulungisa, enoxanduva loluntu eNtshona Koloni – ngongenelelo jikelele kwindawo yorhwebo nangongenelelo oluthile olugunyaziswe nguMgaqosiseko, umthetho kazwelonke, wephondo nemigaqonkqubo.

8.1.1 Ulungelelwaniso nezicwangciso zikazwelonke nephando

Ulungelelwaniso nezicwangciso zikazwelonke

Imbophelelo, injongo nongenelelo ngoncedo njengoko ziboniswe kumgaqonkqubo kazwelonke ongundoqo namaxwebhu esicwangciso zihambelana nomsebenzi osele wenziwe kwaye usaqhubeka ukwenziwa kwiNkqubo yesi4. Le Nkqubo iquka amacandelwana amathathu angala, uLungiselelo lwaBathengi, iMfundo yabaThengi neNkxaso yeNkundla yamaTyala.

IsiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke (NDP) esamkelwe ngowama2012 silandelwe siSakhelo sesiCwangciso seSigaba esiPhakathi sonyaka (MTSF) sowama2019-2024 njengokuphunyezwa kwesibini kweminyaka emi5 yeNDP. Le yokugqibela ikwathi thaca iipakethe zongenelelo neenkqubo eziza kuqhubela phambili izinto eziphambili ezisixhenxe njengoko zichongiwe kwiNDP. Le Nkqubo ithetha ngokuthe ngqo nangokungathanga ngqo kwezi ntsika zilandelayo ezinxibelelanayo njengoko zichongiwe kwiNDP, ezizezi, ukwakha urhulumente okwaziyo ukusebenza. I-NDP icinga ngemeko apho amasebe karhulumente kuzo zonke iinkalo aqhutywa kakuhle, enezibonelelo kwaye enobuchule bokunikezela ngeenkono kubemi ababasebenzelayo. Ngaphezulu kucingelwa ukuba kufuneka kubekho intsebenziswano esondeleleneyo nentsebenziswano phakathi kwamanqanaba ahlukeneyo karhulumente ukuze unikezelo lweenkonzo olusebenzayo nolusebenzayo luqhubeleke kwilizwe liphela. Oku kuba ngumxholo obalulekileyo ngakumbi kwimeko yemali enyanzelwayo apho ukucinga okutsha kunye nobuhlakani zizinto eziphambili ezisetyenziswa ngurhulumente ukomeleza unikezelo lweenkonzo. Inkqubo yesi4 iwuthathele ngamandla umceli mngeni omiselwe yiNDP yaza yazibandakanya kwangaphambili nabathabathi naxheba kurhulumente wephondo, wengingqi nowesizwe ukuze unikezelo lweenkonzo kukhuseleko lwabathengi luphuculwe ngentsebenziswano esebenzayo. Le ndlela ibone ubambiswano oluninzi nabachaphazelekayo kurhulumente kwiPhondo liphela lujolise ekuphuculeni unikezelo lweenkonzo kubemi malunga nomba wokhuseleko lwabathengi. Obu budlelwane buhlangeneyo buncede abemi njengenkonzo ebanzi enikezelwayo kwimiba yokhuseleko lwabathengi inokubonelelwa ngakumbi apho izigunyaziso zesebe likazwelonke zichaphazelekayo.

Ngokumalunga neMTSF, umsebenzi weNkqubo ungqamanisa ngokuthe ngqo nokuphambili kweMTSF ethetha ngendima karhulumente ekuboneleleni ngeenkono ezisebenzayo nezisebenzayo kubemi. Ngokuphathelele noku, iNdelela ePhambili yoku1 yeMTSF ithetha norhulumente okwaziyo ukusebenza, oneenqobo ezisesikweni nophuhliso. Olona ngenelelo lungundoqo olulungelelaniswa neNkqubo ukubandakanya ukuphuculwa kwemveliso nokusebenza kwamaziko oluntu ekuxhaseni unikezelo olujoliswe ebantwini.

I-MTSF iyavuma ukuba urhulumente okwaziyo ukwenza umsebenzi ufuna amaziko karhulumente alungelelaniswe ngokufanelekileyo anabasebenzi bakarhulumente abanezakhono abazinikele kuluntu oluhle nabakwaziyo ukunikezela ngeenkono ezisemgangathweni ophezulu, ngelixa bebeka phambili abantu ekuphumezeni injongo zophuhliso lwesizwe. Lo mbono ufuna urhulumente okwaziyo ukuqulunqa nokuphumeza imigaqonkqubo esebenzela iimfuno zesizwe kunye nokulungisa oonobangela bentlupheko nokungalingani. Umsebenzi weNkqubo ke ngoko ulungelelaniswe ngokumandla nezi njongo zeMTSF njengoko ubuchule, unikezelo lweenkonzo yeenqobo ezisesikweni, uphuhliso lobuhlakani nentsebenziswano isembindini weendlela zonikezelo lweenkonzo zeNkqubo. Kwindawo yowisomthetho yokhuseleko lwabathengi, yamkelwe ngokubanzi ukuba kukho iindima zorhulumente wephondo nokazwelonke ezinokuthi zihlale zibhideka kwaye zinxuse abemi. Ngoko ke kukho imfuneko yokwakha ubudlelwane obakhayo, ukusebenzisana nawo onke amacandelo oluntu nokuxhobisa abemi ukuba babe ngabaxhasi abasebenzayo botshintsho kuluntu. Ukusabela okuphuculweyo, unxibelelwano, uthethathethwano nothethathethwano lukarhulumente nabachaphazelekayo abangundoqo, ingakumbi abemi, ngoko ke zizinto

eziphambili zeMTSF xa ujongene nophuhliso lombuso okwaziyo ukwenza umsebenzi. Umsebenzi weNkqubo ulungelelaniswe ngokugqibeleleyo nale njongo kwiMTSF.

Ulungelelwaniso nezicwangciso zephondo

Kwinqanaba lesebe nephondo, iQhinga lokuKhula kweMisebenzi (G4J) liqaphela eyona njongo yaso iphambili njengendawo apho uqoqosho olukhulayo lunqweneleka. Enye yeendawo ezixininise kuzo iG4J yeyombuso okwaziyo ukusebenza nolawulo olululo. Kuyavunywa ukuba ukuze kuphunyezwe iinjongo ezibekwe kwisicwangciso seG4J, kubalulekile ukuba urhulumente wephondo asebenze ngendlela elungelelanisiweyo ukuze afikelele kwiinjongo ezichazwe ngokucacileyo, afezekise izibophelelo zakhe, uxanduva, kunye nezigunyaziso zonikezelo lwenkonzo ngokufanelekileyo nangempumelelo. Urhulumente wephondo osebenzayo unenkubeko neenkqubo zokuthintela urhwaphilizo, olunefuthe elimandla kunikezelo lweenkonzo, amashishini nabemi. Urhulumente wephondo okwaziyo ukuphendula, uselubala, unoxanduva, uzaliswe ziinqobo ezisemgangathweni ezisemgangathweni, kwaye uyayiphumeza imiyalelo yakhe. Ke ngoko kunokubonwa ukuba umsebenzi weNkqubo ufumana ulungelelwaniso olupheleleyo kwiNDP, iMTSF neendlela zephondo zesisicwangciso esikhoyo.

Iinkqubo zendalo eziguqakayo noluntu oluguqakayo lwabachaphazelekayo abohlukeneyo abayila baze bathathe ixabiso elitsha ngokwabelana ngolwazi nokusebenzisana ukuze baqonde amathuba kwaye boyise imingeni.

Iinkqubo zinokuba ziindlela ezinamandla zokoyisa ulwazi nokusilela kwintengiso yothungelwano nokwakha ukuthembana, ukomeleza ukuzithemba kweshishini nokuphucula ukukhuphisana.

Ngala makhonkco entsebenziswano, uthungelwano lwezoqoqosho luza kwanda, ukuthembana kuza komelezwa, nokuzithemba kwezoshishino kuza kwandiswa. Ukuza kuthi ga ngoku, iNkqutyana iza kube iqhuba ulungelelwaniso lweenkqubo ezahlukeneyo zezoqoqosho, yandisa inani labachaphazelekayo ibenza bakwazi ukuba ngabathetheli bezoqoqosho eNtshona Koloni.

Kulo nyakamali, iNkqutyana iza kwazisa abantu ngesicwangciso seG4J nokusebenzisa ungenelelo olwahlukeneyo kwisicwangciso seG4J, iza kuqhuba ubuhlakani obuxananazileyo nobukhethekileyo nentsebenziswano ekuphumezeni isicwangciso seG4J. Njengoko kwaye apho kufanelekileyo, iNkqutyana iza kuxhasa amasebe ohlukeneyo kaRhulumente weNtshona Koloni ekunikazeleni ngentsebenziswano yongenelelo olwahlukeneyo lweG4J kwaye ihlanganise kwaye ihlanganise ulwazi malunga nobu buhlakani bamaqela achaphazelekayo ukuze uthungelwano luphuculwe kwaye kwabelwane ngalo. Ngaphaya koko, iNkqutyana iza kusebenzisa amaqonga enkqubo yendalo ukuxhasa nokuphambela utshintsho oluncomekayo, ukwakha ukuzithemba phakathi kwabachaphazelekayo kwezoqoqosho kwaye apho kunokwenzeka, kunyuswe icandelo likazwelonke, labucala nezinye izibonelelo.

Ukusebenzela abemi baseNtshona Koloni

Intsebenziswano nobuhlakani akubandakanyi kuphela icandelo labucala, kodwa nakwizifundiswa, amanye amacandelo karhulumente kunye noluntu. Intsebenziswano iphakamisa ulwazi oludibeneyo nezixhobo ezidibeneyo, ukwandisa impumelelo nozinzo longenelelo. Nangona kunjalo, ayilulo lonke ungenelelo olubolekayo kubandakanywe ngqo abemi (abasetyhini, ulutsha, abantu abakhubazekileyo kunye nabadala) kuyilo, ucwangciso nokuphunyezwa okanye nkqu ngqo njengabaxhamli. Nangona kunjalo, apho kunokwenzeka, iNkqutyana iya kuthathela ingqalelo ecacileyo ukuthathelwa ingqalelo kwamaLungelo oLuntu kwaye iqinisekise ukuba apho kunokwenzeka, inzuzo ebekwe phambili ebuthathaka yePhondo kwiinzame nakwiiprojekthi zalo.

9.3.3 Inkqubo 5.3: Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zeziqhamo nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Umsebenzi ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ekujoliswe kuko kwiMTEF		
			2020/ 21	2021/ 22	2022/ 23	2023/ 24	2024/ 25	2025/ 26	2026/ 27
Ukwanda kwexabiso leRandi kutyalomali	Intsebenziswano exhaswayo ekuKhuleni kweMisebenzi ephambili	5.2.1 Inani lezivumelwano zentsebenziswano ekuKhuleni kweMisebenzi ephambili	25	15	15	15	8	8	8
	Iindibano zenkqubo yendalo yoQoqosho eziqhutyiweyo	5.2.2 Inani leendibano zenkqubo yendalo yoqoqosho eziqhutyiweyo				2			

9.3.4 Inkqutyana 5.3: Izalathisi zeziqhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngonyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
5.2.1 Inani lezivumelwano zentsebenziswano ekuKhuleni kweMisebenzi ephambili	8				8

9.3.5 Inkqutyana 5.3: Imingcipheko engundoqo ehlaziyiweyo noncitchiso kwiSP

Isiphumo	Imingcipheko engundoqo	Uncitshiso lwemingcipheko
Ukunyuka kwexabiso leRandi kutyalomali	Amanye amahlakani akakwazi/onqena ukuzibophelela kwizicwangciso nakumanyathelo okuphumeza, ngenxa yeemeko ezahlukeneyo ezibandakanya iingxaki zemali nokunqongophala kolwazi, ezinokulibazisa iziphumo neziphumo ekujoliswe kuzo kwiinkqubo ezahlukeneyo.	Ubudlelwane obuluqilima ngamaqonga onxibelelwano athembekileyo nasekwakhiweyo buya kunceda ukuchasana nempembelelo enokuthi ibe nayo imiba yangaphandle, njengoko iqinisekisa amanqanaba aphezulu okuthembana, ukuhamba kolwazi oluluqilima kwaye kuthulisa uluvo olubi oluchaswa bubungqina bempumelelo, ixabiso ekwabelwana ngalo kunye/okanye ifuthe elifanelekileyo lomxholo.

Inkqutyana: 5.4: UBekoliso noVavanyo

Imisebenzi yeNkqutyana 5.4: Ukubeka iliso noVavanyo kuza kufakwa kwiNkqutyana 5.2: Uphando noPhuhliso.

9.4 Inkqutyana 5.5: UkuVumela ukuKhula kweZiseko zoPhuhliso namaPhulo

9.4.1 Injongo

- Kukuphuhlisa kunye/okanye ukuvuselela imeko yezoqoqosho ngokusetyenziswa kongenelelo ngoncedo neziseko ezingundoqo.

9.4.2 Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Iziseko ezikhuphisanayo nemimandla kwihlabathi liphela ziyakuqonda ukubaluleka kophuhliso lweziseko ezingundoqo nohlaziyo, ukuphunyezwa koko kufuna iseti enzima yentlalo, uqoqosho, ucwangciso, ulwakhiwo nemisebenzi yolawulo. Ixabiso leeprojekthi ezinkulu zeziseko ezingundoqo alichazwanga kuphela ngamaseko akhoyo/ipropathi ephuhlisiweyo, kodwa lichaphazela njani ukuhula nophuhliso lwangaphakathi nakumacandelo onke nakumacandelo, ngokunjalo nakwimeko yendawo.

Isicwangciso sokuKhula kweMisebenzi (G4J) sikwaxininisa indima yeziseko ezingundoqo ezifanelekileyo kulo mmandla ibe yindawo yotyalomali ekhethwayo ngabatyalizimali basekhaya nabamazwe ngamazwe kuluhlu lwamathuba okukhula. Iziseko zophuhliso, ezifana nezo zibonelelwe kwiiNdawo zoQoqosho eziKhethekileyo, zidala imekobume esebenzayo nothungelwano olomeleleyo lwenkqubo yendalo. Isicwangciso seG4J sikwayithathela ingqalelo indima ekufanele ukuba icandelo labucala liyidlalile kuphuhliso lweziseko ezingundoqo kwiiSEZ ukuze kuncedwe ukuqhubela phambili ukuhula koqoqosho.

ISaldanha Freeport neAtlantis yeNdawo eKhethekileyo yezoQoqosho zineMimandla emibini ekuGxilwe kuyo ePhambili: uTyalomali neZiseko zoPhuhliso. ISaldanha Freeport neASEZ ziphunyezwa njengenxalenye yenkqubo

yomgaqonkqubo kazwelonke yezoshishino efuna, ngophuhliso lweeSEZ ezikhuphisanayo nezikumgangatho wehlabathi eMzantsi Afrika, zibe nefuthe elibonakalayo ekucutheni intlupheko nokungalingani okuzinzileyo, nokwanda kobandakanyo Phakathi kuqoqosho loMzantsi Afrika. Ngaphandle kwemicelimgeni efunyenweyo ngenxa yotshintsho kwiimarike ezisetyenziswa ziSEZ ezimbini, omabini la manyathelo akwincopho yokuvula utyalomali olubalulekileyo kumacandelo aphambili. INTshona Koloni (ikunye noMntla Koloni) iye yaba yindawo ephambili ekugxilwe kuyo kutyalomali lomngxengomoya wohlaza. ISaldanha Bay ichongwe ngenani lezifundo zamazwe ngamazwe njengendawo ephambili yehlabathi, ephuculwe bubukho beSaldanha Freeport, kwaye iWCG ibonakalise injongo yayo yokuxhaphaza uqoqosho lomngxengomoya wohlaza kwiPhondo ngokupapasha iPhepha loBeko endaweni uMngxengomoya woHlaza, ukuqukumbela isiVumelwano seeNtloko zesiVumelwano noMntla Koloni, nokutyikitywa kwesiVumelwano sokuQonda esintathu noMntla Koloni neMpuma Koloni. Abatyalizimali abanokubakho kwiiprojekthi ezinkulu zoMngxengomoya woHlaza bawunyusile umyinge wotyalomali weSaldanha Freeport nabatyalizimali abaphambili kwimizimveliso (alapha ekhaya nakwamanye amazwe) baqalise umsebenzi kumandla amakhulu ahlaziyekayo neeprojekthi zokuvelisa umngxengomoya wohlaza kwindawo leyo. Ngaxeshanye, inkqubela eyenziwe yiASEZ ngokulungela iziseko zophuhliso ithetha ukuba ikulungele ukuba abatyalimali bomhlaba abatsaleleke kulo mmandla ngokuthathwa kobuchwephesha bamandla ahlaziyekayo ngokukodwa.

I-DEDAT ixhasa iinkqubo ngoku:

- Lungelelanisa intsebenziswano nobuhlakani namanye amasebe kuwo omathathu amanqanaba karhulumente kunikezelo lweeprojekthi;
- Ququzelela inkxasomali karhulumente wephondo kwiiprojekthi, nokuququzelela ukufikelela kweminye imithombo yenkxasomali;
- Beka iliso ekuphunyezweni kwamaqumrhu karhulumente;
- Ukuvelisa ubuntlole kwezoqoqosho ngokusebenzisana nabachaphazelekayo nohlalutyo ukunceda ukuchonga amathuba nokukhokela impumelelo yamaphulo;
- Bhengezwa nokuphembelela, apho kufanelekileyo ukuqaliswa, ukuphunyezwa nokusebenza kweeprojekthi ezikhuthazayo;
- Ukuvelisa okanye ukunika izimvo malunga nommiselo nomthetho oyimfuneko, njengoko kufanelekile; kunye
- Ukubanegalelo nokufaka isandla kucwangciso lwendawo yasezidolophini nasemaphandleni, njengoko ihambelana neziseko zophuhliso loqoqosho ukuqinisekisa ukuba ucwangciso luvumela ukukhula okuqikelelwayo noqoqosho kwinqanaba lenkqubo nomgaqonkqubo.

ISaldanha Freeport

I-DEDAT iyaqhubeka nendima yayo yokongamela kwiSaldanha Freeport, kuquka nokucebisa ngomkhombandlela womgaqonkqubo (ingakumbi iG4J) nokubonelela ngenkxaso kwiinkalo zeprojekthi nonxibelelwano lwabachaphazelekayo. Ukutshintsha komgaqonkqubo woyilo lwendawo yesiCwangciso soPhuhliso lwezoShishino kube ngumba obalulekileyo wonxibelelwano noRhulumente kaZwelonke, ngokunjalo nonxulumano oluphambili noosekela baphathiswa ababelwe kwiSithili soNcweme oluseNtshona nenkqubo yeSEZ, ngokulandelelanayo.

Isicwangciso seSaldanha Freeport sihlala sigxile kumacandelo abo amabini amakhulu emarike, oko kukuthi iMaritime naMandla ombane. Ezi marike zitshintshile kakhulu ukusukela oko kuqale ubhubhane weKHOVIDI-19 kwaye abanye babatyalimali baye barhoxa kwizivumelwano zokuqeshisa. Ngaphezu koko, ukulibaziseka kwezinye zeenkqubo zikaRhulumente kaZwelonke (ngokukodwa imijikelo yobizo lwamaxabiso eREIPPP neeprojekthi zeziseko ezingundoqo kuMsebenzi wePhakisa) kube nefuthe elibonakalayo kwingeniso yeli qumrhu. Oku kwafuna ukuba iSaldanha Freeport igxile kwimisebenzi zokuvelisa ingeniso nokwazisa imilinganiselo yokonga indleko – ithobe inkcitho yazo yokusebenza malunga nama20%. Iqumrhu belithethathethana nemarket ukutsala imali eyinkunzi efunekayo nenkxasomali kulo mmandla.

Olunye uphuhliso lubandakanya umyinge wabatyalimali weSaldanha Freeport, ohleli omelele – ngakumbi kwimarike yoNgxengomoya yoHlaza. Oku kugxininiswa zizibhengezo ezivela kubatyalimali abakhulu nezivumelwano zentsebenziswano neSaldanha Freeport, nokuqhubela phambili kweeprojekthi ezithile zotyalomali ngokwezigaba zabo zokwenzeka kwangaphambili nokwenzeka. Uphononongo lokwenzeka kwangaphambili oluxhaswe yiBhanki yeHlabathi kuphononongo lokwenzeka kwangaphambili zeNdawo yamalahlle neoli yeZibaso zoHlaza zeKhaboni engekho nalo lugqityiwe kwaye lukulungele ukutsala inkxasomali yesigaba sophononongo

olunokwenzeka. Inkqubo yokuqaliswa kweziseko ezingundoqo nayo iqhubekile kwaye ulwabiwo lwenkxasomali yeSEZ iye yasetyenziswa ekwakheni iindawo zokugcina impahla ezongezelelekileyo zabanokuba ngabatyalimali, ukuphendula imfuno ebonakaliswe ngomsebenzi wovavanyo lwemarike.

ISaldanha Freeport ikwadlala indima ephambili kumsebenzi olungelelanisiweyo woMngxengomoya woHlaza kuRhulumente weNtshona Koloni. Kwakunye neWesgro, iAtlantis SEZ neDEDAT, iqumrhu lithathe inxaxheba kuluhlu lwezifundo nakwiinzame zentengiso, ezixhaswa kakhulu ngemali ziirhente zophuhliso lwamazwe ngamazwe neminye imibutho engamahlakani. Ezi zifundo nokuzibandakanya kweprojekthi ngokuthe ngqo nabatyalimali abakhulu kube negalelo kumbono weNdawo exakekileyo yoMngxengomoya woHlaza eboniswa kwisiCwangciso sikaZwelonke soRhwebo loMngxengomoya woHlaza nomnye umgaqonkqubo ophambili nopapasho lwentengiso.

ISaldanha Freeport iyaqhubeka nokukhulisa umyinge wayo wotyalomali

ISaldanha Bay iye yaba yenye yeendawo ezishushu kwihlabathi emva kokubandakanywa kwinqanaba lezifundo zamazwe ngamazwe kwaye ichongwe njengenywe yeendawo ezintlanu eziphambili zoNxweme kwisiCwangciso seNtengiso yoMngxengomoya woHlaza soMzantsi Afrika.

Icandelo labucala nalo lenze inkqubela phambili ebonakalayo malunga nokutya imali kwiprojekthi ezinkulu eSaldanha, njengoko kubhengezwe kwiNgqungquthela yesi2 yoMngxengomoya woHlaza woMzantsi Afrika kweyeDwarha wama2023. Isivumelwano sentsebenziswano esibalulekileyo satyikitywa phakathi kwamaPhondo amathathu aseKoloni kwiNgqungquthela yokukhuthaza ukusekwa kwepaseji emxinwa yomngxengomoya wohlaza.

Olunye uphuhliso lubandakanya isibhengezo sotyalomali olutsha lweebhiliyoni ezingamaR47 olwenziwa yinkampani yamandla yaseIreland, umsebenzi wokwenzeka kwangaphambili oqhutywa yiArcelorMittal neSasol yentsimbi yohlaza nophononongo lokwenzeka kwangaphambili zeNdawo yamalahle neoli yeZibaso zoHlaza efumana inkxasomali yaza yagqityezelwa yiBhanki yeHlabathi.

Ukuphendula kumazwi omdla ovela kwimarike, iSaldanha Freeport iqhubekile nokukhulisa umbobho wotyalomali kwaye iqinisekise inkxasomali yoncedo lwabatyalimali olongezelelweyo. Oku kukuqhubela phambili kwenkqubo yokwakhiwa kweziseko zophuhliso zommandla wokuphucula ukunikezelwa kwexabiso layo.



Ililogo

UMmandla woQoqosho oluKhethekileyo lwaseAtlantis

I-DEDAT yenza umsebenzi wokongamela ubuchwepheshe bohlaya kwiNdawo yoQoqosho oluKhethekileyo yaseAtlantis (ASEZ). I-Greentech inokuchazwa njengobuchwephesha obusetyenziselwa ukunciphisa okanye ukubuyisela umva imiphumela yemisebenzi yabantu kwindalo esingqongileyo. Le nkcazo ibandakanya, kodwa ayiphelelanga apho, ubugcisa obunxulumene namandla ahlaziyekayo, ugcino lwamandla, ukonga amandla, ukusebenza kakuhle kwamanzi nolawulo, ukupakishwa kohlaya, ukusebenzisa kwakhona izinto esele zisebenzile,

iikhemikhali zohlaza njl. ukusebenza kakuhle kwezixhobo zemveliso nokunciphisa ungcoliseko nokunciphisa iimpembelelo ezingalunganga ebantwini nokusingqongileyo.

I-DEDAT iyalixhasa inyathelo ngegalelo lobugcisa ngokwembono yeWCG. Ikwathethathethana norhulumente kazwelonke ukuze kuphunyezwe umgaqonkqubo olungele utyalomali. Okokugqibela, iDEDAT isoloko isebenzisana nabatyalizimali nabanye abadlali boshishino ekuxhaseni ukwenziwa kobuchwepheshe bohlobo neenkondo – nto leyo ekugxilwe kuyo yiASEZ. I-ASEZ ikwalungelelaniswe nesiCwangciso sokuSabela kuTshintsho lweMozulu seWCG: uMbono wama2050, ojonge ukwenza utshintsho olunobulungisa ukuya kuqoqosho olunekhahloni ephantsi nokumelana nemozulu, nokukhawulezisa umkhondo wokukhula kohlobo ukuze siphumeze iphondo elinokukhutshwa kwezinto ezikhutshwayo ngowama2050.

Ukufakelwa kweziseko ezingundoqo zoluntu kwiASEZ kuqale kunyakamali wama2023/24, kwaye kwayilwa ukuvumela inani lamashishini amancinci ukuba athathe inxaxheba kulo msebenzi. Ukongezelela, kwaqaliswa ukwakhiwa kumzimveliso omtsha wokuqala, yaye abantu abaqeshileyo baye baqiniselwa omnye umzimveliso kwiASEZ.

I-ASEZ iyaqhubeleka nokufezekisa isicwangciso sayo sokutsala utyalomali lufikelele kwinjongo yayo yesiR3 sebhiliyoni kwiminyaka emihlanu. Utyalomali olungundoqo lulindeleke kummandla wokulungiswa kwezolimo, izixhobo zokupakisha ezivundisiweyo, amacandelo ezamandla ahlaziyekayo nobuchwepheshe bebhetri.

Uphuhliso lweziseko ezingundoqo olutsala utyalomali olufana neASEZ, luvunywa njengegalelo kwisicwangciso sokuKhula kweMisebenzi (G4J). Kwingxelo yenjongo yayo iphawula ukuba injongo kukuba neziseko ezingundoqo ezifunekayo ukuxhasa nokwenza uqoqosho lwesiR1 setriliyoni ngowama2035. I-ASEZ ibonelela ngeziseko ezingundoqo ezinzima nezilula njengenxalenye yomsebenzi wayo othe tye. Ukongeza kwiziseko zophuhliso ezakhiweyo, iASEZ inika ithuba lokuphumeza iinguqulelo ezintsha kubuchwepheshe, ngelixa kwangaxeshanye iqinisekisa ukuba abantu abatsha abavela eAtlantis bayafikelela kuphuhliso lwezakhono zobugcisa ezifanelekileyo nakwiinkqubo zenkxaso eziza kwenza abatyalizimali batsale nakuvimba osele ukhona wezakhono olungele ukusebenza.

Ubuchwepheshe bohloza bufumene inkxaso

Indawo yoQoqosho oluKhethekileyo yaseAtlantis (ASEZ) wenza inkqubela phambili ebonakalayo ngokusungulwa kwesigaba sawo sokuqala sokwakha, oko kukuthi ukufakelwa kweziseko zophuhliso zoluntu kuMmandla woku1. Uluhlu lwemisebenzi yeziseko ezingundoqo (ukubiyela, ukuzinziswa komhlaba, ukufakela umjelo ophantsi komhlaba ohambisa amanzi amdaka nolunye uqhagamshelwano lwezinto ezisetyenziswayo nolunye uqhagamshelo nolwakhiwo. Ulwakhiwo lwendlela yangaphakathi) lutsale intathoxaxheba yamashishini asekhaya, kwaye uluhlu lwemisebenzi exabisa ngaphezulu kweR12 lezigidi ngexabiso lekhontrakthi zinikezelwe kwiiSMME. Isigaba sophuhliso lweziseko ezingundoqo siya kwanda kunyakamali wama2024/25 ngokugqitywa koluntu loMmandla woku1 nokwakhiwa komzimveliso omtsha womtyalimali. Inkqubela phambili kuMmandla woku1 ikhulise ukuzithemba kwabatyalizimali, ngomyinge wotyalomali weASEZ ukhula ukuya kwii projekthi ezili18 ezinokubakho ngaphakathi kweSEZ. ISebe liza kuqhubeka linikezela ngegalelo kuphuhliso lweziseko ezingundoqo zobuchwephesha bohloza kwiASEZ, nenkqubo yokuvunywa kotyalomali kwiIndawo yoQoqosho oluKhethekileyo yaseAtlantis.



Amanyathelo okungenelela avelayo nesikhokelo somgaonkqubo ngokubhekiselele kuphuhliso lweziseko ezingundoqo

Njengoko inqanaba lokuqala lokuKhula kweMisebenzi liqhuba, iNkqutyana iza kuqalisa uphononongo longenelelo oluvelayo oluza kuxhasa amathuba ohlumo okanye loyise imiqobo yezoqoqosho. Ngaphaya koko, njengoko iziseko ezingundoqo nocwangciso lwesithuba luqhubeka phakathi kwamanye amasebe okanye amanqanaba karhulumente, iNkqutyana iza kuba negalelo ekuqinisekiseni ukuba amaqhinga neendlela ezijongene nazo ziye zahlangabezana neemfuno neemfuno zecandelo labucala. Amanyathelo amabini athile apho iNkqutyana iza kuthatha indima ebonakalayo iza kuba luququzelelo lwenkxaso karhulumente kulwandiso lweZiko leBiovac; nokusebenzisana neSebe leziSeko ezingundoqo malunga nokuchongwa komhlaba karhulumente ongasetyenziswa kakuhle neeasethi/izakhiwo ezinokuvula amathuba ezoqoqosho.

Ukwandiswa kweBiovac kunika ithuba elikhulu lokuba iNtshona Koloni yomeleze amandla ayo okwenza amayeza okugonya ukuze asetyenziswe apha ekhaya kwaye athunyelwe kumazwe angaphandle, kwaye uphuhliso lungavula utyalomali lwesiR2 sebhiliyoni kwiminyaka eli10. Kulo nyakamali, iNkqutyana ijolise ekuqhubeleni phambili utshintshiselwano ngepropati phakathi kwephondo neSixeko saseKapa, neSixeko neBiovac. Ngokubhekiselele ekuchongeni amathuba ohlumo anokuthi axhamle ekufikeleleni kwiindawo ezifanelekileyo nezimi kakuhle ezingasetyenziswanga (kwaye ukuba kuyimfuneko ukuba zisetyenziswe ngaphantsi komhlaba nezakhiwo) zeWCG, ugxininiso luza kuba kukuchonga ithuba elinye okanye amabini okukhula anokukhawulezisa ngokufikelela kwiziseko ezingundoqo, ukutshatisa umhlaba okhoyo karhulumente nezakhiwo nala mathuba, ngokwemimiselo yomthetho.

Ukusebenzela abemi baseNtshona Koloni

Inkqubo yeSEZ igxile ekutsaleni utyalomali kwimveliso, kwaye ngale ndlela, ifuthe layo lokuqala elithe ngqo livakala ngokwemisebenzi edaliweyo – kulwakhiwo nakwimisebenzi yokwenziwa kwemveliso. Nangona kunjalo, ngokwenkqubo kazwelonke neyehlabathi jikelele, iMimandla yezoQoqosho eKhethekileyo kufuneka ibe 'ngabemi'

abalungileyo kwiindawo abahlala kuzo, kwaye ithathe amanyathelo angxamisekileyo okuhlanguka ummandla kwiindawo abahlala kuzo, nokuthatha amanyathelo abonakalayo. kunye/okanye inkxaso yezakhono nophuhliso loshishino kwiindawo abahlala kuzo. Xa kujongwa isinyanzeliso sokuthathelwa ingqalelo kwamaLungelo oLuntu, oku kuya kuquka ukugxila ngokukodwa kwabasetyhini, abantu abakhubazekileyo nolutsha.

9.4.3 Inkqutyana 5.5: Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zeziqhamo nekujoliswa kuko

Isiphumo	Iziphumo	Izalathisi zeziqhamo	Umsebenzi ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ekujoliswe kuko kwiMTEF		
			2020/ 21	2021/ 22	2022/ 23	2023/ 24	2024/ 25	2025/ 26	2026/ 27
Ukunyuka kwexabiso leRandi kutyalomali	Iiprojekthi zeziseko ezingundoqo ezifumene inkxaso	5.3 Inani leeprojekthi zeziseko ezingundoqo ezifumene inkxaso	5	5	3		2	3	4
	Iingxelo zolongamelo loMmandla zoQoqosho oluKhethekileyo eziqulunqiweyo	5.3.1 Inani leengxelo zolongamelo zoMmandla woQoqosho oluKhethekileyo eziqulunqiweyo				8	6	6	6
	Izinto eziphambili zolungiselelo lweZibuko laseKapa ziququzelelwe	5.3.2 Inani lezinto eziphambili zolungiselelo lweZibuko laseKapa eziququzelelweyo*				4			
	Iiprojekthi ezintsha ezixhasayo (ezemali nezingezizo ezemali) ngexesha lesigaba socwangciso	5.3.3 Inani leeprojekthi ezintsha ezixhasayo (ezemali nezingezizo ezemali) ngexesha lesigaba socwangciso				2			

* Olu ngenelelo lusenxiselwe kwiNkqubo yesi3.

9.4.4 Inkqutyana 5.5: Izalathisi zeziqhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngonyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
5.3 Inani leeprojekthi zeziseko ezingundoqo ezifumene inkxaso	2				2
5.3.1 Inani leengxelo zolongamelo zoMmandla woQoqosho oluKhethekileyo eziqulunqiweyo	6		2	2	2

9.4.5 Inkqutyana 5.5: Imingcipheko engundoqo ehlaziyiweyo noncitchiso kwiSP

Isiphumo	Imingcipheko engundoqo	Uncitshiso lwemingcipheko
Ukunyuka kwexabiso leRandi kutyalomali	Amandla oqoqosho okudala imisebenzi nokukhula kweGDP akubonakali ngenxa yokunqongophala kwabatyalimali kwiziseko ezingundoqo. Imeko yotyalomali iyaqhubeka ukuba ingaguquki okanye iyancipha ngenxa yezigqibo zomgaqonkqubo kazwelonke eziphikisanayo.	Ulungelwaniso lwamagalelo yinkxasomali yesizwe neyamazwe ngamazwe namahlakani omgaqonkqubo (umzekelo, i-dtic, i-IDC nabaxhasi bemali bamazwe ngamazwe) ukomeleza nokukhawulezisa iiprojekthi zotyalomali ezisisiseko ezikhoyo ngoku ukuvula amathuba amatsha emarike.
	Ukuba iASEZ ayifumani nkxasomali efunekayo yeziseko ezingundoqo kuMmandla uphela, isakhono sayo somhlaba abatyalimali siyaphazamiseka.	INkampani yeASEZ iphumeze enye imodeli yenkxasomali yeziseko ezingundoqo, ivumela inkxasomali ehlangeneyo evela kwicandelo labucala.

9.5 Inkqutyana 5.6: UThungelwano loQoqosho

9.5.1 Injongo

- Kukuxhasa nokuvuselela ukusetyenziswa, ukulungela nokufikeleleka kobuchwepheshe balemihla bekhompyutha kwabemi namashishini.

9.5.2 Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Ukuxhasa uqoqosho lobuchwepheshe balemihla bekhompyutha luhambelana nesigunyaziso esichaziweyo seDEDAT ngokukhuthaza ukuveliswa kwezinto ezintsha, ukukhuthazwa kwemizimveliso, ukukhula koqoqosho, nokudalwa kwemisebenzi kwiPhondo. Esi sigunyaziso sichatshazelwa ngendlela ethile yokujongana neemfuno namathuba athile eNtshona Koloni. Ukwamkela uqoqosho lobuchwepheshe balemihla bekhompyutha kunokukhokelela kwiinzuzo ezahlukeneyo ezifana nokwanda kwemveliso, amathuba amatsha oshishino, nokufikelela okuphuculiweyo kwiimarike, ngakumbi kwiSMME ezihlala zibonwa njengentsika kuqoqosho.

UbuChwepheshe noSungulo lwezinto ezintsha yenye yeePFA ezisixhenxe ezichongiweyo (iindawo eziphambili ekugxilwe kuzo) kwisicwangciso sokuKhula kweMisebenzi (G4J). Oku kubanzi ukuba umsebenzi wemveli weyunithi yoQoqosho lobuXhakaxhaka balemihla bekhompyutha obufanelekileyo kule nezinye iiPFA ezininzi, ngokukodwa uTyalomali, uThunyelo lwempahla kumazwe angaphandle, aMandla, iZiseko zophuhliso neNgqesheko.

I-DEDAT yenze ukhetho olucacileyo lokuthatha indima yobunkokeli ecacileyo nebonakalayo ekwenzeni uphuhliso loqoqosho eNtshona Koloni, kwaye ijonge ukungena kule ndima ngenjongo, ibe ligunya, umququzeleli, neengcali ezihloniphekileyo zobunkokeli kuhlumo loqoqosho eNtshona Koloni. eKapa. Ngokwandiswa, oku kuyinyani kubuChwepheshe noSungulo lwezinto ezintsha zePFA apho iDEDAT iyinkokheli echongiweyo.

Ngokubhekiselele ekukhuthazeni uqoqosho lobuchwepheshe balemihla bekhompyutha, uRhulumente weNtshona Koloni ebephambili kwaye wamkela kwangethuba. Yaqalwa njengongenelelo olukhawulezileyo yiDEDAT kwiminyaka engaphezu kweshumi eyadlulayo kwaye ngoku iqhutywa liSebe leNkulumbuso, indlela yothungelwano loThungelwano olubanzi bephondo obunyezisa eziphantse zibe ngama2 000 eziqhagamshelwe kubhengezo oluhamba ngesantya esiphezulu neziza zoluntu ezingaphezu kwe1 600 zewi-fi zibaluleke kakhulu ngaphambi kwamanye amaphondo. Ngokungathandabuzekiyo, iNtshona Koloni kuphela kwephondo eliye lahlangabezana, laze

Iagqithisa, koko bekujoliswe kuko okubekwe kumgaqonkqubo woThungelwano loMzantsi Afrika lwama2013. Indima yoQoqosho lobuXhakaxhaka balemihla bekhompyutha kukuxhamla kolu tyalomali nesikhundla nokwandisa ukukhuphisana kwamashishini nokuphucula impilo yabemi.

Usungulo lwezinto ezintsha nako, ngokoyilo, luyinxalenye yenkcubeko neenqobo ezisemgangathweni zikaRhulumente weNtshona Koloni. Kukho umnqweno ocacileyo wokufumana oku "kwiDNA" yombutho. Ukuqondwa kweengqikelelo ezimbini zobuchwepheshe nokuveliswa kwezinto ezintsha kwiqhinga leG4J luphawu olucacileyo kurhwebo nabemi ukuba iPhondo lizimisele ngokucinga ngendlela eyahlukileyo ukukhulisa uqoqosho.

Ngokutyala imali kwiziseko ezingundoqo zedijithali, ukukhuthaza ukwamkelwa kobuxhakaxhaka kuwo onke amacandelo, nokukhuthaza ushishino kwicandelo lobugcisa, iSebe linganceda ukuvuselela uphuhliso loqoqosho nokubeka iNtshona Koloni njengendawo ephambili yokusungula izinto ezintsha. Le ndlela yokusebenza ifezekisa iinjongo ezibanzi zorhulumente wephondo kunye noMgaqosiseko woMzantsi Afrika ngokufaka igxalaba kuphuhliso oluzinzileyo, amathuba emisebenzi, nenkqubela phambili kulo mmandla.

UbuChwepheshe noSungulo lwezinto ezintsha buchongwe njengewona mba uphambili ekugxilwe kuwo (PFA) kwisicwangciso seG4J. Imixholo echongiweyo kubuChwepheshe nakuSungulo lwezinto ezintsha zePFA iza:

- Komeleza ukwenza lula ukuqhuba ishishini nokukhuthaza inkqubo yendalo yobuchwepheshe neyosungulo lwezinto ezintsha;
- Khuthaza ukukhula nesidingo esitsha nokuqaliswa nokwandiswa kosungulo lwezinto ezintsha nobuchwepheshe;
- Ukuxhasa uphuhliso lwezakhono zabasebenzi; kunye
- Nokuseka iNtshona Koloni njengendawo exakekileyo yelinge leziqalo nezandiso.

Imisebenzi ethile ekufuneka yenziwe ukuzalisekisa oku kungasentla, iquka ukuseka imbumbano yohlumo lokuqalisa nokukhulisa nokuchonga amanyathelo aphambili okuvula amandla angakumbi. Oku kuza kuncediswa kukusekwa komanyano lohlumo neefemu zongxowankulu abasakhasayo, nokwakha isicwangciso sokwandisa ukuhamba kwemali eyinkunzi yemali ekuvuleleni iinkampani zaseNtshona Koloni. Imisebenzi ibandakanya ukusebenzelana namaziko emali asekhaya ngombono wokufumana izigunyaziso zelinge eliyintsika yokuvula imali yokuqalisa nokunyusa, ukwenza uphando lokufumanisa eyona ndlela ilungileyo yotyalomali lwemibutho yezemali kwiziko kwilinge eliyintsika, nolungiselelo lomdlalo yendawo yokubeka apho kufanelekileyo khona.

Ngokubhekiselele ekuxhaseni inguqulelo entsha, iCandelo liza kusebenzisana nabachaphazelekayo ukwenza inguqulelo nothungelwano lwentsebenziswano yeR&D nabezemfundo necandelo labucala. Kananjalo iza kuphuhlisa ukuqonda okucacileyo kwenkuthazo yezemali efikelelwa kwiiSMME kwaye iqinisekise ukuba ezi zifakwe kwikhathalogu kwaye zichazwe ngokufanelekileyo. Oku kuza kuqinisekisa ukuba iiSMME eNtshona Koloni zinolwazi, kwaye ziyakwazi ukufikelela lula, kwelona thuba lilungileyo lokuphumelela ekufakeni izicelo zezi nkuthazo.

ICandelo liza kuqalisa ngocwangciso lweNgxowamali yoMngeni woSungulo lwezinto ezintsha ngenjongo yokuvuselela intsebenziswano kwiR&D nokusungula izinto ezintsha phakathi kwecandelo labucala, urhulumente, izifundiswa, noluntu. Unxibelelwano phakathi kwamalungu amane equad helix (izifundiswa, ishishini, urhulumente noluntu) lubuthathaka ngoku. Ngenxa yoko incitho yeR&D iphantsi kwaye ijoliswa kakubi, uphuhliso aluthatyathelwanga kurhwebo, neenzuzo ezingaphunyezwa licandelo likarhulumente nelabucala. Lo mbutho womsebenzi ugxile ekuqondeni oku kungasentla, ukugqiba indlela eya phambili nokujolisa kwinkcitho ngeWCG exhaswa yiNkxasomali yoMngcipheko. Ingxinano kwinkxasomali ehambelanayo kuza kuba yinto ebalulekileyo kuyilo.

Ekomelezeni ukwenza lula ukuqhuba ushishino nokukhuthaza inkqubo yendalo yobuchwepheshe neyosungulo lwezinto ezintsha, iNkqutyana iza kuqhubela phambili umsebenzi wokuphuhlisa indawo enobume obungenzi mveliso kuyilo lwegumasholo/ummandla wepaseji emxinwa eNtshona Koloni eza kubonelela ngobume bovavanyo, uphando, uqeqesho nokuqinisekiswa kwemigaqo nesiqinisekiso. Oku kuza kwakha kwisantya esibalulekileyo esele senziwe kule ndawo. I-WCG idlala indima ebalulekileyo, ingekuko ekuphemeleleni utshintsho lolawulo kuphela, kodwa ibambe owona msebenzi ubalulekileyo wokuhlanganisa nokuqhubela phambili ithuba, ngeli lixa

kuthathelwa ingqalelo iindima ezohlukeneyo ezidlalwa ngabachaphazelekayo ngokubamanyanisa kwinjongo eyinzuzo macala omabini. Impumelelo yeli phulo ixhomekeke kule ntsebenziswano.

Uphuhliso lwezakhono zoluntu luza kuxhaswa ngothethathethwano nokukhuthaza iinkqubo zecandelo labucala likarhulumente. Oku kuya kwenziwa ngentsebenziswano esondeleyo neNkqubo yesi7.

Ukongeza koku kungentla, iCandelo lidlala indima ephambili ekunxibelelaniseni ubuChwepheshe noSungulo lwezinto ezintsha zePFA nengqokolela ehambelanayo yeeprojekthi. Oku kuquka iiprojekthi ezisuka kwiDEDAT nezinye ezisuka kwiWCED, DOTP, DEA&DP, DOA nakwiWesgro.

Ukusebenzela abemi baseNtshona Koloni

Kubekho inkqubela phambili nezinto ezintsha kubuchwephesha bobuxhakaxhaka balemihla bekhompyutha obukhuthaza ukufikeleleka nokusetyenziswa kwamaqela aphambili. Ngelixa iYunithi ingazikhuthazi ezi zinto, ziyafumaneka kuluntu ngokubanzi njengenxalenye yezixhobo zobuxhakaxhaka balemihla bekhompyutha, okanye njengeminikelo yenkonzo yorhwebo ephucula amava omsebenzisi.

Eli Candelo liza kuxhasa ushishino ngokudibana namashishini nabanye abachaphazelekayo ukuphuhlisa iiajenda zokuqhubela phambili ukukhula kobuchwepheshe nokuveliswa kwezinto ezintsha eNtshona Koloni. Ezi nkalo kugxilwe kuzo ziza kubandakanya iR&D, inkunzi yelinge necandelo lobuchwepheshe elithe nkqo. Umsebenzi wangaphambili kulo mmandla uchongiweyo amaqela, kwaye oku kuza kuphinda kufakwe kwisicwangciso saso nasiphi na isiganeko esifanelekileyo esinezi nkqo ukuqinisekisa ukumelwa.

9.5.3 Inkqutyana 5.6: Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zeziqhamo nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Umsebenzi ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ekujoliswe kuko kwiMTEF		
			2020/ 21	2021/ 22	2022/ 23	2023/ 24	2024/ 25	2025/ 26	2026/ 27
Ukunyuka kwexabiso lweRandi kutyalomali	Iiprojekthi zoqoqosho lobuxhakaxhaka balemihla bekhompyutha ezifumene inkxaso	5.4.1 Inani Labantu abafumene inkxaso ngezakhono zokufundiswa ngobuxhakaxhaka balemihla bekhompyutha			78				
	Abantu abafumene inkxaso ngezakhono zoshishino lwenqanaba lembewu	5.4.2 Inani labantu abafumene inkxaso ngezakhono zoshishino lwenqanaba lembewu			(15)	15			
	Amashishini abandakanyeka kwinkqubela phambili yeajenda yenguqu	5.4.3 Inani lamashishini abandakanyeka kwinkqubela phambili yeajenda yenguqu yobuxhakaxhaka balemihla				330			

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Umsebenzi ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ekujoliswe kuko kwiMTEF		
			2020/ 21	2021/ 22	2022/ 23	2023/ 24	2024/ 25	2025/ 26	2026/ 27
	yobuxhakaxhaka balemihla bekhompyutha eNtshona Koloni	bekhompyutha eNtshona Koloni							
Ukwanda kothunyelo lwempahla kumazwe angaphandle	Amashishini ancediswe ngongenelelo lwemveliso yobuxhakaxhaka balemihla bekhompyutha	5.4.4 Inani lamashishini ancediswe ngongenelelo lwemveliso yobuxhakaxhaka balemihla bekhompyutha				100			
Ukwenza lula ukuqhuba ushishino oluphuculiweyo	Inguqu yobuxhakaxhaka balemihla bekhompyutha enxulumene nohlaziyo lolawulo olucetyiweyo	5.4.5 Inani leenguqu zobuxhakaxhaka balemihla bekhompyutha enxulumene nohlaziyo lolawulo olucetyiweyo				3			
Ukunyuka kwexabiso leRandi kutyalomali	Uphononongo lokwenzeka kwezinto kwiindlela zokwandiswa kweentengo zemboleko ezifanelekileyo kubuchwepheshe beNtshona Koloni necandelo lemveliso	5.4.6 Inani lophononongo lokwenzeka kwezinto kwiindlela zokwandiswa kweentengo zemboleko ezifanelekileyo kubuchwepheshe beNtshona Koloni necandelo lemveliso olugqityiweyo				1			
Ukwenza lula ukuqhuba ushishino luphuhisiwe	Uphuculo lolawulo lobuChwephesha noSungulo lwezinto ezintsha' oluphuhlisiwe	5.4.7 Inani lophuculo lolawulo lobuChwephesha noSungulo lwezinto ezintsha' olungenisiweyo					2	2	2
Ukwenza lula ukuqhuba ushishino oluphuculiwe	Iinkqubo zendalo 'yobuChwepheshe noSungulo lwezinto ezintsha' ezixhaswa	5.4.8 Inani leenkqubo zendalo 'zobuChwepheshe noSungulo lwezinto ezintsha'					4	4	5

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Umsebenzi ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ekujoliswe kuko kwiMTEF		
			2020/ 21	2021/ 22	2022/ 23	2023/ 24	2024/ 25	2025/ 26	2026/ 27
	ngamaphulo okomeleza	ezifumene inkxaso ngamaphulo okomeleza							
	lingxelo zoQoqosho lweIQ eziveliswe kugxilwe 'kubuChwepheshe noSungulo lwezinto ezintsha'	5.4.9 Inani leengxelo zoQoqosho lweIQ eziveliswe kugxilwe 'kubuChwepheshe noSungulo lwezinto ezintsha'					1	1	1

9.5.4 Inkqutyana 5.6: Izalathisi zeziqhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Iprojekthi yeGroundbreaking ukuqhubela phambili icandelo lobuchwepheshe begumasholo

I*Ntshona Koloni* isebenza ngokusondeleyo necandelo labucala kwiprojekthi yokuqala ukuqhubela phambili icandelo lobuchwephesha bamagumasholo. Eli nyathelo lijolise ekuboneleleni ngemekobume yovavanyo elawulwayo, inkxaso yolawulo, nokukhuthaza uphuhliso lwezisombululo zamagumasholo, ezineziphumo ezilindelekileyo ezibandakanya ukwahlukana kwezoqoqosho, ukuqhubela phambili kobuchwepheshe nokudalwa kwemisebenzi ebalulekileyo. Le projekthi imiselwe ukuba ixhamle kuphuhliso loqoqosho olubandakanyayo, ukulima ukuhamba komoya ezidolophini novavanyo lobuchwepheshe obutsha. Ngaphezu koko, ifuna ukudibanisa ubuchwepheshe bendawo, ukukhuthaza uphuhliso lwezakhono zeSTEM nokukhuthaza ukukhula koqoqosho kwiindawo ezisemaphandleni nasezidolophini, ukukhuthaza amathuba oosomashishini namaqela angamelwanga. Ngokutsala utyalomali oluthe ngqo lwamazwe angaphandle, i*Ntshona Koloni* ijolise ekubekeni uMzantsi Afrika njengenkokeli kushishino lobuchwephesha ngeenqwelomoya, isebenzise intsebenziswano yoluntu lwezenzo ukuqhubela lo mmandla ukuba ube phambili koku buchwepheshe buzisa iinguqu. Eli nyathelo alithembisi kuphela izibonelelo zoqoqosho nezobuchwepheshe, kodwa nenkqubo yendalo edlamkileyo yokusungula izinto ezintsha nenkqubela phambili.

Ukujonga phambili, iSebe, nabalingane balo, liza kuqhuba uphuhliso lwetyala leshishini leGumasholo /lobume bendawo engenamveliso yeUAV, eza kubona abalawuli, ishishini nezifundiswa ziyasebenzisana ekuphuculweni kolawulo lokuphatha nemodeli yobume bendawo engenamveliso, iyenza ibe yeyokuqala eMzantsi Afrika.



Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngonyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
5.4.7 Inani lophuculo lolawulo lobuChwephesha noSungulo lwezinto ezintsha' olungenisiweyo	2				2
5.4.8 Inani leenkqubo zendalo 'zobuChwepheshe noSungulo lwezinto ezintsha' ezifumene inkxaso ngamaphulo okomeleza	4				4
5.4.9 Inani leengxelo zoQoqosho lweIQ eziveliswe kugxilwe 'kubuChwepheshe noSungulo lwezinto ezintsha'	1				1

9.5.5 Inkqutya 5.6: Imingcipheko engundoqo ehlaziyiweyo noncitshiso kwiSP

Isiphumo	Imingcipheko engundoqo	Uncitshiso lwemingcipheko
Ukunyuka kwexabiso leRandi kutyalomali	Imibamandla efana nobunkokeli bezobuxhakaxhaka balemihla bekhompyutha, ukuqondwa kwamaqithiqithi nokukhetha kunqongophele, okukhokelela ekubeni inguqu yobuxhakaxhaka balemihla bekhompyutha yeNtshona Koloni ingoneli, kwaye ikhokelela ngakumbi kuqoqosho olungakhuphisaniyo.	Qonda kwaye uhlatutye imarike, kubandakanywa neentsingiselo zengingqi nehlabathi. Phuhlisa iimpindulo ezifanelekileyo ezilungiselelwe iNtshona Koloni kwaye utyale imali ngokufanelekileyo kwimimandla efana nobunkokeli bezobuxhakaxhaka balemihla bekhompyutha, imfundo nonxibelelwano, njengoko kukhokelwa bubungqina bemarket.
	Ilahleko yesantya ekugcineni isikhundla seAfrika yoXhuthiso lobuChwepheshe nokhuphiswano lophuculo lwenkqubo yendalo ngenxa yokungafumani ncedo kubuChwepheshe noSungulo lwezinto ezintsha zePFA yeDEDAT namahlakani.	Ngokuhambelana neenjongo zokujoliswe kuko kobuChwepheshe noSungulo lwezinto ezintle zePFA, nikezela ingqwalasela efunekayo kwaye uphendule ngemithombo ehambelanayo (ikakhulukazi uxhotyiso lwabasebenzi kwakunye nentengiso nonxibelelwano).
Ukunyuka kwexabiso leRandi kutyalomali	Kukho ukuzithemba okuphantsi kwabathathinxaxheba kwimpindulo kaRhulumente weNtshona Koloni kumacandelo obuchwepheshe nosungulo lwezinto ezintsha xa kujongwa ukujongelwa phantsi okubonakalayo kwiminyaka yakutshanje, okukhokelela kwinqanaba eliphezulu lokuthandabuza ukuba umdla ohlaziyiweyo uyasebenza.	I-G4J ibonise ukubaluleka kobugcisa kunye nokutsha. IDEDAT ukusebenzisa oku njengesibhengezo esidlangalaleni sokuzibophelela kwicandelo. Ukongeza, ubukho beDEDAT nokubandakanyeka kwiindibano eziphambili zabathathinxaxheba nothungelwano kuya kuphinda kumise umnqweno wethu wokusabela kwiimfuno zoshishino kwiinkalo zobuchwepheshe nosungulo lwezinto.

9.6 Inkqutyana 5.7: UQoqosho loHlaza

9.6.1 Injongo

Kukuvuselela uphuhliso loqoqosho lohlaza namashishini anxulumeneyo nokuququzelela ukuphucuka kokomelela kwezixhobo zokwandisa ukhuphiswano nokomelela koqoqosho luphela.

9.6.2 Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Amandla ombane ngowona mqobo ubophelelayo kwiNtshona Koloni nakuqoqosho lukazwelonke. Ukujongana nale ngxaki, iinzame ezihlangeneyo nezilungelelanisiweyo ziyafuneka kuRhulumente weNtshona Koloni ngokubanzi ukuze kunikezelwe ngongenelelo ngoncedo nezicwangciso njengoko zichazwe sisicwangciso seG4J. Oku kuza kufuna ukudityaniswa kwezibonelelo namandla, apho iNkqubo iza kudlala ubunkokeli obuphambili nendima yenkxaso.

Ukongeza, ukuqaphela ukuba utyalomali olubalulekileyo lwecandelo labucala nelikarhulumente kuya kufuneka ukuvelisa ubonelelo olongezelelweyo lombane. Inkqutyana kuya kufuneka iqhube kwaye iwasebenzise ngokukhuthelayo amathuba okukhula avela kwiNdawo ekuGxilwe kuyo ngokuPhambili: ukuZinzisa amandla nokuTshintsha ukuya kwiKhabhoni yeNtsalela ePhantsi. Ukuxhasa injongo yale PFA yokuelisa phakathi kweebhiliyoni zeerandi ezingama20 ukuya kumaR70 eebhiliyoni, iNkqubo iza kuxhasa kwaye iwandise amathuba otyalomali nawemisebenzi abonelelwa kukoMelela kwaMandla oMbane, kubandakanywa nophuhliso longxengomoya wohlaza notyalomali olukhulu lweziseko ezingundoqo ekunokwenzeka ukuba luvulise. UMngxengomoya wohlaza uye yavela njengenye indlela ekhethwayo yehlabathi, umthombo wamandla ococekileyo, ngakumbi kumashishini anzima ukuwaphelisa athi ngokuhlangeneyo enze ama32% yokukhutshwa kweCO₂ yehlabathi. Ngesiseko sayo esisekiweyo seziseko ezingundoqo nezibuko, iNtshona Koloni ibambe isitshixo sikazwelonke sokuvula inzuzo yelizwe kwangethuba kwimarike yoNgxengomoya wohlaza (GH2). Kodwa isantya nokuphendula kubalulekile ukukhusela indawo yeNtshona Koloni kwithuba longxengomoya, kwaye oku kuya kufuna kwixesha elizayo, ukuphuhliswa kweNdawo kaxakeka yaseSaldanha yeGH2. Ukusebenzisana ngokusondeleyo namaqumrhu ethu nezigunyaziso zawo ngokwahlukeneyo, iNkqutyana iza kulungelelanisa kunye/okanye ilawule iinkqubo zendalo noNgxengomoya loHlaza nentsebenziswano, kubandakanywa iindlela zokusebenza ezifanelekileyo ezithe zavela kwisiVumelwano sokuQondana noMntla naseMpuma Koloni, nokuxhasa imiba yomgaqonkqubo efanelekileyo eza kudala imeko evumela abatyalimali.

Ukusebenzela abemi baseNtshona Koloni

Ukusasazeka kwendawo yamandla ahlaziyekayo kunokwenzeka ukuba kuxhamle uluntu kwimimandla yasemaphandleni ngaphandle komasipala ombaxa. Ngaphaya koko, izibophelelo zabatyalimali abanenjongo yokuzuzisa inkxasomali yokuTshintshwa Nje kwamazwe ngamazwe kunye nezinye maxabiso zeREIPP ziza kufuna uhlengahlengiso olubonelela ngeenzuzo ezinzulu kuluntu olufanelekileyo. INkqutyana ijonge ukukhokela abatyalimali baMandla aVuselelwayo kulo mba wokwandisa amathuba anokuthi afumaneke kumaqela aphambili eWCG achongiweyo.

9.6.3 Inkqutyana 5.7: Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zeziqhamo nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Umsebenzi ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ekujoliswe kuko kwiMTEF		
			2020/ 21	2021/ 22	2022/ 23	2023/ 24	2024/ 25	2025/ 26	2026/ 27
Ukomelela kwezixhobo zoqoqosho kuphuculiwe	Amashishiniancediswe ekuphuculeni kokomelela kwezixhobo (amandla ombane namanzi)	5.6 Inani lamashishini afumene uncedo kuphuculo lokomelela kwezixhobo (Amandla ombane namanzi)			218				
	Oomasipala abancediswe ekuphuculeni ukomelela kwezixhobo (amandla ombane namanzi)	5.7 Inani loomasipala abancedwe kukomelela kwezixhobo (amandla ombane namanzi) eziphuculiweyo			25				
	Iiprojekthi zokomelela kwamandla ombane ezifumene inkxaso	5.8 Inani leeprojekthi zokomelela kwamandla ombane ezifumene inkxaso			5	2			
	Iiprojekthi zokomelela kwamanzi ezifumene inkxaso	5.9 Inani leeprojekthi zokomelela kwamanzi ombane ezifumene inkxaso							
Ukunyuka kwexabiso leRandi kutyalomali	Amathuba okukhula afumene inkxaso malunga nokomelela kwamandla ombane	5.10 Inani lamathuba okukhula afumene inkxaso malunga nokomelela kwamanla ombane					1	1	1

9.6.4 Inkqutyana 5.7: Izalathisi zeziqhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngonyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
5.10 Inani lamathuba okukhula afumene inkxaso malunga nokomelela kwamanla ombane	1				1

9.6.5 Inkqutyana 5.7: Imingcipheko engundoqo ehlaziyiweyo noncithshiso kwiSP

Isiphumo	Imingcipheko engundoqo	Uncitshiso lwemingcipheko
Ukomelela kwezixhobo zoqoqosho kuphuculiwe	Ingxaki yamandla iye yabhengezwa njengentlekele kaZwelonke, kungekho kuphumla kwangoku kucingelwayo. Ubunzima bamandla buqhwalalisa uqoqosho kwaye amandla sisinyanzelo esibophelelayo kuhlumo loqoqosho lwexesha elizayo. Nangona kukho utshintsho olulawulayo kwimo yelizwe, oomasipala necandelo labucala basasokola ukufumana, ukunika amandla nokuqhuba amathuba amatsha ombane.	<p>Khokela ukuphunyezwa kweprojekthi zamandla ezikhethiweyo ezifana nezi: Cwancisa utyalomali olwandisiweyo kutshintsho lwamandla olufanelekileyo, ukukhuthaza imveliso yasekhaya nokuhlanganiswa kweenkqubo zamandla namacandelo kwaye uqhube uphuhliso loshishino longxengomoya lohlaza.</p> <p>Khokela uphuhliso lwesiCwanciso soTyalomali lwaMandla ombane Nje lweWC esiza kusetyenziswa ukutsala inkxasomali nengxowamali efunekayo ukuze kuphunyezwe iNkqubo yokuZinzisa amandla eWC.</p> <p>Ukulungelelanisa abachaphazelekayo kwezoqoqosho ekulawulweni kobunzima – ukubonelela ngeenkukacha, ukunika inkxaso kumashishini nokusebenza njengombhobo weengcingo zombane phakathi kwabadlali becandelo lezoqoqosho neWCG.</p>
Ukomelela kwezixhobo zoqoqosho kuphuculiwe	Abatyalimali kuqoqosho lokusingqongileyo abatyali imali ngenxa yemigaqonkqubo ehlala iguquka kunye/okanye engenabubele kubatyalimali kaRhulumente kaZwelonke neeSOE, okukhokelela kuqoqosho olusezantsi lotyalomali kwiPhondo.	Ukubonelela abatyalimali ngeenkukacha eziyimfuneko ukuze bajonge utshintsho kumgaqo-nkqubo, babe nentembelelo kwiNkqubo yeWC yokuBuyiselwa kwamandla, kwaye benze izigqibo zotyalomali eNtshona Koloni ngokusekelwe kwiindleko zokuthelekisa neempembelelo zoqoqosho.

9.7 IiNgqwalasela zeZixhobo zeNkqubo

Ulwabiwo lohlahlomali lweNkqubo neNkqutyana

Inkqubo yesi 5 R'000	Isiphumo			Ulwabiwo mali oluphambili	Ulwabiwom ali olulungelelisiweyo	Uqikelelo oluhlaziyiweyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakahi sonyaka			
	Okuphicot hiweyo	Okuphicot hiweyo	Okuphicot hiweyo				2024/25	I-% yoTshintsho loqikelelo oluhlaziyiweyo	2025/26	2026/27
	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2023/24	2023/24	2024/25	2023/24	2025/26	2026/27
Umgaqonkqubo wezoQoqosho noCwanciso	2 752	6 157	8 385	4 572	4 636	4 636	4 871	5.07	4 622	4 877
UPhando noPhuhliso	8 706	8 487	7 169	4 947	6 047	6048	11 144	84.26	10 620	10 951

Inkqubo yesi 5 R'000	Isiphumo			Ulwabiwo mali oluphambi li	Ulwabiwom ali olulungelela nisiweyo	Uqikelelo oluhlaziyi weyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakahi sonyaka			
	Okuphicot hiweyo	Okuphicot hiweyo	Okuphicot hiweyo				I-% yoTshintsho loqikelelo oluHlaziyiwe yo	2025/26	2026/27	
	2020/21	2021/22	2022/23							2024/25
ULawulo lweeNkcukacha			1	1	1		1		1	1
UBekoliso noVavanyo										
Ukunika aMandla iZiseko zophuhliso naMaphulo	81 002	91 181	87 757	58 966	56 832	56 832	64 808	14.03	45 482	47 561
UThungelwano lwezoQoqosho	15 754	9 249	8 486	15 232	11 481	10 975	7 375	(32.80)	7 541	7 966
UQoqosho loHlaza	21 398	25 076	17 982	33 601	14 991	15 497	10 507	(32.20)	11 064	11 780
IiNtlawulo zizonke neengqikelelo	129 612	140 150	129 780	117 319	93 988	93 988	98 706	5.02	79 330	83 136

Ingcaciso yegalelo lezixhobo ekuphunyezweni kweziquhamo

Iyunithi yoLungelelaniso lwezoShishino ixhasa iSaldanha Freeport ngendlela yeprojekthi nenkxasomali yokusebenza (njengoko kwaye ukuba kufanelekile) Ikwabonelela ngolwazi olufunwa siSigqeba sePhondo malunga neSaldanha Freeport, kubandakanywa ukuxhasa ubudlelwane nabachaphazelekayo nobudlelwane botyalomali, ngokunjalo ukubonelela ngolongamelo kwiziko elilawulayo laseSaldanha Freeport. Inkxasomali yeprojekthi ivumela iqumrhu ukuba lenze ucwangciso oluyimfuneko lweziseko ezingundoqo ukutsala utyalomali oluthile kummandla.

Iyunithi yoMququzeleli weKapa ixhasa iASEZ ngenkxasomali yokusebenza, nangokuququzelela izigqibo zeSigqeba sePhondo njengoko kufunwa yiASEZ, ukuxhasa ubudlelwane nabachaphazelekayo, ukunika igalelo kwinqanaba lobugcisa, nokubonelela ngolongamelo kwiziko elilawulayo leASEZ. Inkxasomali yokusebenza yenza ukuba iNkampani iASEZ ilwazi utyalomali kumhlaba kwicandelo lobugcisa bohlaza. Olu hlahlo lwabiwomali luthotywe ukusuka kulo nyakamali uphelileyo, kwaye kulindeleke ukuba iNkampani yeASEZ iqhubele phambili ixhasa ngemali imisebenzi yayo ukusuka kwimithombo engeyiyo eyemali yephondo. Iqela loMququzeleli weKapa libandakanya uMlawuli Obambeleyo.

9.8 Amaqumrhu kaRhulumente

Igama lequmrhu likarhulumente	IGunya	Ulungelelwano neSiphumo seDEDAT	Iziqhamo ziphambili	Uhlalo lwabiwomali lwangoku (Amawaka eRandi)
iSaldanha Freeport IDZ	UkuKhula kwezoQoqosho nokudalwa kwemisebenzi	Ukunyuka kweRandi yexabiso lotyalomali	Isivumelwano sokuqeshisa phakathi koMqeshi noMsebenzi sityikityiwe	20 000
INdawo yoQoqosho oluKhethekileyo lwaseAtlantis	Ulawulo lweNdawo yoQoqosho loHlaza oluKhethekileyo lobuChwepheshe.	Ukunyuka kweRandi yexabiso lotyalomali	Utyalomali luqiqiwe linkonzo zorhwebo ziqalisiwe	39 324

10. INkqubo yesi6: UKhenketho, ubuGcisa noKonwabisa

10.1 Injongo

- Kukuquzelela ukuphuyezwa kwesicwangciso esihlanganisiweyo sokhenketho esiza kukhokelela kuhlumo oluzinzileyo nolwandileyo nokudalwa kwemisebenzi kushishino lwezokhenketho.

10.1.1 Ulungelelwano nezicwangciso zikazwelonke nezephondo

Ulungelelwano nezicwangciso zikazwelonke

Inkqubo yesi6 ixhalabele uninzi lwezinyanzeliso ezicwangcisiweyo ezichongiweyo kwiNDP ngokumela nokuphembelela uhlaziyo lwemvume yokungena kwelinye ilizwe nohlaziyo lomgaqonkqubo wokuhamba ngenqwelomoya, ukutyala imali kwiintlobo zesivuno esikhulu sokhenketho ukuze kunyuswe inkcitho, ukulandelela unikezelo lweziseko ezingundoqo zokhenketho nokugcinwa, ngokusebenzisa iWesgro, ukuquzelela ukufikelela iimarike zokuzonwabisa ezintsha nezoshishino.

Zombini iNDP neSakhelo sesiCwangciso sesiGaba esiPhakathi (MTSF) nazo zigxininisa unxibelelwano lwasemaphandleni/nokhenketho lunikwe isakhono esisodwa soshishino sokuvuselela uqoqosho olusekelwe kwiindawo zasemaphandleni. Inkqubo yesi6 isabela kwisinyanzeliso sokukhuthaza ukhenketho lwasemaphandleni ngokutyala imali kwimveliso yommandla (ngaphandle kweNqila yeKapa) nokomeleza amakhonkco onxibelelwano ngesithuba nangokwemixholo kwiPhondo liphela ngophuhliso lweendlela nokuthengiswa kwendawo ekothulwa kuyo. Inkqubo yesi6 ikwasebenzisana nabanye abaxhasi ngezimali abafana neSebe lezoKhenketho ukuqinisekisa ukuba amandla axhotyiswa phakathi kwamaqela aphambili kwiindawo ezisemaphandleni. Uqoqosho lwezokhenketho lwaselwandle sesinye sesithuba esinesakhono esikhulu sokukhula nesixhaswa ngokubonakalayo yiDEDAT.

IsiCwangciso seCandelo lezoKhenketho lukaZwelonke (NTSS) yalatha iintsika zesicwhangciso ezintlanu. Ukuphendula kwiNtsika yesi3, iNkqubo yesi6 ityala imali ekukhuleni okuphezulu, kwiintlobo zokhenketho eziphezulu ezibandakanya iminyhadala yeHalal, ukuhamba ngenqanawa, uhambo nokutya, nokhenketho lweyayini. Inkqubo yesi6 ikwaphumeza inkqubo yolawulo lwendawo ekothulwa kuyo (iNtsika yesi4) egxininisa kukhuseleko lokhenketho, uqinisekiso lomgangatho nocwangciso lweziseko ezingundoqo zokhenketho, ukuhanjiswa nokugcinwa kwazo. Iintsika yoku1 neyesi2 ziphuyezwa ngeWesgro noFikelelo loMoya waseKapa namalinge oJikelezo ngeNqanawe lwaseKapa. Ekudaleni amathuba kumashishini okhenketho, iDEDAT iyayiqonda

